

Ukubeka Ityala



Enkosi, Mzalwan'uNeville. Masime njalo okomzuzwana ngoku sithandaze. Masithobe iintloko zethu. Ingaba kukho zicelo zixeliweyo, ukuba ningasazisa ngokuthi niphakamise izandla zenu, nithi nje kuThixo, "Ndi—Ndi..."? Kugecineni engqondweni oko—oko nifuna ukukucela kuYe, kwaye nikholwe kuye ngentliziyo yenu iphela, ngelithuba ndinithandazelayo, kananjalo.

² Bawo waseZulwini, si...kuthatha oku njengelungelo elilodwa, ukuza endlwini yeNkosi, ngolu suku lunobumnyama, ukuze—ukuze sifumane ukuKhanya kweLanga likaThixo, kubengezela ukuze sive uMoya oyiNgcwele ucula ngabantu, uthetha ngabantu, i—isihlokwana nje semitha yeLanga ngaphakathi. SiyaKubulela ngoku, ukuKhanya kwaseMazulwini ezintliziyweni zethu. Siyakubulela kakhulu ngaloo nto! Ngoku ba... .

³ Abantu bakho baphakamise izandla zabo kule ndibano, kuba banezicelo, besithi banqwenela ukuba Ungabaphendula ngale ntsasa. Kwaye ndiyakuthandaza, Bawo, ukuba ubaphe ngamnye ngokwezicelo zabo. Kukho ezinye ezininzi, ezifumbe phezu kwedesika, nezinye izicelo ezininzi jikelele, ezabantu abagulayo, ababulalekayo, iimfonomfono, ezisuka kude, malunga namashumi amahlanu ngemini. Owu Thixo, siyakwenza ntoni? Sikhokelele, Nkosi. A—Asiyazi indlela emasiyihambe okanye senze ntoni, kodwa Wena unakho ukukhomba ezi zinto, kwaye siyakuthandaza ukuba Usenzele oko. Kuba yi—yinjongo yethu, Nkosi, ukuba obu bomi sibuphilayo emhlabeni sibunikwe nguWe, kwaye sifuna ukubusebenzisa sihlonele Wena ngabo. Ngoku sikhokele kwezo zinto, Bawo.

⁴ Sisikelele ngale mini njengoko sihlangele apha ukuphulaphula iLizwi leNkosi, sicule amaculo, sithandaze. Yive imithandazo yethu, cula nathi kumaculo ethu. Ukuze uthethe nathi ngeLizwi, kuba sikucela oku eGameni likaYesu. Amen.

Ningahlala phantsi.

⁵ Andinandawo ndiyaziyo nje endiyibalela ekubeni ililungelo elikhulu kum ukuba ndime kuyo, kunokuba ibiyakuba kukuma e—epulpitini, ndiqhekezele abantu abalindileyo, belambile, benxanelwe iSonka soBomi. Kwaye eli lilungelo elikhulu.

⁶ Kuqala, ndingathanda ukubuza ukuba ingaba kukho owosapho lakwa Wright okhoyo apha. UHattie okanye uOrville okanye nawuphina? Hattie. Ingaba uOrville ukunye

nawe, Hattie? Kulungile, mcele ukuba akanakuba nako na ukuza ngasendlwini, ngokukhawuleza, malunga nebendimxelele kona, uyazi. Afike endlwini, ukuba anganako. Ndilibebe ukuza nayo apha, ngale ntsasa, into yenjana abanayo ezantsi phaya. Ngoko ndi—ndinje . . . ukuba ninako, nidlule nje phaya endlwini xa nihamba nisiya kwe—kweyenu inkonzo . . . emva kwenkonzo.

⁷ Kwaye ngoku, u-Edith, udadebo boHattie, esamazi eseyintombazana encinane owaba sisiqhwala kwa e—esengumntwana. Kwaye ungumfazi ngoku, kwaye ukwimo embi kakhulu. Ngoku mna, malunga nonyaka odlulileyo, ndaya ezantsi phaya xa wayeqala ukufumana ukuphatheka kakubi kwakhe, kwaye ndakhawuleza ndafumanisa ukuba yayiyintoni na ingxaki yakhe, ngoncedo nobabalo lukaThixo. Ngoku, enyanisweni, into eyingxaki yalaa mntwana . . .

⁸ Uhleli, amalungu akhe adibene, kwaye akanako nokuwahlukanisa, kungenxa yoxinzelelo olukhulukazi kwimithamboluvo yakhe. Kodwa, into ekuyiyo, akukho nto isisikhwasilima ngokwasemzimbeni walo mntwana, ngaphandle kokubandezeleka ziintlungu zobulima bobusana xa wayekwisithuba seenyanga ezintandathu ubudala. Wakhala elila bonke ubomi bakhe phantse, sada . . . Samthandazela kwiminyaka emininzi eyadlulayo, kwaye—kwaye wasoloko onwabile ukususela ngoko, de kwamalunga nesithuba sonyaka odlulileyo.

⁹ Kwaye ngoku eneneni kukuyeka ukuya exesheni. Ngamanye amazwi kukutshintsha kubomi bakhe, kwaye imithamboluvo yakhe ikwimo embi kakhulu. Kwaye inekazi elincinane engqondweni yalo licinga ukuba lalisifa, a—akazukuphila nje, ukusuka nje kwiyure ukuya kwenye. Kwaye uyazi. Nabaphilileyo, abomeleleyo abafazi bafumana ubunzima ngelinye ixesha kufuneke bafakelwe ngokutofwa incindi yedlala, kwaye—kwaye kufuneka baye ezibhedlele, ukuze banyangelwe umothuko nezinto zonke, ngelo xesha.

Umntu uneenguqu ezimbini zobomi.

¹⁰ Baneenguqu ukusuka ebukhwenkweni ukuya—ukuya ebudodeni; ukusuka kubufazi . . . ukusuka ebuntombini ukuya ebufazini. Malunga neshumi elinesithandathu, neshumi elinesixhenxe leminyaka ubudala, babaligquba nje elihamba ngobusuku. Kwaye—kwaye ukuba nje ungabanyamezela kobo budala. Ndinentombi ekobobudala kanye ngoku, uRebekah. Ndiyamthandazela. Kwaye uBilly, owu, sonke ngabanye sisuka kobobuthuba bobudala bempambano. Kwaye—kwaye simelwe ukuba sibanyamezele, sizazi ukuba yinto a—abamelwe kukuba badlule kuyo.

¹¹ Kwaye ngoku, u-Edith, ekweli xesha lotshintsho lwe—lweminyaka esixhenxe. Njalo kwiminyaka esixhenxe, ubomi

bakho buyaguquka. Ngoko isixhenxe siphindwe kasixhenxe, 'yabona, kwaye—kwaye yenza ibonakale inobunzinyana, kwaye leya yinguqu egqibeleleyo. Kwaye i—iyabakhathaza abafazi. Amadoda adla ngokubanendlela ezingaqhelekanga ngeli xesha, kwaye ngamanye amaxesha ashiye nabafazi bawo. Kodwa abafazi a—ababinakuqhama emva koko. Kwaye sonke sidlula apho, kwaye masikhumbule ukuba zizinto ekufuneka sizinyamezele omnye komnye, siziqonde ezo zinto.

¹² Kwaye u-Edith omncinane ufikelele kulo meko, ulahle umzimba kakhulu, kwaye loo nto ubonakala embi. Kwaye—kwaye ndiyanixelela, ngobunye ubusuku, seningekho ndawonye ninonke; kwaye u—uhambo nje oluncinane nisihla niye phaya. . . Bahlala naye imini nobusuku. Kwaye uhambo oluncinane ukusuka kulo mnquba ne—neminye iminquba eyahlukileyo, i—iminquba engodade apha, abanye benu bantu nihle ukuya kubona usapho lwakwaWright. Ndiqinisekile bangayithanda loo nto. Nihle nje, nihlale nabo okomzuzwana, nithethe nabo, nibabambe izandla, kwaye nokuba alungeze lube ngaphezu kotyelelo lobuhlobo.

¹³ Si—siyilibala ngokulula loo nto, uyazi. Kwaye xa kufika kwawethu amakhaya, siye siyivuyele loo nto. Kwaye masikhumbule ukuba, nabanye bayayivuyela, nabo. Nosapho lakwaWright, ndiqinisekile, lungayivuyela. Ndi—Ndiyazi benikuyenza loo nto ukuba benazile ukuba bekukho imeko enjalo. Kodwa naningayazi, ngoko—ngoko ke ndinixelele ngale ntsasa, malunga nayo.

¹⁴ Yiyani niye kulutyelela usapho lakwaWright, nizame ukukhuthaza u-Edith. Ngoku ningamxeleli ukuba ubonakala embi. Mxeleleni ukuba “ukhangeleka emhle,” uza “kubangcono.” Nto leyo iyakubanjalo ukuba nje singahlala silindle ngaye. Size loo nto apha. Ungudade wethu, kwaye—kwaye silapha size kumxhasa lo mntwana. Kanye njengokuba ndifuna umntu ozakundibambela athandaze ngeli thuba ndijongene nokulingwa kwam, kwaye nani niswele umntungezenu.

¹⁵ Kwaye—Kwaye usapho lakwaWright belusoloko lu—lu elide. . . elinye lamalungu amadala ayihambayo le ndibano. Bona, ndiyaqikelela, noMzalwana Roy Slaughter kunye noDade uSlaughter. Ndibabonile kwimizuzwana nje embalwa edlulileyo, ndabaphakamisela isandla ngethuba ebebengena ngalo apha. Ndacinga, mna buqu, njengoko bendiqhuba ndijikela ikona, “Mingaphi iminyaka ndababonayo uMzalwana noDade Slaughter bethatha indawo zabo kule nkonzo, phantsi kwamahla-ndinyuka, kwaye nisanyovula nangoku?” Kwaye usapho lakwaWright, nabanjalo, uyabathakazelela abo bantu, uyabona. Kwaye masi—masibonise ukubathakazelela kwethu.

¹⁶ Ngoku, namhlanje, ndinoMyalezo omde. Ungokumangalela.

¹⁷ Kwaye—kwaye, ngoko, ngokuhlwanje, ndiyeva kukho umthendeleko nokuhlwanje kweenyawo, njalo njalo. Ngoko umfundisi uzakuthetha kwaye siza...sizakuhla. Kwaye ukuba—ukuba nikho, yizani nonwabele u—umyalezo ovela kumfundisi, ovela eNkosini, kunye novela ekuhlwanjeni kweenyawo kunye no—nomthendeleko, ngokuhlwanje. Eneneni i—izakuba bubusuku obuxineneyo ngokuhlwanje, ngoko sakuvuya ukuba nani, ukuba akukho ndawo iyenye niya kuyo.

¹⁸ Kwaye sifuna ukubancoma uDon Ruddell, kunye—kunye nomzalwana wethu, noMzalwana uJackson. Kwaye—kwaye aba bangabazalwana bethu, neenkonzo ezingoodade ezimanyeneyo. UMzalwana Jack Palmer olapha, owalusa i—iqela elisezantsi eGeorgia. Kwaye si—si—sifuna ukuncoma la madoda ngeentliziyo zethu zonke. Kuba, ngamaxesha xa sineenkonzo, xa ndingena, baye ba—bayeza ukuza kusityelela, kwaye siyakovuyela oko.

¹⁹ Ndiyambona, ngale ntsasa umhlobo wam olungileyo, uGqirha Lee Vayle nenkosikazi yakhe. Ndiphawule uDade Vayle phaya, kuqala, kwaye bendisoloko ndibheka—bheka ndikhangela ndifuna ukubona ukuba uphi na uMzalwana uLee. Kwaye ndine, into eMazantsi abadala abayibiza, “unomyayi wokuthetha kunye naye,” yabona, naninina xa ndinifumene. Bendisoloko ndimkhangela yonke imihla, kula ngqungquthela, abekho ezantsi phaya ukuza kuncedisana nam. Ndaze ndathi, “Kulungile, ukuba uLee uyeza, shumayelisani yena mna ndakuthandazela nje abagulayo.” Saza samkhangela, ngandlela zonke, kwaye asikhange sibenakumfumana. Ngoko, ndi—ndimfumene, unomyayi wokundirhiphulela yena, xa ndizakuthetha. Kwaye siyavuya ukuba noMzalwana noDade Vayle apha, ngale ntsasa.

²⁰ Kwaye mhlawumbi kukho nabanye abaninzi esingabaqondiyo. Ndibona udade apha, endikholwayo ukuba usuka eChicago. Andina...Ndiyabazi abaninzi apha, kodwa andinakho nje ukubakhankanya ngamagama abo ngokuchanekileyo. Ngoko si—siyabavuyela nokuba basuka phi na nokuba nipi na.

²¹ Ndiyababona abazalwana apha, amaqabane amabini azakubekwa izandla (abasebatsha ebufundisini, noko) ngale ntsasa. Ababini, abazalwana bethu bebala abavela phezulu eNew York, kwinkonzo yasePhiladelphia ebebesanda kufumana iziqinisekiso zabo, baza bachaza eli bandla njengendawo abavela kuyo. Kwaye sizakubabeka izandla, ukuba uThixo abusikelele ubufundisi babo eNew York. Sineenkonzo ezimbini okanye ezintathu phaya. Ndiyakholwa uMzalwana uMilano unebandlana analo phaya, kwaye si...siyavuyisana nabo. Kwaye—kwaye naba ababini bephuma ngoku, benzele abantu iinkonzo phaya. Kwaye si—siyazivuyela ezo zinto.

22 INkosi mayinisikelele, ngokukhulu, ngobuninzi! Ndithi xa ndibheka-bheka ndibone abantu abahlukahlukeneyo, kwaye kunzima nje ukubabiza bonke ngamagama, kodwa ndiyazi ukuba Yena uyaqonda.

23 Ngoku, ndiyakholwa, ukuba udade wethu, umdlali piyano, okanye omnye wabo angeza apha asidlalele.

Xa lathi ilahle loMlilo lamchukumisa
umprofeti,
Limenza msulwa msulwa kangako,
Kwaye xa ilizwi lika . . . izwi likaThixo lathi,
“Ngubani na owosiyela?”
Waphendula, “Ndimlo, thuma mna.”

24 Xa, sibamisela abefundisi ngokubabeka izandla. Ngoku, siyaqonda ukuba indlela yeSibhalo yokumisela umfundisi kukubeka izandla. Ndiyacinga ukuba kulapho abazalwana bethu beLatter Rain, okanye abantu beBattleford, njalo njalo, babhideka khona; kwaye bakukubona oko, ukubekwa kwezandla, ukwaba izipho zomoya. Ngoku, asikholelwa ukuba izipho ziza ngokubekwa kwezandla. Sikholelwa ukuba u . . . ukubekwa kwezandla kukunika igunya koko sele sikubonile. 'Yabona? Kungu “amen.” 'Yabona?

25 Ngoku, xa bathi babeka izandla kuTimoti, nakwabanye babobazalwana, baqaphela ukuba kuloo madoda kwakukho isipho. Khumbula, “Sikhwezele eso sipho sikuwe, sivela kunyoko-khulu uLoyis.” Kwaye bakubona oko kuTimoti, kwaye ngoko ke amadoda amakhulu abeka izandla phezulu kwakhe emmilisela. Musa ukubeka izandla phezulu komntu kungakhange kubekho nto ibonakaliswayo, uyabona. Kwaye bacela nje iintsikelelo. Kwaye sonke siyakholelwa koko. Ngoko asizabi izipho ezizezomoya; koko nje siyaziqaphela, size sibabeke izandla, ukubanika igunya, lokuba siyakholwa ukuba uThixo ubenzele abo bantu izinto ezinjalo.

26 Ndiqaphele, ngale ntsasa, emva kanye emva phaya, uMzalwana uMcKinney osuka . . . Ndiyakholwa ukuba nguKinney okanye uMcKinney, umfundisi waseWisile lo uhleli phaya ngemva, obesandula kubekwa izandla kutshanje, naye, ndiyakholwa ukuba kunjalo, apha eqongeni; ukuze abe nokubamba phezulu e-Ohio, noMzalwana uDauch kunye noDade uDauch, kunye neqela lase-Ohio.

27 Owu, xa sihlangene sonke, zonke ezi ndawana zidibene, kuyamangalisa. Akukho zimbaba; nazimbophelelo zingento, kodwa nje kuYesu Kristu, kuphelele apho, 'yabona, “sihleli nje kunye kwiindawo zaseMazulwini.”

28 Kulungile, dade, ukuba uyasinika . . . Masicule nje le vesi inye yalo, “Xa lathi ilahle loMlilo lamchukumisa umprofeti.” Masicule sonke ngoku.

Xa lathi ilahle loMlilo lamchukumisa
 umprofeti,
 Limenza msulwa msulwa kangako,
 Kwaye xa ilizwi lika likaThixo lathi, “Ngubani
 na owosiyela?”
 Waphendula, “Ndimlo, thuma mna.”

Thetha, Nkosi yam, thetha, Nkosi yam,

Ngoku bazalwana ningeza ngaphambili, ukuba ninako.

...kwaye ndiyakukhawuleza uku...

²⁹ Mabeze ngaphambili abanye abefundisi, ukuba banako, abazakubabeka izandla. “...Nkosi yam...” Abangabadlelane apha kulo mnquba, uMzalwana uRudell, uMzalwana uLamb, nabanye. Kanye *apha*, ukuba ninakho.

...kwaye ndiyakuphendula, “Nkosi, thuma mna.”

Ncedani, nilizekelele.

Owu, izigidi ngoku zisesonweni naseluzini ziyafa;

Phulaphula isikhalo sazo esibuhlungu nesikrakra;

Ngxamani, bazalwana, ngxamani nibahlangule; Khawuleza uphendule, “Nkosi, ndim lo.”

Thetha, Nkosi yam, thetha, Nkosi yam,

Thetha, ndiyakukhawuleza ukuKuphendula;

Thetha, Nkosi yam, thetha, Nkosi yam,

Thetha, ndiyakuphendula, “Nkosi, thuma mna.”

³⁰ Ungubani igama lakho, mzalwana? [UMzalwana uthi, “Ndingu-Orlando Hunt.”—Mhl.] UMzalwana u-Orlando Hunt, osuka kwiSixeko saseNew York. Ingaba kunjalo? Wena Mzalwana... [Omnye umzalwana uthi, “NguJoseph Coleman.”—Mhl.] NguJoseph Coleman.

Ngoku ukuba ningake nijike nijonge kwisihlewele, bazalwana bam.

³¹ UMzalwana uHunt kunye noMzalwana uColeman, banobizo lukaThixo ezintliziyweni zabo. Kwaye njengokuba sisandula kucula ingoma ngoku, “Kukho izigidi ngoku eziselusizini nasesonweni, ezifayo.” Basivile eso sikhalo sibi nesikrakra. Kwaye ngoku siyabacela: ngxamani, bazalwana, ngxamani niye kubahlangula!” ‘Yabona, khawuleza uphendule, “Nkosi, ndim lo.” Nantso indlela abaphendula ngayo, ngale ntsasa.

³² Kwaye thina nje, njengabazalwana bale nkonzu, kunye nesi sihlewele, sikuvuma oku, ngokubeka izandla zethu phezu kwabo nokubanika isandla sokunene sobudlelane, njengaba zakuba ngamangqina kaYesu Kristu, nenkxaso yethu apha,

ukuba siyakubaxhasa kuyo yonke into ehloniphekileyo nelungileyo, kwiVangeli. Sohlala siwathandazela la madoda, ukuba uThixo uyakuwasebenzisa ekuMhloneleni. Kwaye banga ubulungiseleli babo bungatyeba bube bukhulu eNew York. Akwaba obabo—ubomi babo bebuyakuzala kukukhonza Yena, besizisa izithungu ezixabisekileyo eBukumkanini. Banga banganobomi obude, nobolonwabo. Yanga iNkosi uThixo ingabarhanqela ngoBukho baKhe obunguNaphakade, abanike impilo namandla, abagcine enkonzweni yaKhe de uYesu Kristu ababizele kwiKhaya laNaphakade iZulu lokuphumla.

³³ Ngoku le ndibano...njengokuba sithobe iintloko, kwaye thina befundisi masize ngaphambili sizokubeka izandla phezu kwabo.

³⁴ Bawo wethu waseZulwini, sibeka izandla zethu phezu koMzalwana uHunt, eGameni leNkosi uYesu Kristu, ngokoko sikwaziyo ngaye, Nkosi, waba soloko engolungileyo. Kwaye sibulela Wena ngolo bizo lukubomi bakhe, lokulungiselela. Nkosi, thetha ngalo mzalwana, zusa imiphefumlo, zisa uhlangulo, Nkosi, kwabo basekuthinjweni, kuquka ukugula no—nokugula ngengqondo, kunye nokugula ngokwasemzimbeni nangokomoya. Nkosi, mnike ulungiselelo oluyinene, ukuze abe nakho, ukuthi esiphelweni sendlela yakhe, ajonge kanye ezantsi kumzila omde abone ukuba ubenako, ngobabalo lukaThixo, ukuthimba lonke utshaba. Ngaye uYesu Kristu iNkosi yethu, siyakucela oku. Amen.

³⁵ Phezu koMzalwana uColeman kananjalo sibeka izandla, njengamangqina, Nkosi, ukunikezela isivumo elubizweni lwakhe, ukuba thina, le nkonzo, eli qela labantu, bayakholelwa kuye njengesicaka sikaKristu. Kwaye siKucela ukuba uMsikelele umphe obukhulu, ubulungiseleli obunamandla, nokuba aKuzuzele imiphefumlo, Nkosi, ahlangule abathinjwa, aze—aze awaphule amandla kaSathana, kubomi babantu ahlanguana nabo. Mphe, Nkosi, ubomi obuneziqhamo, impilo entle kunye namandla. Kwaye, kwakhona, xa efika kwisiphelo sendlela, Thixo, menze ukuba abenakho ukujonga kumzila ongemva abone apho, ngobabalo lukaYesu Kristu, abenakho ukwaphula lonke ityathanga lotshaba, ngokuhlonela uThixo.

³⁶ Bawo waseZulwini, akwaba la madoda ngoku ebeyakuhlala esebenza kwisivuno sikaThixo. Zanga iintsikelelo zaKho zingahlala phezu kwawo zihlale kunye nawo de kube lelo xesha siyakuhlanganisana ezinyaweni zenkulu iNkosi yethu. EGameni likaYesu Kristu siyakucela oku. Amen.

³⁷ UThixo akusikelele, Mzalwana uHunt, akunike ulungiselelo oluneziqhamo. UThixo akusikelele, mzalwana, kwaye akunike ubu—ubulungiseleli obuneziqhamo, nawe, Mzalwana uColeman. UThixo akusikelele. Kwakhona:

Xa lathi ilahle loMlilo lamchukumisa umprofeti,
 Limenza msulwa msulwa kangako,
 Xa izwi likaThixo lathi, “Ngubani na
 owosiyela?”
 Waphendula, “Ndimlo, thuma mna.”

Owu, thetha, nko..(Wanga angathetha
 kwiintliziyo ezininzi ezincinane)..thetha,
 Nkosi yam, (Zibizwe nguThixo!)
 ... kwaye ndiyakukhawuleza ukuKuphendula;
 Thetha, NKosi yam, thetha, Nkosi yam,
 Thetha, kwaye ndiyakuphendula, “Nkosi,
 thuma mna.”

³⁸ Siyibulela kakhulu iNkosi ngale ntsasa ngeli wonga
 lingaka, inkonzo ibukele, kuthunyelwa abefundisi entsimini,
 kolu suku lokugqibela. Ubabalo lukaThixo luhambe nani,
 bazalwana bam! Ndiyathemba Wonithumela kumasimi
 angaphandle nakwihlabathi liphela, nishumayela ubutyebi
 bukaYesu Kristu obungenakuphandeka, apho bufuneka khona
 ngamandla. Liswele kakhulu, ihlabathi namhlanje.

³⁹ Ngoku, zininzi nje izinto ezilungileyo, kofuneka sithabathe
 okuncikane *apha* sithathe okuncikane *phaya*, ukuze sibenako
 ukuzifumana zonke kule nkonzo yale ntsasa. Ngoku namhlanje
 si, ndithetha ngomxholo endi...endingathandi kuwuvelela
 ngamanye amaxesha ngala maxesha mabi.

⁴⁰ Ngoku, kwiCawe edlulileyo, ukuba abanye benu
 babengekho kwaye—kwaye abazange bawufumane uMyalezo
 we-*Mfuduko YeSithathu*; kwaye ukuba ningathanda
 ukufumana amakhasethi, ndiyakholwa ukuba nakuwuvuyela
 lowo, *i-Mfuduko YeSithathu*.

⁴¹ Yintoni le ikhoyo, yinkwenkwe egulayo apha, okanye enye
 into? Owu, encinane, eqhwalelayo inkwenkwe. Ewe. Wanga
 uThixo angayisikelela. Nantso ke. Kulungile. Nje emva kwale
 nkonzo, sizakuthandazela abagulayo, nakanjani na, uyabona.
 Ngoko sizaku, ngoku, sizaku...

⁴² Siyanicela, ukuba ninganakho, nifumane uMyalezo
 omalunga ne-*Mfuduko yeSithathu*, kwakukwilixa lesithathu xa
 ukuKhanya, iNgelosi yeNkosi, yathi yabizela abantu
 emfudukweni, neyathi yaZibonakalisa ehlabathini,
 kwiMfuduko. 'Yabona? Ndinga ukuba ngenene oku
 kuyamangalisa, kum: imfuduko yesithathu!

⁴³ Ningakhathazeka xa ndingatyeda le bhatyi yam? [Ibandla
 lithi, “Hayi.”—Mhl.] Kushushu kakhulu apha kulo mnquba
 ngale ntsasa, kwaye isixhobo ekuphela kwaso sokuziphozisa
 esinaso kukuba—kukuba siziphekuze ngokwethu. Kufuneka
 nizivelisele umbane ngokwenu. Kwaye sisacwangcisa, ngenye
 imini, siyakufaka izixhobo zokuphozisa apha, nje ukuba izinto
 zilunge.

44 Ngoku, singakuvuyela, ukuba ninga—ningathanda uku—ukuwuva uMyalezo, we*Mfuduko yeSithathu*. Ngoku, sibe nazo zaninzi iimfuduko, kodwa ngokuqinisekileyo singagxininisa ndaweni ithile, kwixesha elithile, kwiimfuduko ezintathu apho uThixo, ekwimo yeNtsika yoMlilo, athe wehla waza kubiza nokuza kukhetha abantu. Ngoku, ngoku, kukukhethwa kwabantu.

45 Kwaye siyafumanisa ukuba, xa wathi Wababizela kwimfuduko yaKhe yokuqala, Wahamba phambi kwabo ekwiNtsika yoMlilo, waze wabakhokelela...ebakhokelela kumhlaba apho kamva wathi Wavela phambi kwabo, ekwimo yeNdoda ebizwa ngokuba nguYesu Kristu. Wayevela kuThixo, kwaye waphindela kwakuThixo. Kwaye aka...akazange amkelwe. Kwaye Wayeze kukhuphela abantu ngaphandle kwe—kwemo yokuzibumba ababengene kuyo, njengoko babenjalo phaya ezantsi eYiphutha, bazinikela esonweni nakwi—kwindlela zamaYiphutha. Waza uThixo wababizela ngaphandle.

46 Kwaye ngoku sifumanisa ukuba, ityeli lesibini, babezinikele phantsi kokukhonkxwa ko—kobuNgangamsha bamaRoma. Baza bagxuphuleka kwizithethe bemka ekunyanisekeni kwenene konqulo, waza uThixo kwakhona wathumela enye imfuduko. Kwaza i...Wavela ekubume boMntu owakhokela umntu.

47 Kwimfuduko yokuqala, WayeyiNtsika yoMlilo. Waze wathi, xa Wezayo ehlabathini, kulo mhlaba wayebakhokelela kuwo. Iyakuba ngumfuziselo onjani ukuba mhle kwiWaka leminyaka yophumlo, apho Akhokelela khona ibandla ngoku. “SiyakuMbona enjengokuba Enjalo, kwaye siyakuba nomzimba ofana nowaKhe wobuqaqawuli.”

48 Kwaye namhlanje, ngokuKhanya kweVangeli okubonakalisa ukukhanya okusuka ekuKhanyeni, iNtsika yoMlilo ebonakalayo phakathi kwethu! Inzululwazi iYibonile. Ikoolindexesha, nakwihlabathi jikelele. Kwaye Yona, ingokwenzululwazi nangokwasemoyeni, iqondakele njenjeNtsika yoMlilo, ngeempawu ezifanayo kwanezo zinto zifanayo Yahlala izizo. Kwaye ngoku phakathi kwiintsuku xenikweni kukho ukubaxa okuninzi nezinye izinto, nangoko, uThixo usoloko eZiqondakalisa. Ngoku sifumana oku.

49 Kwaye yinto emangalisa njani ukwazi ukuba, “Lo mnquba wasemhlabeni, ngenye imini,” lo mzimba mdala ubuthathaka sigula sibandezelekile kuwo, “uyakutshintshwa wenziwe ufane nomzimba OngowaKhe wobuqaqawuli; saye siyakuMbona njengoko Enjalo,” size sibe naYe kwelo Lizwe sisingise kulo namhlanje. Owu, ndinga...kuphantse kusenze size singangaphakama sicule *Ndisingise KwiLizwe LeDinga*. Mhlawumbi bobebecula yona kwinkonzo yobhaptizo, nakanjani na, kuba yingoma yethu yobhaptizo leyo.

⁵⁰ Ngoku kubazalwana, abalapha nakwelo lizwe aya khona la makhasethi, oko kukuthi kwihlabathi jikelele. Le Miyalezo ayikhethanga bani. Kwaye asingethandi ukuba abantu bacinge ukuba yinto yesiduko esithile okanye ibutho labantu abayibaxayo abahlanganiseneyo, “ukuze sizahlule, kubonakale njalo, singenalo uKholo,” okanye sizahlula kuye nabani na, okanye—okanye ngokuchasene noThixo, okanye ngokuchasene neBandla. Simele iBandla. Kodwa sizama nje ukubonakalisa, ngoMoya oyiNgcwele nangoncedo lwaKhe, imbangi yale yantlukwano sinayo namhlanje. Thina, asikholelwa kuyo.

⁵¹ Sikholelwa ekubeni zonke iinkonzo zimele ukuba nobudlelane, zingacalulani; amaWisile kwibutho lawo, namaBhaptizi kwelawo, nebutho loBunye, nelobuTrinita, nokunye esinako, zonke zizintlabazahlukane. Sikholelwa ekubeni zimele ukuhlanguka, njengeqela elinye elimanyeneyo loMzimba kaYesu Kristu, zilindele oko Kuza kunobuqaqawuli. Akumelanga ukuba zahlukane, nakanye.

⁵² Kwaye yintoni eyahlula-hlulayo, kumele kube kukho undogo wesizathu sokuba sibe asimanyananga. Ekuyiphononogeni, ndiphawula, ekuyiphononogeni, ukuba asiyomibala yesikhumba sethu; kuba, simthubi, mnyama, sintsundu, namhlophe, sonke ngokwahlukeneyo sikwimibutho eyahlukeneyo. Asilohlobo lakutya esikutya; sonke sitya ukutya okufanayo. Sinxiba uhlobo olunye lwempahla, njalo njalo. Kodwa ndiyayibona apho kanye ikhoyo, ngumntu othe waphambuka kwindlela eqingqiweyo yemfundiso yeVangeli, mntu ngamnye.

⁵³ Kwaye kumele kubekho indlela yokubonisa kanye ukuba nguwuphi olungileyo inguwuphi ongalunganga. Kwaye inye kuphela indlela yokuyenza, asikokutolika iLizwi, koko Lifunde ngolo hlobo Lililo uLikholelwe ngolo hlobo.

⁵⁴ Xa umntu ngamnye enika eyakhe, ingcaciso eyeyakhe, iLenza lithethe into eyahlukileyo, ilibuyisela emva kwimvelaphi yombutho webandla lamaKatolika. Lona, ibandla lamaKatolika likholelwa ekubeni uThixo usebandleni laKhe, “Kwaye iLizwi alinanto yakwenza nalo; kwaye uThixo usebandleni laKhe.”

⁵⁵ Kwaye thina maProtestanti, njengoko sifumanisa, nanjengakwiSityhilelo 17, ukuthi zonke zafumba ndawonye, nokuba inkonzo yamaKatolika “yayingunozala” wemibutho yonke. Kwaye siyawubona umbutho wamaProtestanti, osamfamekileyo, umfamekile, unemvelo efana nebandla lamaKatolika. IBhayibhile ilibiza ibandla lamaKatolika ngokuba “lihenyukazi,” elamaProtestanti ibandla, ithe “ngamahenyukazi,” yathi i”henyukazi lalingunina wamahenyukazi.” Kwaye abo ngabantu, ngumfazi odume kakubi onganyanisekanga kwizifungo zomtshato wakhe.

56 Kwaye sonke sibanga kuba singuMtshakazi kaKristu, ukanti asinyanisekanga konke. Ingaba yintoni ebanga ukunganyaniseki? Ngokuphila ngokuchaseneyo ne-nengqeqesho awathi uThixo wayalela uMtshakazi waKhe ukuba aphile ngayo. Leyo yimbono yam, iBhayibhile, yaye iliLizwi likaThixo elingnakuphosisa, ndiyakholwa.

57 Kwaye, ngoko, sifumanisa ukuba ibandla lamaProtestanti, ukuze libenombutho, liyazahlula nditsho nakwiZibhalo, ukuze lizenzele umbutho. Abefundisi, ababekwe izandla, bayakubambelela kwizinto aba . . .

58 Ngoku, beza kwigumbi lam lokufundela nakwamanye amagumbi, ngamakhulu, bandixelele, “Mzalwana uBranham, ucela umngeni kwaba bantu. Akukho nabanina onokuma phaya achasane Noko. Bayazi ukuba yiNyaniso.”

Kutheni, nditsho, “Kutheni, kutheni ningakwenzi nje?”

59 “Kulungile, uyabona, ukuba ndiyakwenza njalo, ndiya kusingqibela isonka sam. Akukho namnye. . . Ndinolungiselelo. Ndinyanzelekile ukuba ndiye eNkosini, kwaye ndinyanzelekile ukuba ndiye ebantwini. Kwaye andisayikubanamxhasi.”

60 Ingaba uyaqonda ukuba nguKristu yedwa umxhasi wethu! IBhayibhile ngumxhasi wethu. 'Yabona?

61 Kodwa, yona, 'yabona, loo nto ngoko iyalilahla i—ibandla lamaProtestanti kanye ngolo hlobo ilahla ngalo elamaKatolika ibandla.

62 Ibandla lamaKatolika alikhathali. . . Kulungile, Anditsho . . . Andiyenzi krwada kangako, ukuthi abakhathali kokuthethwa yiBhayibhile. Baya—bayayikholelwa iBhayibhile, kodwa, 'yabona, bane. . . Kukushiyelana izikhundla kobuPostile into ibandla lamaKatolika elisekelwe phezu kwayo. Oko kukushiyelana izikhundla koophapha, kwaye babiza uPetros ngokuba nguphapha wokuqala, ukuhla. Ngoku, baya—bayakholelwa koko. Baku, bakukholelwa ngamandla oko.

63 Kwaye amaProtestanti, 'yabona, aya—ayahlanganisana abenombutho kanye njengoko benzayo eNicea, eRome, apho baqulunqa khona i—ibandla lamaKatolika nge. . . kwiQumrhu laseNicea. Kwaye sifumanisa ukuba ayinto enye. Omabini ayinto enye. Bayalishiya iLizwi likaThixo, benze umbutho. 'Yabona? Kwaye xa kufika kwiiNyaniso ezininzi ezinkulu ezibonakala zingaqhelekanga namhlanje, intsha kubo loo Nto, kuba bafundiswe izithethe kuphela.

64 Asinazithethe koko yiBhayibhile. Asinayimbi into ngaphandle kweLizwi eliNgewele likaThixo, kwaye yiloo Nto esimi kuyo.

65 Kwaye ngoku, namhlanje, ndifuna ukufunda iSibhalo, umzuzu nje, kwelingcwele, elindilisekileyo iLizwi likaThixo, elifumaneka kwiNewadi kaLuka oNgewele. Isahluko

samashumi mabini anesithathu sikaLuka oNgewele, ukusekela, ukufumana i—iqonga loku ndi—ndifuna ukukuthetha, umongo wengcinga koko ndifuna ukukuthetha. Kwaye ngoku ningatyhila kuLuka oNgewele, esama-23 isahluko, kwaye ndifuna ukufunda ibenye ivesi. Nako kuphela endikufunayo njengesiseko ngale ntsasa, ukuze ndisibeke phezu kwayo. Ngoku masifunde eyama-20. . . isahluko sama-23, ivesi yama-33 kwisahluko sama-23.

Bathi ke ba...bakufika kwindawo, le kuthiwa luKakayi, bambethelela emnqamlezweni khona apho, kwanabenzi bobubi abo, omnye ngasekunene, nomnye ngasekhohlo.

⁶⁶ Ngoku ndifuna ukuthabatha abemane amazwi phaya, kweso sifundo, ukusekela endifuna ukukuthetha, “baMbethelela emnqamlezweni khona apho,” amazwi amane. Kwaye ngoku umxholo wam ubizwa ngokuthi. . . Ndi—Ndifuna ukubeka ityala kwiimvaba zeenkonzozanamlanje, kwanezininzi ezizimeleyo, ngokumbethelela emnqamlezweni uYesu Kristu ngokutsha namhlanje. Ndebeka ityala! Ngale ntsasa, ubizwa ngokuthi: *Ukubeka Ityala.*

⁶⁷ Kwakhona ndifuna ukuba bulithabatha ngokungathi ligumbi lenkundla yamatyala, apho kukho. . . Kwaye ngaphaya koko, ipulpiti nenkonzo yinkundla yamatyala. IBhayibhile yathi, “Sisihlalo sokugweba, ukuba—ukuba uqala endlwini yeNkosi.” Kwaye le ifana ne—netrone kunye ne—nequmrhu labantu elifungele ukugweba ngobulungisa, kunye namangqina, kunye nokunye. Kwaye ndinalo, namhlanje, eliyakuba lingqina lam, liLizwi likaThixo.

⁶⁸ Kwaye ubekotyala lwam lijongene neenkonzozanamlanje. Ngoku andi—andingenisi moni kule nto. Ndikubhekisa nje oku kule nkonzo. Kwaye aku—kuzakuba se—se—semakhasethini ngoku, kwakhona ndi—ndizakuzama ukugqiba ngokukhawuleza kangangoko ndinakho. Ndimangalela esi sizukulwana ngokumbethelela emnqamlezweni okwesibini uYesu Kristu.

⁶⁹ Kwaye ngoku ukwenza oku kwesi sigaba sexesha siphila kuso, ma—mandenze oku, mandibonise ubungqina. Ukuba ndimelwe kukumangala, umelwe kukubonisa ubungqina besenzo solwaphulo mthetho olo lwenzekileyo. Ndi—Ndimele, ukubabeka ityala, ndi—ndimelwe kukuzisa u—ubungqina bokubonisa oko, ukuba kunjalo, ukuba oko ndikutshoyo komiswa phambi koMgwebi oyintloko. Nawuphina, kwaye mna ndizithatha njengegqwetha kule. . . kolubeko-tyala. Elo, iLizwi likaThixo, lilingqina lam, ndisibeka ityala esi sizukulwana ngokumbethelela emnqamlezweni.

⁷⁰ Mandibonise, kwaye ndizakubonisa, ukuthi loo moya ufanayo usebantwini namhlanje lo wezisa ukumbethelela

emnqamlezweni kokuqala, kwaye benza kwaloo nto. Ma—Mandikwenze oko, ngokuba izakuba kukubethelela emnqamlezweni, kukuba babethelele emnqamlezweni. Ndimelwe kukubonisa e—ebantwini ukuba olo luvo lunye lusebantwini namhlanje lwenza into enye, ngokwasemoyeni, oko bathi bakwenza ngokwasenyameni ngoko. Bambethelela, ngokwanyameni uYesu Kristu, uNyana kaThixo. Kwaye ngoku, namhlanje, kwangelo Lizwi linye, kwanango—ngoMoya oyiNgcwele omnye neLizwi elinye, ndi—ndinqwenela ukubonisa iicawe apho—apho zimi khona, ukuthi zenza kwaloo nto inye namhlanje, kwaye iBhayibhile yatsho ukuba bayakukwenza, kwaye oko kubonisa okokuba olo lolusuku siphila kulo.

⁷¹ Yayingenakwenziwa loo nto kwiminyaka embalwa edlulileyo. Ndingathi, kwiminyaka engamashumi amahlanu edlulileyo yayingenakwenziwa, kodwa namhlanje lixesha elililo ngenene eli. Kwaye yayingenakwenziwa, mhlawumbi, kwiminyaka elishumi eyadlulayo, kodwa ingenziwa namhlanje kuba i—ixesha liphelile. Si—Sisekupheleni kwexesha. Kwaye ndiyakholwa, njengesicaka saKhe, ukuba sesi—sesizakuwela nje ukusuka kweli lizwe, ukuya kweLinye.

⁷² Ngoko ke, ixesha lenguquko, yesizwe, liphelile. Ndikholwa ukuba esi sisizwe asinakuguquka. Ndikholwa ukuba siwele umgca ophakathi kwenceba nomgwebo. Ndikholwa ukuba siyahexa esikalini.

⁷³ “Mzalwana Branham, phambi kokuba uqalise ityala lakho, uzakuyiqondakalalisa njani loo nto?”

⁷⁴ Yilento nje, yokuba sinetyala lezozono zinye wathi uThixo walitshabalalisa ngazo ihlabathi, kwihlabathi langaphambi konogumbe. Sinetyala lezo zono zinye Wathi watshabalalisa ihlabathi laseSodom naseGomora ngazo. Kwaye, ngoku, sikwanobobungqina bunye bomoya buphambi kwethu, bonke obo bungqina bunye bomoya, baziwa kwihlabathi jikelele, bona bathi bathoba iinceba zikaThixo phezu kwezo zizukulwana. Ukuba, kananjalo, ukubala, kwezisa umgwebo. Ngoko ukuba esi sizukulwana sale loo nceba inye yahlalwa ngaloo mihla, uThixo angaba akanabulungisa ukuba angasiyeka sidlule singawetywanga.

⁷⁵ Njengokuba uJack Moore umhlobo wam, wakhe wathi, “Ukuba esi sizukulwana sithe sedlula ngaphandle kwesohlwayo esivela kuThixo, ngoko uThixo anganyanzeleka ukuba avuse iSodom neGomora acele uxolo ngokuzitshisa.”

⁷⁶ Ngoku, siyazi ukuba ngokomoya benza kwa into enye namhlanje, kuba bayayenza, nabo, ngenxa yesizathu esinye, kwangendlela enye abenza ngayo ekubethelelweni kweNkosi, ngokwenyama. Bayenza loo nto ngenxa yomona, ngenxa yobumfama bomoya. Kuba, abafuni kubona. Abafuni kuYiphulaphula.

⁷⁷ UYesu, endleleni yaKhe emhlabeni, Wathi, “Watyapha u-Isaya ukuthetha ngani, ‘Ninamehlo aniboni, neendlebe ningeva.’” ‘Yabona?’

⁷⁸ Isizathu esikwasinye, isesiso. Yinjongo nezizathu ezinye, bezisa ukubethelelwa kukaKristu ngokutsha, (njengokuba siza kufika kuloo nto ngethutyana), ngenxa yezizathu abenzela zona ngoko.

⁷⁹ Abanakufumanisa nto iphikisana naKo. Abanasibindi sakuzama ukucel’umngeni kuYo. Kwaye bayazi ukuba ubungqina bukho. Kwakhona bayazi ukuba iBhayibhile itsho njalo. Kwaye inye kuphela into abanokuyenza kukuyinyelisa Yona. Injalo ngqo. Ngoko, nako konke oku, kwa izizathu ezinye.

⁸⁰ Kwaye ngoku, phezu kwesi sisekelo, ndicel’umngeni kwesi sizukulwana ngokubethelelwa kukaYesu Kristu; ngokubethelela, kwaye banobutyala; ngezimdaka, ezikhohlakeleyo, ezizithandayo, izandla zobuhlelo bayibethelela iNkosana yoBomi eyayifuna UkuZityhila ebantwini.

Uthi, “Kwalo Mntu mnye?”

⁸¹ “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi enguThixo. ULizwi waba yinyama, waza Wazibonakalisa.” ULizwi wabonakaliswa esenyameni, baza bayigweba inyama baYibulala, ngokuba uLizwi wabonakalaliswa. AmaHebhere 13:8, athi, “UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.” Ikwangulo Lizwi mnye. ‘Yabona? Kwaye, ngeso sizathu sinye, bazama ukubethelela iLizwi.

⁸² Ngoku, kwisicatshulwa sam, ukubuyela emva kumxholo endifuna ukuwuthabatha apho, la mazwi mane. Masicacise, “apho.” “Apho,” esona singwele isixeko ehlabathini, iJerusalem. “Apho,” esona sixeko sisesenkolo ehlabathini. Apho, “bona,” abona bantu bokholo ehlabathini, kwisidlo sonqulo, isidlo sePasika. “Apho,” kweyona ndawo yonqulo, esona sixeko senkolo, o—owona umkhulu kwimibutho yonke, intloko yayo yonke. Apho, “bona” abona bantu banenkolo kwihlabathi lonke, bahlanganisana besuka kulo lonke ihlabathi. Bona “babebethelela,” okona kufa kulihlazo kwakunokubakho, ukubulala, umntu anokubulawa ngako; eze, ekhululwe impahla yaKhe. “Wa—Walidela ihlazo.” Bona... Umnqamlezo une—ne—nesiqwenga Ajijelwe ngaso; kodwa bayihluba impahla yaKhe kuYe. Elona hlazo!

⁸³ “Apho,” esona sikhulu isixeko sonqulo, “bona,” abona bantu bakholiweyo, “babethelela,” okona kufa kulihlazo, “Yena,” oyena Mntu uxabisekileyo. Ukuba oko akwanelanga ukusigweba esi sizukulwana!

⁸⁴ “Apho,” owona mbutho unenkolo, eyona inkulu kwiinkonzo zonke zidityaniswe ndawonye. “Bona,” abona bantu bakholiweyo kwiintlanga zonke, abantu ekwakulindeleke ukuba bangabona bakhonzi bakaThixo

kanye. Babehlanganisane kwisidlo esikhulu esingcwele abanaso, intlambululo ye...iPasika, xeshikweni babekhutshwa ekukhonkxweni besisiwa enkululekweni. Kwaye “apho” ngelo xesha, “bona” ngelo xesha, abona bantu bakha bakholwa, kwesona sidlo sonqulo, kweyona ndawo yonqulo, bezisa phezu kweNkosana yoBomi eyona nto yakha yalihlazo inokwenziwa, ukuhluba iNdoda nokuYixhoma emthini. Ngokuba “Uqalekisiwe,” watsho umthetho ababenqula ngawo, “uqalekisiwe oxhonywe emthini.” “Kwaye Wenziwa isiqalekiso ngenxa yethu.” Bamhluba iimpahla zaKhe, baMbetha, beMphoxa, kanye uThixo wasemaZulwini; bethatha iimpahla zaKhe kuYe, baMbethelele emnqamlezweni. Yena! “BaMbethelela khona apha,” phantsi kwesohlwayo esiphambili samaRoma.

⁸⁵ Okona kufa kulihlazo ayinakuba kukudutyulwa namhlanje. Okona kufa kulihlazo namhlanje ayinakuba kukutshayiswa yimoto ufe, ukurhaxwa ngamanzi, ukutsha ngumlilo. Kodwa okona kufa kulihlazo namhlanje sisohlwayo esiphambili sasesidlangaleni, apha ihlabathi lonke likugweba likubiza njengenetyala.

⁸⁶ Kwaye lonke ihlabathi labeka izandla zalo phezu kwale Ndoda beYibiza njengenetyala, xenikweni Yayimsulwa. Kwaye Wafa phantsi kowotshaba, (hayi owomhlobo waKhe, hayi imithetho yaKhe), koko phantsi kokubethelela kotshaba. INkosana yoBomi, oyena Mntu uxabisekileyo wakha wakho, okanye uyakuze abekho, uYesu Kristu. “Yena,” oyena Mntu uxabisekileyo! Kugcine oko engqondweni ngoku njengoko sisakha iqonga kumacala onke namhlanje.

⁸⁷ Ungakhe ucinge, kwindawo efana neYerusalem, apha iminyaka engamakhulu angamashumi mabini-anesihlanu, okanye ngaphezulu, bathi abantu...okanye amakhulu eminyaka. Ndisenokuba ndiyenze mininzi kakhulwana. Isenokuba kwakumalunga nesibhozo okanye ithoba lamakhulu eminyaka, okanye into enjalo. Andazi nje ukuba mingaphi, siyintoni na isithuba, ukusuka ngexesha likaSolomon lokwakha itempile. Ndiyaqikelela, kumalunga neminyaka engamakhulu asibhozo, into enjalo.

⁸⁸ Baye babejonge ukuza kukaMesiya. Babehlanganisane apha bezakunqulela iPasika. Khawufane uyicinge loo nto ngoku! Intloko yabo bonke abaFarisi, abaSadusi, nezinye, kwintlangano enye enkulu, yokunqula uThixo. Eyona ndawo ingcwele, iYerusalem, itempile yeNkosi, kwanabantu beNkosi, bathabatha iNkosi ngokwaYo baYibethelela, ngesohlwayo esiphambili. Into enjalo!

⁸⁹ Ngoku loo mazwi mane, bona, “BaMbethelela khona apha.” Ngoku, usabonisa iBhayibhile, uyabona. Ngamazwi amane nje, kodwa iBhayibhile iyazishwankathela iiNyaniso zaYo.

⁹⁰ Ngoku, mna, kufuneka ndihambe indlela ende ndijikeleze, ndicacisa oko ndithetha ngako, kodwa iBhayibhile akukho mfuneko yakuba icacise nto. Yonke nje iyiNyaniso, ngoko i—i—iBhayibhile akukho kwanto kufuneka iyicacisile. Aku—Akudingeki ukuba iyicacise loo nto, ngokuba Yona iyiNyaniso iyonke.

⁹¹ Nanga amagama amane omqokozo omkhulu waYo weNyaniso. Ndiza kuzama ukuyicacisa. Kwaye ukuzama ukuYicacisa, ngokucacileyo, kofuna uvimba weencwadi. Akukho ndlela ndinayo yokucacisa loo magama mane. Kodwa ngoku masithi, ngoncedo lwaKhe Lowo wabangela ukuba Ibhale, sizame ukucacisa la mazwi mane, siyizise ngendlela eyakuthi abantu bayiqonde ngayo.

⁹² Yintoni esinayo phambi kwethu ngoku, sinobethelelo lokuqala oluthe thaca phambi kwethu; eyona *ndawo* ingcwele, abona *bantu* bakhonzayo, okona *kufa* kulihlazo, koyena *Mntu* uxabisekileyo. Owu, isisichasi mpela. Bethu, owu, bethu, ilihlazo!

⁹³ Ngoku masithathe, okokuqala, elokuqala igama, “apho.” Masithethe ngalo imizuzwana phambi kokuba size nesimangalo. Siza kukucalula oko sinibonise ukuba babesenza ntoni na, ukuze sifumanise ukuba ukumangala kwam kulungile na okanye akulunganga. “Apho,” iYerusalem, eyona ndawo ingcwele ingenakumbi, kuba itempile, yayilapho; eyona ndawo ingcwele, ngokuba, kuyo, itempile, yayilapho. Kwaye amaJuda avela kwihlabathi lonke ayehlanganisen e kule ndawo inye, indawo yokudibanela ukunqula. Eyona . . . eyona inkulu indawo yokunqulela yayikho, yayiseYerusalem. Itempile yayilapho. Kangangokuba, “Kubhaliwe, ‘Wonke ubani wonqulela eYerusalem,’” kulungile, ngokuba sisizikithi sokunqulela.

⁹⁴ Kwaye namhlanje wobeva, omnye efuna ukuthi, bona, “Owu, size kwezi ngqungquthela zinkulu,” apho la mahlelo athi abe nazo. Kwakhona—kwakhona sibe no—novulo lwe . . . kwiSixeko iVatican, kunye—kunye nokukubekwa koophapha, nabanjalo. Bona, wonke ubani uthi, “Simele kukuba nomhlaba wokunkampisha oku wamaWisile, okanye i—ingqungquthela yeBhayibhile yamaBhaptizi.” Okanye—okanye, “Simele ukuya e—eRoma sonke, nalapho kukho eyona ndawo inkulu ibalulekileyo,” bayibiza ngokuba, “yeyoBukristu.”

⁹⁵ Ngexesha lemfazwe ephelileyo, ekuweni kweRoma, la majoni amaJamani . . . Abaninzi kuni bafana ukuba bayazi ngale nto. La majoni amaJamani abuyela emva ayakungena kwiSixeko iVatican phaya, edubula kula maMelika njengokuba ayehlasela. UMzalwana uFunk noMzalwana Roberson, nabaninzi, noMzalwana Beller, nabaninzi babo bazalwana babe kula mfazwe, bayazi. Kwaye uyazi yintoni?

Sakhupha imiyalelo yokuba babengenakudubula kwesa sixeko. AmaMelika, nema apho, naze nina nalixhoba kubo. Kodwa eNtsho-. . . IWest Minster Abbey e. . . eNgilane, naninokudubula nje ngokukhululekileyo kuyo; kulapho amaProtestanti ayehlanganisene khona. Ngoko kwakuvumelekile ukudubula kuyo, kodwa hayi ukudubula kwiVatican. Ngokuba, ngokukaMongameli Roosevelt. . . Ndayiva intetho yakhe xa wa-wayesasaza ngobo busuku, ibizwa ngokuba, yiNtetho yangaseMlilweni. Wathi, “Ekuweni kweRoma,” wathi, “lelinjani ihlazo, ngokuba iRoma iyintloko yabo bonke uBukristu.” Ucinga ukuba ingangumProtestanti othetha loo nto?

⁹⁶ Ngoko iziko elikhulu lenkolo yoBukristu, kulungile, sizakulibeka e—sizakulibeka eYerusalem, ukuba niyafuna ukwenza njalo. Ukuba ningathanda ukuyenza loo nto, masilibeke eYerusalem. Intloko yazo zonke ezinye ezi, i—iSanhedrin, na—nabaFarisi, nabaSadusi, bonke babenyuka beye eYerusalem. Yayilikomkhulu ngenene elo.

⁹⁷ Kwaye kubomi bobuhlelo, nimelwe kukuyamkela into yokuba iBandla lamaKatolika laseRoma lingunina wabo bonke. Ngokuqinisekileyo linguye. Kwaye laqala kwiPentekoste. Apho kulapho baya khona bakuzenza umbutho. Ngoku, thina maProtestanti, singoodade nje abancinane abaphuma kwelo bandla. Ngoku masithi kungalapho kwiVatican, namhlanje.

⁹⁸ Okanye, apho eYerusalem, njengokuba kwakunjalo ngaloo mhla, “Xa onke amadoda ayemelwe kukuba aye eYerusalem ukuya kusebenza. . . kukhonza.” Kwakutheni ukuze benze loo nto ngaloo mihla ka—kaYesu? Kwakutheni ukuze bathi bonke abantu bamelwe kukunqula eYerusalem? Kuba, inye kuphela indawo uThixo aya kuba nobudlelane kuyo nomntu, leyo ke kuphantsi kwegazi ledini. Naso isizathu sokuba babemelwe kukuya eYerusalem.

⁹⁹ UThixo akanakuze ahlngane nomntu nakwiyiphi na indawo eyenye ngaphandle kwaphantsi kweGazi. Xa usala iGazi, ngoko indawo yakho yokuhlangana noThixo isusiwe. UThixo wenza isigqibo saKhe sakuqala emyezweni wase-Eden, sokuba umntu uyakuMnqula kuphela phantsi kwegazi eliphalaziweyo leDini. Kwaye yiloo ndawo kuphela uThixo awahlngana kuyo nomntu ngoko, kwaye yiloo ndawo kuphela uThixo awakhe wahlngana nomntu kuyo.

¹⁰⁰ Kwaye yiloo ndawo kuphela Ahlangana nomntu kuyo namhlanje, kuphantsi kweGazi elaphalazwayo leDini. ‘Yabona? Andikhathali nokuba ungumWisile, umBhaptizi, umRhabe; ukuba ninokuzilibala iiyantlukwano zenu, ubuKatolika baseRoma, nokuba niyintoni na, nize ningene phantsi kweGazi eliphalaziweyo, uThixo uyakuhlangana nathi

sobabini apho. Nako apho sinokuhlangana khona sonke sibe nobudlelane phezu kwemihlaba efanayo. Kodwa, ngaphandle koko, akanakuhlangana nje nawe ngokuba ungumWisile; Akanakuhlangana nje nawe ngokuba ungowenkonzo kaMoya. Uyakuhlangana nawe phantsi komqathango omnye, lowo, kuphantsi kweGazi eliphalaziweyo, xa izono zakho zithe zavunywa zapheliswa phambi kwaKhe, ngoko, ngeGazi. Kwaye iGazi lihlala liphambi kwaKhe njalo, kwaye ngoko ke Unokukubona kuphela ngaphaya kweGazi eliphalaziweyo. Kwaye umhlophe ngokwekhephu, 'yabona, xa uthe wazivuma izono zakho. Kungenjalo, awukho apho, awunako ukufumana ubudlelane.

¹⁰¹ Naso isizathu sokuba ningaziboni ezi zinto zisenzeka emabandleni. Bayavuma ukuba bayakholwa kwiGazi, kodwa bala kwa elo cebo lokuya kufika eGazini; iLizwi. 'Yabona? Inye kuphela indlela uThixo uyakuhlonipha ela Lizwi. Awunakuzi ulihloniphe ela Lizwi, ungene uthi, "NdingumKatolika waseRoma. Ndibanga ukuba makwenzeke *oku*." Awunakuyenza loo nto. Mwisile, mBhaptizi, okanye wenkonzo yakwaMoya, awunakuyenza loo nto.

¹⁰² Inye indlela yokwenza loo nto kuphantsi kweenceba zikaThixo, ngobabalo lwaKhe, oko kumelwe kukuza ngeGazi elaphalazwayo likaYesu Kristu, uthi, "Nkosi, ndiyalibanga idinga lakho." 'Yabona? Ukuze ukuba ngenene uphantsi kweGazi, uThixo ubophelelekile kwela Lizwi. Kodwa, kuqala, umelwe kukuba ube phantsi kwelo Gazi. Niyayibona ngoku? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.]

¹⁰³ Akumangalisi ukuba bengenakuyikholelwa imimangaliso nje. Akumangalisi ukuba ningabi nakukholelwa kumandla angaphezu kwendalo. Akumangalisi ukuba babe bayawagxeka. Kungeso sizathu sinye abathi bawagxeka phaya kudala, ngesisathu esinye bayawagxeka namhlanje. Banetyala kangangokuba kunokuba njalo ukuba netyala. Kuba, kuphantsi kweGazi eliphalaziweyo kuphela!

¹⁰⁴ Kwaye abo banokuthi benze njalo, umzalwanana omncinane othe wenza kanjalo, ngentobeko, wathabatha uThixo eLizwini laKhe, waze waphuma phaya wavuma izono zakhe, walibala ngayo yonke le migaqo-mfundiso nezinto ezinjalo, aze eme apho phantsi kweGazi aLikholelwe, ngoko nokuba bafuna ukumbiza "umbaxi." Bafuna ukumcalula nje. . .njengokuba besinokutsho; ayilogama lilungileyo ukuba lisetyenziswe eupulpitini, kodwa ukuze nje niqonde, bathi ungo "into engaqhelekanga."

¹⁰⁵ Ngapha koko, asingabo abangaqhelekanga sonke? 'Yabona, ikholwa liyinto engaqhelekanga kongakholwayo, nongakholwayo uyinto engaqhelekanga kwikhola, ngoko ngubani oyinto engaqhelekanga? 'Yabona? Umfama uyinto

engaqhelekanga kusomashishini; usomashishini uyinto engaqhelekanga kumfama, 'yabona, ngoko nguwuphi ke, xa kunjalo?

¹⁰⁶ Ndiyanixelela, usindiso luyinto yomntu ngamnye phakathi komntu noThixo, yedwa, umntu osisiqu omnye, “silusebenza olwethu usindiso ngokuzoyikela nokungcangcazela.” Kwaye andisazi esinye isiseko, njengomfundisi, ngale ntsasa, okanye njengomlungiseleli kaKristu, ngaphandle kokuyibeka apha phantsi phezu kweLizwi. Andinakho ukuyibeka phezu kwayo nantoni na eyenye.

¹⁰⁷ Ngoku sifumanisa apho, ngoko, ukuba kuphantsi kwegazi kuphela, apho uThixo wayehlangana nomkhonzi, ngoko babehlanganiselene eYerusalem.

¹⁰⁸ NoKristu uyiMvana yeDini ekubonelelwe kaThixo. Kwaye namhlanje inye kuphela indawo uThixo ayakuhlangana kuyo nomntu, apho ke kuphantsi kweGazi likaYesu Kristu. Nakuyiphi na enye indawo, igwetyiwe; uThixo akasayi kuva. Ungazenza zonke iindidi zokuvakalelwa, nazo zonke iindidi ze-isms, ungancanzele, uxhume, ube negazi nomlilo nomsi, nayo yonke enye into; kodwa okoko nje obo bomi bungathelekiseki neLizwi, aze uThixo ngokupheleleyo abubonakalalisa ukuba obo bomi, ngoko akukho mfuneko yakubuzama, ngokuba ungaphandle. Kwaye uThixo akasayi kuze ahlangeane nabo bude bungene ekulondolozweni lelaGazi. Kunjalo.

¹⁰⁹ Ngoko, uyabona, eSibhalweni, sineYerusalem, iBandla linayo; iseZulwini, iYerusalem yaseZulwini, apho uThixo anguThixo khona. Kwaye, namhlanje, ayikho phantsi kwamgaqo uthile okanye into ethile, esizama ukuyenza iYerusalem. Singathanda, amaWisile, angathanda ukwenza njalo, ngoku, athande ukwenza i—ikomkhulu lamaWisile eYerusalem. AmaKatolika angathanda ukwenza iRoma ukuba ibeyiyo. Kwaye—kwaye iindawo ezahlukeneyo apho sinamakomkhulu ethu khona, singathanda ukuzenza eyethu...iYerusalem. Kodwa iBhayibhile itsho, ukuthi, “IYerusalem yethu yeyaPhezulu, engunina wawo wonke amakholwa.”

¹¹⁰ Ngoku, kwaye uKristu uyiMvana kaThixo ekubonelelwe ngayo. Qaphela indlela ekwakufaneleke ngayo ngoku, ukubonakalisa ukuba la Yerusalem yayiphelelwa. Nini? Yayisebenza kwade kwayiloo yure. IGazi lexhwane lalilungile kwade kwayiloo mini, kodwa ngoku ekubethelelweni liyatshintsha. Inkqubo endala iphelile. Kwabakho entsha, yaze i—iMvana yaba kwiDini. IMvana, iMvana yeDini, yayisemhlabeni. Babegxeka apho besenza kanye laa nto babemelwe kukuyenza. Injalo loo nto.

¹¹¹ UThixo makabongwe, ngenxa yokubona oku kuKhanya kwaseZulwini kumangalisayo kulo mhla wokugqibela! Ngokuba, amabandla enza kwaloo nto inye namhlanje. Kude kwayiyure apho unqulo lombutho lugwetyiweyo lwaqondakalaliswa ukuba lulinikela njengedini iLizwi likaKristu, ukusukela ngoko kufika iLizwi, kwaye ibe liLizwi kuphela. Ukusuka, kwixhwane lakudala lepasika ledlula waze uKristu waba yiMvana yethu, ngomhla wokubethelelwa. Kwaye mhla ihlelo lalibethelelayo iLizwi likaThixo laza lamkela umgaqo endaweni yeLizwi, yiloo mini apho iLizwi laba nokusebenza ngokupheleleyo. Loo nto ibisandula kwenzeka kutshanje.

¹¹² Qaphela, okwesibini. Okokuqala, “apho,” eYerusalem. Okwesibini, “bona,” bona. Oobani? AmaYuda, abantu abanqulayo. Yicinge nje loo nto! Abantu abanqulayo ngokwabo babebulala kwaLowo babebanga ukuba bayamnqula. Ungayiqikelela into enjalo, amadoda awayelumke olo hlobo angabapriste, awayeqeqeshiwe, awayenezidanga zobugqirha ngokokude ngeliphandle... Wona, kwakufuneka ukuba aphume kwisizukulwana esithile ngaphambi kokuba a...okanye—okanye isizwe ngaphambi kokuba babe ngabo kwa abapriste. Kwakufuneka ukuba babengaba kwaLevi. Ooyise babengabapriste. Ooyisemkhulu babengabapriste. Ooyisemkhulu mkhulu mkhulu mkhulu yayingabapriste. Kwaye kwakufuneka baphile ubomi bokuzinikela ngokungako, ngokokude, isuntsu elinye lokubonakalisa ukuba abalunganga, babeyakuxulutywa. Kwakungekho nceba bayinikwayo. Ubungcwele? Ngokuqinisekileyo, kodwa ibubungcwele bokuzenzela. Kufuneka benze ngolo hlobo, ukubonakalisa ubuso babo besenzela ibandla labo. “Ngaphakathi kwabo,” uYesu wathi, “nizele ngamathambo abantu abafuleyo.”

¹¹³ Indlela endinokuthi ndizise ngayo ubeko-tyala kanye apho! Umntu owaziyo ukuba laa Nto iyiNyaniso, *eli* Lizwi ukuba liyiNyaniso, aze enzelelele ngaLo, ukuze abonakalise ubuso bakhe phambi kombutho othile, aha, ndinelungelo lokumbeka ityala, nyhani, ngeLizwi likaThixo.

¹¹⁴ Qaphela, “bona,” abantu abanqulayo, abantu ababelindele idinga, abantu ababelilindele, kwiminyaka nezigaba zexesha, bengenanto banokuyenza koko bekwelo ziko lemfundo njalo. Kodwa iLizwi babelahlula ngokwemfundiso yakwiziko lemfundo, kwaye babephose nkqu iNyaniso laYo. “Bona,” abapriste, ulungiselelo lwaloo mhla! “Apho,” kwikomkhulu labo, “bona,” ulungiselelo lwaloo mhla, lwalubulala kwa uThixo, kwaloo *Mvana*. KwaLowo babebanga ukuba babeMnqula, babebulala.

¹¹⁵ Kwaye, namhlanje, ndilibeka ityala eli qela labalungiseleli abamiselweyo; kwimigaqo yabo namahlelo, bayambethelela,

ebantwini, kwa uThixo ababanga ukuba bayamthanda bemkhonza. Ndibabeka ityala abo balungiseleli, eGameni leNkosi uYesu, ngemfundiso yabo, babanga ukuba “iintsuku zemimangaliso zedlula,” nokuthi “ubhaptizo lwamanzi eGameni likaYesu Kristu alanelanga kwaye alulunganga.” Phezu kwala Mazwi, ngokuba bathe bamisela imigaqo endaweni yawo, ndiyabamangalela, njengabanetyala, kwaye iGazi likaYesu Kristu lisezandleni zabo, ngenxa yokubethelela ngokutsha iNkosi uYesu, okwesibini. Bayambethelela uKristu, kuluntu, besusa kulo lento bebemelwe kukuba balunika yona. Kwaye bamisela into eyenye endaweni yaYo; umgaqo webandla, ngenxa yodumo.

¹¹⁶ Nabo ke, “bona,” abo babemelwe kukuba bazi ngcono. Ukuba umntu ngewazi ngcono, ngeyayingabo balungiseleli. Ukuba umntu umelwe kukwazi ngcono, imelwe ukuba ibe sisifundisi namhlanje. Ukuba kukho umntu omelwe kukwazi, oo—oo—oobhishophu, noobhishophu abongameleyo, na—nabalungiseleli, noogqirha bobungwele, bamelwe kukwazi ngokwahlukileyo. Kodwa kutheni bengazi nje? Hee! Kukuphixana okunjani! Yintoni le sinayo phambi kwethu ingekuko u—ukuphixana! Babanga ukuba banqula uThixo, babe bebulala iNkosana yoBomi. Bona, “khona apho baMbethelela,” kwaye apha *bona* kwakhona benza kwa into enye, kuba Yena uliLizwi.

¹¹⁷ Nantso into Ayiyo, usisithunzi nje seLizwi. Kwaye nantso into Ayiyo namhlanje, usisithunzi seLizwi, ezama ukufumana umntu othile ukuze aZibonakalalise ngaye.

¹¹⁸ Kwaye aba bantu bagcina ibandla likude noThixo. Kwaye—kwaye ukuba kukho into ethile enokwenzeka, kwaye ithethwe ebandleni, bayayigweba beseqongeni, besepulpitini, bathi, “Kukuyibaxa. Hlalani kude kuyo!” Ngokwenza njalo, babethelela uYesu Kristu ngowe-1963, kwaye banetyala kanye njengokuba abo bafo babenalo nga—ngaloo mini. Yintetho eyoyikekayo le, kodwa iyinyaniso. Phezu... Yiloo nto kanye abayenzayo namhlanje.

¹¹⁹ Kwaye phezu kwaloo mihlaba, phezu kwemihlaba yokubethelela uKristu, phezu kwemihlaba yokuthabatha iLizwi lize Lisuswe ebantwini; ngokuchanekileyo yiloo nto ababeyenza. Kwa iLizwi awathi uThixo walibonakalalisa ngoNyana OngowaKhe, ukuze aqondakalalise into Elaliyiyo, kwaye Lowo babebanga ukuba babemthanda, uYehova owayeZibonakalalise ngeZibhalo, wenza kanye oko Wayethe Uyakukwenza, kanye loo nto uThixo wathi Uyakuyenza, waze waYibonakalalisa phambi kwabo. Ngenxa yokuthanda amaqela ebandla labo, nezinto ezinjalo, bayigweba iTshawe loBomi.

¹²⁰ Kwaye ndigweba kwa elo qela linye namhlanje, ndilibeka ityala, njengelinyetyala phambi koThixo, ngeLizwi likaThixo,

ngenxa yokuba benza kwa into enye. Esi sizukulwana sigwetyiwe. Khumbula kumaHebhere 13:8, “Isekwanguye izolo, namhlanje, nanganophakade.”

¹²¹ BaMbeka njani ityala? Ngokuba imigaqo yabo yayingenakuMamkela, kwaye ezantsi entliziyweni yabo babesazi ngcono. Akazange uNikodemo, kwisahluko se-3 sikaYohane oNgcwele, ayicacise kakuhle loo nto? “Rabi, thina, baFarisi,” abashumayeli, abafundisi, “siyazi ukuba Wena ungumfundisi othunyelwe evela kuThixo, kuba akukho mntu unokuyenza imisebenzi oyenzayo Wena uThixo engenaye.” ‘Yabona? Babeyinqina ngokuphandle loo nto ngenye yamadoda abalulekileyo abo, kuze kuxatyanwe... ngenxa yemigaqo yabo, bambethelela uKristu.

¹²² Kwaye namhlanje akukho mfundi ungenakho ukufunda iZenzo 2:38 kanye njengokuba ndiZifunda, naLo lilonke, kanye njengokuba ndinokuLifunda. Kodwa ngenxa yemigaqo yabo, nangenxa yokuba amatikiti abo obuhlelo abanawo ezingxoweni zabo, amaphawu erhamncwa abajikeleza nawo njengamakhadi obudlelane; baze, baze bathathe ezo zinto, babethelela uYesu Kristu ngokutsha, baMbethelele phambi koluntu, banyelise kwa loo Thixo wathembisa ukuba uyakukwenza Oku, besisiza umgwebo phezu kohlanga.

¹²³ Ngoku, apho, “bona,” hayi aboni. “Bona,” oko kukuthi, ibandla la loo mhla, bafumana isiphoso kwiNdoda EyayiliLizwi. Ingaba kunjalo? Bafumana isiphoso kwiNdoda EyayiliLizwi. Ngoku bafumana isiphoso kwiLizwi elisebenza ngendoda. ‘Yabona, bayayitshintsha-tshintsha nje. Lona, lisebantwini, Eli, uMoya oyiNgcwele esebenza ngaye, ububungqina bukaThixo.

¹²⁴ Bazi njani ukuba WayenguKristu? Ngokuba imisebenzi yaKhe yakuqondakalalisa ukuba wayenguYe. Wathi, “Ngubani kuni onokuNdigweba ngenxa yesono? Ukuba andenzanga kanye oko iSibhalo sathi Ndiyakukwenza! Ngubani ke... Makube umntu oNdixelela apho ndisilele khona kwindawo ethile, ukuba aNdinibonisanga wonke umqondiso wokuba ndinguYe uMesiya, ukuba NdinguLowo kwakuthenjiswa ngaye.”

Bathi, bathi bona, “Ke, sinoMosisi. Sikholwa kuMosisi.”

¹²⁵ Wathi, “Ukuba benikholwa kuMosisi, ngenikholwa kuM. Ukuba nina... UMosisi wawubona umhla waM wanqwenela uku—ukuphila kuloo mhla. UMosisi wabona kusekude, nabaprofeti. Naku ke nina nikho, niphila kuWo, nigweba.” Wathi, “Bahanahanisindini,” wathi, “ninako ukubucalula ubuso besibhakabhaka, kodwa wona umqondiso wexesha anikwazi kuwucalula.”

¹²⁶ Nantso ke, umqondiso wexesha. Loo nto yayiMbeka phi? “Umbaxi, indoda ephambeneyo.” Ewe, bafumana isiphoso kwiNdoda EyayiliLizwi.

127 Yena wayeliLizwi. UYohane oNgcwele isahluko so-1, uyayiqondakalalisa loo nto, “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, uLizwi wayekuThixo. ULizwi waba yinyama, wahlala phakathi kwethu.” WayeliLizwi eliphilayo likaThixo, ngokuba Wayeqondakalalisa uThixo ngesiqu saKhe. Wayephelelisile ekuzinikeleni kwi—kwiLizwi likaThixo, ngokokude Yena neLizwi babebanye. Kwaye yiloo nto kanye iBandla elimele ukuba yiyo namhlanje, kuba iLizwi likaThixo liyinto enye.

128 Ungathini ukuba yinxalenye yela Lizwi xa ngezenzo uLikhanyela lonke? Kwaye isizathu sokuba kwenziwe oko, akukho ngenxa yabantu; naso isizathu esibangela ukuba ndicinge ukuba uThixo wathetha nam malunga nokubiza abantu baKhe ngokuba ngoo “Ricky” noo “Ricketta.” Kungenxa yala mahlelo azithandayo, anabo bantu baphila phaya phandle ngaloo ndlela baphila ngayo. Bayibethelele iNyaniso. Kwaye abantu baYibiza ngokuba lunyeliso, kwaye baYenza unyeliso, gxebe. BaYibiza ngokuba kukuyibaxa, nezinto ezinjalo, bengazi ukuba banyelisa kwaloo Thixo baya enkonzweni ukuya kumkhonza.

129 Ngoko ke, ndilibeka ityala eli qela lesifundisi namhlanje. Ndisibeka esi sizukulwana, eGameni likaYesu Kristu, phantsi kwegunya leLizwi likaThixo. NiyaMbethelela kwakhona.

130 Qaphela, “Nguye izolo, namhlanje, nangonaphakade,” iLizwi likaThixo lingqinelwe lisendodeni.

131 Thelekisa ezi Kalvari zimbini nesityholo sabo. Khumbula, “Ngokuba Uzenze uThixo, asiyifuni le Ndoda ukuba isilawule.” Yayiyintoni isityholo ababenokusifumana, kwibhunga ngaloo ntsasa, xa babembethelela uYesu? Kukuba, “Uzenze uThixo.” WayenguThixo. “Kwaye Wayaphula iSabatha.” Kwaye WayeyiNkosi yeSabatha. BaMgxeke ngokuba WayeZenza uThixo. “Awunalungelo lakuyenza lento. Awunalungelo. Umpriste wethu omkhulu, ukuba kukho into ethe yafika, iza ngabapriste bethu.” Ngoku thelekisa oko neKalvari yanamhlanje.

132 Ngethuba, uThixo, kwamkholisa kangako uYise, uThixo uMoya, ukuba avelise OwaKhe uNyana; wasibekela uMariya, ngoMoya oyiNgcwele, wavelisa umzimba owawunokuMnqula ukhonze injongo yaKhe kuYe. “UThixo wayekuKristu, inzaliseko yobuThixo ngokomzimba, ikuYe,” ibonakalalisa into awayeyiyo uThixo, ebantwini, isenza—isenza ihlabathi liphela ukuba lazi ukuba uThixo wayefuna ukuba abenjani na umntu ngamnye: unyana, nentombi. Wathabatha iNdoda yanye yayenza loo nto. Yaye ngenxa yokuba waye ngajoyini kwimibutho yabo, baMgweba, baMbethelela.

133 Ngoku thelekisa loo Kalvari nonamhlanje. [Yindawo engenanto le ekhasethini—Mhl.] Ngenxa yekratshi lombutho, ngenxa yokungakhathali phakathi kwezifundiswa ezazifanele

ukuba ziyaLazi iLizwi likaThixo necebo; ngenxa yoku, uThixo unokuthabatha iqela elincinane labantu Anokuthi asebenze ngalo, kwindawo ethile, aZibonakalalise, eliyakuthi lizithobe kwiLizwi. Kwaye abanakuthi akunjalonge.

¹³⁴ Babengenako ukuthi Akazange ayenze loo nto, kuba ibandla labo lalilingqina laloo nto. Yayiphambi kwabo. Babengenakuyikhanyela. Babengenakuwakhanyela amabango aKhe, ngokuba, kwa iLizwi ababesithi bakholwa lona, yayinguLowo waqondakalalisa ukuba Wayelilo. Ngokuba, uThixo wathabatha iLizwi elalimelwe kukuba nguMesiya waLibonakalalisa ngoMntu, kwaye kwamela ukuba baMsuse. Yiloo ndlela kuphela ababenokuqhubela phambili ngayo, kukuba bamsuse uMesiya. Kwaye bayenza loo nto ngobumfama nokungazi, nangona babenemfundo nje. Babelumkile, bezingqondi; xa sithetha ngokwesehlabathini.

¹³⁵ Njengokuba siyithelekisile ngobunye ubusuku, xa ukuKhanya kwabetha laa mphathi usemtsha, khangela into awayenzayo. Wala; indoda elumkileyo. UPawulos, enye indoda elumkileyo, ukuKhanya kwambetha. Wenza ntoni? WaKwamkela. Wayilibala, yonke into awakhe wayazi, ukuze abe nokwazi uKristu. Loo nto yenza ubomi bakhe bube bobuyifaneleyo iVangeli. (UMyalezo wangokuhlwa kweCawe ephelileyo.)

¹³⁶ Naku ke namhlanje. Ubetha mhlawumbi indoda encinane ethile, ethe yaphuma ecaleni, yanobizo lukaThixo, yaziva njalo, yaya kwiziko lemfundo yafunda umgaqo othile. Inyanzelekile ukuba iphile ngaloo mgaqo kungenjalo inikezele ngekhadi layo lobudlelane. Ukuba ayenzi njalo, ibekwa amagama, akukho mntu wumbi uyakuyifuna, ngokuba ebekade engowento ethile eyenye ke ngoku akasengowayo. Baqikelela ukuba kukho into ethile ephosakeleyo kuloo ndoda, kwaye abayi kuyifuna kwibandla labo. Xa, ibandla kuphela likhangela umqondiso omnye, lowo ke, kukuba ikholelwa loo nto bayikholelwayo na.

¹³⁷ Ukuba inekhadi, ukuba ingumWisile, ukuba ikhadi layo... ungowobunye ubudlelane, okanye uBunye, okanye ubuTriniti, nokuba yintoni na ekuyiyo, ibandla likaThixo, okanye izikhundla zakwaMoya, nazo zonke ezo zikhundla. Ukuba inekhadi, beve ukuba ikomkhulu labo liyihlolile, layihlola ingqondo yayo, layinika uvavanyo lwengqondo, ukubona ukuba iqondo lengqondo yayo liphezulu ngokwaneleyo na ukuba ibe nokuthetha phambi kwabo. Ukuba ayinjalo, bayayala. Injalo loo nto.

¹³⁸ Kodwa, uyabona, ibandla limelwe kukuba likhangele isandla seNkosi, libone ukuba uThixo uyinikile na ukumisela kwakhe okanye hayi. Yiloo nto esimelwe kukuba sikhangelayo. Kodwa namhlanje babethelela u—uNyana kaThixo ngokutsha. Xa, indoda inako, ngobabalo lukaThixo, ibizwe

nguThixo, ukuze uThixo aZibonakalalise ngayo. “Imisebenzi endiyenzayo Mna niyakuyenza nani,” Watsho. Qaphela ukuba yiyiphi na imini esiphila kuyo!

¹³⁹ Bona, bathabatha, ba—bathabatha kwa—kwa iKalvari, singanako kusasanje, nakwangesizathu esinye. Ngoku, babesazi ukuba oko kwakuyiNyaniso; kodwa ngenxa yomona, ikratshi. Wathini uYesu kubo? “Ukuba iidemoni Ndizikhupha ngomnwe kaThixo, ngoko ni—nizikhupha ngabani nina? Maybe ngabo abagwebi benu, ’yabona, ukuba Ndizikhupha ngomnwe kaThixo iidemoni.”

¹⁴⁰ Ngoku, kanye njengokuba nibeve besithi, “Ungaondakalalisa ukuba ngumnwe kaThixo lowo?” Ndingathanda ukubona, ndingathanda ukuba ndibe ndeva umbuzo abaMbuza wona. Babelumke kakhulu malunga naloo nto.

¹⁴¹ Qaphela, “Ngokuba Yena Wazenza uThixo,” kwaye WayenguThixo. “Kwaye asisayi kumvumela ukuba aSilawule.”

¹⁴² Kodwa ngoku nantsi into, kwa eso sikhalazo siyafika kwakhona, “Laa Bhayibhile yayibhalwe ngumntu,” batsho. “Asimelwe kuphila ngaloo Nto.” LelikaThixo... LiLizwi likaThixo eliya. LelikaThixo, ngokwaKhe.

Bendithetha nendoda izolo, yathi, “Ke, ngumntu othile onokuba wabhala la Bhayibhile.”

Ndathi, “Ewe, wayekho. IGama lakhe, siMazi ngokuba nguThixo.”

¹⁴³ Yabhalwa kumawaka amane eminyaka eyahlukeneyo, ngokusondeleyo, iZibhalo, emva ukusukela kuYobhi, konke ukuza kwiTestamente eNtsha, ibhalwe ngamakhulu nga—nga... namakhulu eminyaka ngokwahlukana; kwaye yabhalwa ngamadoda ahlukeneyo, wona engazani, kwindawo ezahlukeneyo zelizwe, kwaye akukho neGama laYo eliyakugweba elinye. Ndimema nabani na ukuba angene phantsi kweGazi likaYesu Kristu abange nasiphi na isithembiso esiPhaya! UThixo unyanzelekile ukuba aSikhathalele.

¹⁴⁴ Kodwa abanakuyenza loo nto. Bayakuza, bathi, “Owu Nkosi, ndifuna ukwenza into ethile. Ndinike isipho esikhulu. Haleluya, Nkosi! Uzuko kuThixo, ndiyakholwa ukuba ndinaso. Haleluya!” Asisayi kusebenza. Usenokuvelisa ubuchwepheshe bengqondo, kodwa akusayi kusebenza.

¹⁴⁵ UThixo umelwe kukuba akungqonde oko kuguquka. UThixo nguye umelwe kukwenza loo nto. Singathetha izinto ezininzi malunga naloo mba, kodwa ndiyathemba ukuba ni—niyaqonda.

¹⁴⁶ Khangela, kodwa ngoku abalifuni iLizwi likaThixo ukuba libalawule. Ndithi, “Nonke ngabanye buyani. Nibhaptizwe ngokuphosakeleyo. Nabhaptizwa ngobhaptizo lebandla lobuKatolika.”

147 “Ungubani wena ukuba usixelele loo nto?” Asindim; liLizwi. “Kodwa ndiyakuxelela, thina—thina siyakholwa...” Andikhathali nokuba nikhohwa yintoni na; koko kuthethwa yiBhayibhile. “Kodwa asimelwe ukuba siphile ngaloo Nto.”

148 Niyakuyenza, kungenjalo niphantsi komgwebo wale Bhayibhile. Kuba, “Nabani na oyakuthabatha iLizwi libelinye alikhuphe kuYo, okanye ongeze libe linye, lowo uyakukhutshwa, isabelo, kwiNcwadi yoBomi,” makabe ngungumlungiseleli, umfundisi, okanye nokuba ngubani na. Umelwe kukungena phantsi kolawulo lweliLizwi, kuba Lona linguThixo. IBhayibhile ithi linguThixo.

149 “Asisayi kuvuma silawulwe liLo.” Bathabatha imigaqo yabo, namahlelo, ne—nezinto ezincinane ezingephi abakholelwa kuzo, zaze zaphunyezwa ngamabhunga abantu, bathabathe zona endaweni yeLizwi likaThixo.

150 Benza ntoni ke? Bathabatha uBharabhas, umbulali, endaweni yoNyana kaThixo, ngomhla wokubethelelwa kokuqala.

151 Kwaye namhlanje bathabatha ilizwi lendoda ethile, elibubuxoki nendlela yokufa, besala ukuthabatha indlela yoBomi, iLizwi likaThixo. Ndiyasigweba esi sizukulwana, ndisibeka ityala, kwiLizwi leNkosi, ndisithi sesingalunganga. Banetyala lokubethelela, okanye ukuzama ukubethelela uMoya.

152 Babiza imvuselelo, kuyo yonke indawo. Niyakuba nemvuselelo njani xa iLizwi ngokwaLo lingenakusebenza ebantwini? Ndingathanda ukuba umntu othile andiphendule loo ndawo. Lingakwenza njani oko, xa nisala kwa iMvuselelo ngokwaYo? Watyapha umprofeti ukuthetha ngabo, “banokumila kokuhlonela uthixo.” Ukumila okukokwabo, phaya kudala, belikhanyela iLizwi loBomi. Ukumila okukokwabo, namhlanje, bekhanyela kanye into enokuzisa imvuselelo kubo; imigaqo yabo nokumila. Ewe, mhlekazi.

153 Bathabatha ihlelo labo nemigaqo yabo endaweni ye—yeLizwi, ukuze oko kubethelele iLizwi laKhe kwenze iLizwi laKhe into engenambenzi ebantwini. Xa bebona iLizwi likaThixo ngokucace kangaka lize liZibekwe endaweni nje, yokuba uThixo wenza idinga lokuba Uyakwenza oku, kwaye nguYe lo ekwenza, baye bahlekisa ngaKo bemke kuLo, lunyeliso. Kwaye bazama ukubethelela iLizwi ngokwaLo.

154 Kutheni beLibethelela nje? Abanako ukubethelela iLizwi njengokuba bengenantu ukubethelela uThixo. Babenokuwubethelela umzimba owawuphethe uThixo, uNyana kaThixo. Babenokuwubethelela wona, kodwa abanako ukubethelela uThixo. Kwakumelwe ukuba abethelelwe, ngelo xesha, kwimeko yokuba abe liDini, ukuze azise oonyana abaninzi ababemiselwe ngenxa engaphambili kuBomi

obunguNaphakade. Babemelwe kukuyenza loo nto ngoko, kodwa abanakuyenza ngoku. Abanako ukuyenza, kuba iLizwi ngokwaLo liyakuphila libheke phambili. Kodwa bona . . .

155 Benza ntoni? Bazimilisa njani? Uthini ngoko, mshumayeli? Ulakha njani iqonga lakho apha, lokuba bayaMbethelela, ngoko?”

156 Babethelela ukusebenza kweVangeli ebantwini, ngemigaqo yabo. Nako ukubethelela. Nako apho luhleli khona uluntu kwezi ndawo zabafileyo zinkulu, zibizwa ngokuba ngamabandla, amahlelo, kuze kukrwele umgca womgaqo, oko kube . . . ILizwi likaThixo alinakusebenza kubo, ngokuba ba—bagweba kwa ezo zinto uKristu wathi ziyakwenzeka. Azizi ngokomgaqo wabo kaloku.

157 Kwaye noYesu akazange eze ngokokuqonda kwabo ukuba Uyeza. Weza ngendlela awathi uThixo waMthumela ngayo, kwaye Weza kanye ngeLizwi. Akumangalisi ukuba Wathi Waye “Yifihlile kumehlo ezilumko neengqondi, waYityhilela iintsana ezifuna ukufunda.” Niyaqonda? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

158 Owu, babethelele ukusebenza kweLizwi. Ndineqela leZibhalo apha. Ndisenokucaphula ezibini okanye ezithathu zazo. BayaLibethelela.

Uthi, “Balibethelela njani iLizwi?”

159 Xa uYesu wathi Yena nguye izolo, namhlanje, nangonaphakade, kumaHebhere 13:8; bathi, “Ngendlela ethile unguYe.” ’Yabona? Kulungile.

160 Kwaye uYesu wathi umyalelo waKhe wokugqibela kwiBandla, “Hambani niye kulo lonke ihlabathi,” uMarko 16, “hambani niye kuwo wonke umhlaba, nishumayele iindaba Ezilungileyo. Nantsi ke imiqondiso eyakulandelana nabakholiweyo. Kulo lonke ihlabathi; kuyo yonke indalo!” Kwaye akukafikelelwa kwisiqingatha. Kwaye kukho izigidi ezifayo, nyaka ngamnye, ezingathi, ezingazange zive nokuva ngeGama likaYesu. Ngoko, kusengumyalelo nje kawonkewonke. Kusengumyalelo kaThixo. “Lonke ihlabathi, nishumayele iNdaba ezilungileyo kuyo yonke indalo. Lowo ukholiweyo wabhaptizwa uyakusindiswa; lowo ungakholwayo uyakugwetywa. Nantsi ke imiqondiso eyakulandelana nabo bakholwayo; eGameni laM bayakuhupha iidemoni; bayakuthetha ngeelwimi ezintsha; ukuba bathe baphatha inyoka, okanye basela into ebulalayo, ayisayi kubenzakalisa; ukuba bathe babeka izandla kwimilwelwe, iyakuphila.”

161 Ke bona bathi, “Loo nto yayiyeyesiya isizukulwana,” kwaye bayenza imithetho kaThixo into engento kule Nto, babethelela ukusebenza kweLizwi likaThixo ebantwini. Amen.

¹⁶² UPetros wathi, ngomhla wePentekoste, ephethe izitshixo zoBukumkani; awathi uYesu wamnika zona, “Nantoni na oyithethe apha, ndiyakuthetha Phaya phezulu.”

¹⁶³ Kwaye ngoMhla wePentekoste bambuza into abamelwe kukuyenza ukuze bamkele uMoya oyiNgcwele, ngokuba babeWuvuyela kangako; bekhangele abanye indlela ababesenza ngayo izinto ezibubudenge; begxadazela, bexhuma, besiwa, besenza ngokungathi babenxilile.

Babe bona, besithi, “La madoda ahluthi yiwayini entsha.”

¹⁶⁴ Kodwa kwakukho indoda eyaphakamayo, egama linguPetros, eyayinezitshixo zoBukumkani, yaze yathi, “Aba abanxilile,” iZenzo 2, “njengokuba nicinga, iselilixa lesithathu nje lemini. Kodwa oku koko kwathethwayo.” ’Yabona, phaya kudala eLizwini kwakhona, ebonisa ukuba uMoya useliLizwi, neLizwi lisenguMoya, iLizwi likaThixo. “Kuyakuthi, njengokuba umprofeti uYoweli wathethayo, kuYoweli 2:38. ‘Kuyakuthi ngemihla yokugqibela, utsho uThixo, ndiwuthulule uMoya waM phezu kwayo yonke inyama.’”

¹⁶⁵ Phulaphula umprofeti lowo emi apho. Mkhangele, engoyiki, emi apho kwelo qela, eligxeka, elibeka ityala. Wathi, “SiSibhalo esi! Oko koko kwathethwa ngako ngumprofeti! ‘Ndiyakuwuthulula uMoya waM phezu kwayo yonke inyama. Oonyana neentombi zenu ziyakuprofeta. Phezu kwabakhonzi nabakhonzazana baM ndiyakuwuthulula uMoya waM; ndandiyakwenza imiqondiso ezulwini phezulu, nasemhlabeni; umlilo, iintsika zomsi, nomphunga.’” Eqondakalisa Wona ngeLizwi, ukuba Wona wawuliLizwi.

¹⁶⁶ Kwaye bahleka bahlekisa ngaWo, baze baya emgwebeni. Saze isixeko satsha, baze badla inyama yomntwana womnye umntu. Kwaye namhlanje bangabantu abathe saa kwihlabathi liphela, ukubonakalalisa ukuba uMoya oyiNgcwele usahleli uliLizwi likaThixo, uze uzise eli Lizwi uLenze liphile.

¹⁶⁷ UYesu Kristu wayenguMntu, iNdoda, uThixo. Haleluya. Wayesisibonakalaliso sikaThixo. WayenguThixo ekwimo yomzimba, ukuze abonakalalise iLizwi likaThixo leso sigaba, ukuze enze eso sigaba sexesha sibone iDinga likaThixo leso sigaba sexesha.

¹⁶⁸ Kwaye uMoya oyiNgcwele usekwayinto enye namhlanje. NguMoya kaThixo ukwiLizwi elibhaliweyo, uzama ukufumana umntu othile ukuze uZibonakalise ngaYe kwesi sigaba, ukuqondakalisa ukuba Yena nguye izolo, namhlanje, nangunaphakade. UYohane oNgcwele 14:12, “Imisebenzi endiyenzayo Mna niyakuyenza nani.” “UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangunaphakade.” ’Yabona, liqhubeka njalo lizama ukufumana indlela yaLo yokuZibonakalalisa.

169 Kwaye babengenakuyenza loo nto. Abantu babecinga kakhulu ngamahlelo abo, iindlwana ezincinane zabo zentaka ababenazo, nezinto ezinjalo, bezibiza ngokuba ngawabo “amabandla,” koko babengenakuyiphulaphula loo nto. Benza kwaloo nto namhlanje, kwayinto enye, babethelela ngokutsha.

170 UPetros, ngoMhla wePentekoste, wathi, “Nina madoda nihleli eYerusalem, nakwelakwaYuda, waphulaphuleni amazwi am. Aba abanxilile. Ukuba niyakuma nizole, ndizakunibonisa ukuba yintoni na.” Kwaye uqhubela ebacacisela.

171 Zathi zakuhlabeka iintliziyi zabo, bakuva Oku, bathi, “Singenza ntoni ukuze sisindiswe? Singenza ntoni ukuze sikwamkele Oku? Siqondile ukuba iLizwi liyinyani.”

172 Wathi, “Guqukani, ngabanye, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono, naniya kwamkela isipho soMoya oyiNgcwele. Kuba oku kuza kuni nakubantwana benu, abo basekude, esukuba iNkosi uThixo wethu iyakubabiza. Oku koko babemelwe kukukwenza. Ukuguquka, babhaptizwe eGameni likaYesu Kristu.”

173 Kwaye, namhlanje, ibandla lobuKatolika laseRoma lathabatha, “uYise, Nyana, Moya oyiNgcwele,” ukuba athabathe indawo yoKo. Endaweni yaloo Nto, umthendeleko. “Ukulenceza ulwimi ngaphandle uthabathe icwecwana le-wafer, aze umpriste asele iwayini, nibe nibanye nonke.” U “mthendeleko,” endaweni yoMoya oyiNgcwele, obizwa ngokuba, “yi-Eucharist engcwele.” Kwaye u Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele,” ubhaptizo lobutriniti, ngelithuba kungathethwanga nokuthethwa ngalo eBhayibhileni. IGama lo “Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele yiNkosi uYesu Kristu. Kwaye xa ubonisa oko kwesi sizukulwana sigoso. . .

174 Njengokuba uPetros watshoyo, “Zisindiseni kwesi sizukulwana sigoso.”

175 Xa ubabonisa loo Nto, benza ntoni? Bahlekisa ngaYo, bathi, “Ibandla aLiyifundisi ngolo hlobo.” Ngoko unetyala, unetyala lokubethelela uYesu Kristu, ngokuthabatha aMandla kaThixo emke ebantwini. Ubethelela kwa elo Lizwi kubo, kwaye uyazigweba ngebandla lakho, ubakhokelele kumgibe wokufa.

176 Njengokuba ndatshoyo malunga nala mlungiseleli kwiCawe ephelileyo, owayenguMartin Luther King phaya ezantsi kunye naba bantu bathandekayo, ebakhokelela ngqo baya kungena kumgibe wokufa. Owu, ukuba umntu othile anganako ukuthetha nalaa ndoda! Ndingwenela ukuba ndibe bendinokuba nako. Ngenxa nje yesidubedube esithile ngokucetywa kwesikolo, ’yabona, okanye okuthile. . . Yintoni umahluko? Bethu, yiba nenceba! Ukuba abantu abanantliziyi ngokwaneleyo ukuze bazimanye nendoda ngenxa yebala layo,

bagwetyiwe bafile, nakanjani na. Isizwe sibanike ilungelo. Musani ukulwa nalo. Musani. Bekunokuthini ukuba bekukho umntu othe onke ama-Irish okanye umntu othile, onke amaJamani, okanye umntu ongomnye, bebemelwe kukuzahlula? Loo nto ibingenakuwahlupha aMakristu. Ebezakuqhubela phambili nje. Kwaye laa ndoda inguMkristu. Nje—njengomlungiseleli, akamelwe kubakhokelela abantu ekuvukelelaneni naloo nto. Bayakubangela izigidi ukuba zife. Oko kuyakuqala olunye uvukelo. Kwaye Kulihlazo ukwenza loo nto.

¹⁷⁷ Yinto enye le yenzeka apha. [Umzalwana uBranham unkqonkqoza kanye epulpitini—Mhl.] Ngokuchanekileyo kanye yinto enye kwakhona. Injalo loo nto. 'Yabona? Abantu, indlela nje ebenokuthi ngayo bakhangele kwiNyaniso babone ukuba yintoni na iNyaniso. "Ibandla lethu alikholelwa kuloo nto. Sinenye indlela." Kulungile, asiyondlela ilungileyo. Asiyiyo eyonanto.

¹⁷⁸ Wathi, "Guqukani, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono." Ngoku abasayi kuyenza loo nto. Owu, ngoko benza ntoni? Ngoku yinto enye nje leyo, kumakhulu. Sizakufika kuyo, mhlawumbi, ngokukhawuleza kangangoko sinokuba nako.

¹⁷⁹ Ngoku ubethelelo lwesibini, ngoko. Ukuba umntu Wamkela u "Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele," u—umgaqo endaweni yeLizwi, izihlonipho endaweni yeGama, wenza ntoni ebantwini? Ubethelela ukusebenza kweLizwi ebantwini, xa athi, ukuba, "Marko 16 wayeyinto nje *yesiya* isizukulwana."

¹⁸⁰ Kwaye uThixo, ngokwaKhe kanye apha, uYesu ethetha nabo, wathi, "Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nishumayele iindaba ezilungileyo kuyo yonke indalo. Lowo ukholiweyo wabhaptizwa uyakusindiswa; lowo ungakhohlwanga uyakugwetywa. Nantsi ke imiqondiso eyakulandelana nabo ba..." Kuye kumaphi? Kuso sonke isizwe, wonke umgaqo, lonke ulwimi, lonke uhlanga, wonke umntu, iVangeli enye. "Kwaye nantsi imiqondiso eyakulandelana nabo bakholiweyo." Kwaye xa umntu ezama ukusika indawo ethile ayikhuphe eBhayibhileni, ubethelela ukusebenza kweVangeli kwelo bandla. Ngoko ndikubeka ityala, eGameni likaYesu Kristu! Inetyala lokugwintu iNkosi!

¹⁸¹ Ibandla laMthiya. Ngoba? WayekwanguThixo. BaMthiya, baMala ukuba unguMesiya wabo. Hayi, mhlekazi, babengafuni Mesiya unjengalowo.

¹⁸² Kwaye namhlanje ibandla lenza kwa into enye. Liyalala iLizwi. AbaLifuni. Lichasene noko bakufundisiweyo ukuba bakukholelwe ngemigaqo yabo.

¹⁸³ Kwaye iLizwi linguMesiya. Niyakholwa yiloo nto? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Kulungile, isibonakaliso seLizwi

siyintoni? Sisibonakaliso sikaMesiya, lowo unguMoya oyiNgcwele ephakathi kwethu. UyaZibonakalalisa, ezama ukuba, naphi na apho Anokufumana isibane khona, Anokuthi akhangele kuso, esingaqhunyselwanga ngumsi wemigaqo nezinto ezinjalo, Anokukhupha ukuKhanya ngaso.

¹⁸⁴ Khumbula, “zavuka zalungisa izibane zazo,” zaze zahlamba iiglasizazo, kodwa laliseliphelile ixesha. Ngoko xa umntu ebona la Maluthere, maPresbhithari, amaWisile, ezama ukungena kule mihla yokugqibela ukuza kwamkela uMoya oyiNgcwele, kuba, niyazi ukuba abaWufumani. Ke, basenokuthetha ngeelwimi baxhume benyuka besihla, kodwa khangela ukuba kuyakwenzeka ntoni na. Bona eneneni... lixesha lomqondiso wokuba liphelile. Sisekupheleni.

¹⁸⁵ Nangaliphi na ixesha ngokufutshane, i—iBandla lingeva ubizo, lokuba, “Nyukela ngeNtla!” Amen.

¹⁸⁶ Lihleli ngolungelelwano kanye. UMoya oyiNgcwele ulapha esenza uYesu Kristu ukuba abe yinene ngabo Anako ukusebenza ngabo, eZiqondakalalisa; wehla, kwathatyathwa umfanekiso waKhe, wawubonisa, wenza inzululwazi iwuthabathe, ithethe ngawo, nayo yonke enye into, eqondakalisa kanye ngokuchanekileyo oko Wathi Uyakukwenza. Esenza kanye ezo zinto Wathi Uyakuzenza, ngokweSibhalo. Ngoku, hayi umgaqo othile okanye imbono ethile eqwetywe ngumntu othile, igazi elininzi, umlilo, nomsi, nezinto ezinjalo; kodwa ubungqina beSibhalo bukaMesiya. Sinokuninzi kokulinganisa, nabalinganisi, no—nokunjalo; kodwa oko kwenza nje kuphela iLizwi lenene ukuba Libengezele kangangoko, injalo loo nto, kwenza abantu abangabomoya, abanako ukwahlula phakathi kokuhle nokubi. 'Yabona?

¹⁸⁷ BayaMkhanyela! BaMkhanyela uMesiya wabo, “SasingaMfuni.” Kwaye kwaloo nto inye bayayenza namhlanje, “Ke, ukuba kuyakufuneka ndihle ndiye phaya ndenze njengokuba lisenza ela qela, andiWufuni konke.” Kulungile, ngoko aWunawo, konke. Kuphelele. 'Yabona? Yinto enye ngoku.

¹⁸⁸ Nangona Wayeqondakalaliswe ngokucacileyo, babengaMfuni. BaMthiya. Kwakutheni ukuze kube njalo? Sakubiza abalungiseleli babo ngokuba “ziinyoka.” Wathi, “Qelandini lamadonga aqatyiweyo. Akukho nto niyiyo koko niyindawo yamangcwaba. Umphandle wenu ugudisiwe nineengubo ezineekhola ezijikiweyo, nibe ngaphakathi ingamathambo abantu abafileyo.” 'Yabona? Wayengenzeleleli. UMGalili omncinane, unyana womchweli, kodwa Wayengenzeleleli. Wabaxelela.

¹⁸⁹ “Musani ukucinga,” uYohane watsho, umanduleli waKhe, wathi... Ngomnye owayengenzeleleli lowo. Wathi, “Musani

ukuza kujikeleza apha nisithi nino-Abraham ubawo wethu. UThixo unako ukumvelisela u-Abraham kula matye abantwana.” Ewe, mhlekazi. “Izembe libekiwe ezingcanjini zomthi, wonke umthi ongavelisi siqhamo uyagawulwa uphoswe emlilweni.” Ewe, mhlekazi. UThixo ungqongqo, ungqongqo eqinisekile ngeLizwi laKhe. Ewe, mhlekazi.

¹⁹⁰ Qaphela, uYesu, wayeqondakalaliswe siSibhalo! Niyandiva? [Ibandla, “Amen.”—Mhl.] UYesu wayeqondakalaliswe nguThixo, ngeZibhalo, ukuba Yena wayenguMesiya. Ingaba kunjalo? [“Amen.”] Sizakufika kwisimangalo sikaPetros, kwimizuzu embalwa, kwaye niyakufumanisa ukuba yayisiso na okanye hayi. Wayeqondakalaliswe ngokupheleleyo, ukuba Yena wayenguThixo ebonakalaliswe eNdodeni, ebizwa ngokuba nguNyana kaThixo. Kunjalo. Nangona, Wayeqondakalaliswe ngokupheleleyo wangqinela iLizwi ledinga, lokuba Wayakuba Mesiya. UMosisi wathi, “Lo Mesiya, Akufika, uyakuba ngumprofeti,” kwaye zonke ezi zinto ziyakwenzeka.

¹⁹¹ Umfazi omncinane one. . . emi ngasequleni, nayo yonke loo meko yokungcola wayekuyo, yayibonakalalisa ntoni loo nto? Ukuba uThixo kule mihla yokugqibela uyakutsala abalahlelwa ngaphandle.

¹⁹² Khumbula phezolo, emsithweni. . . Okanye, ngeli ithuba endandishumayela apha. Kwisidlo sangokuhlwa somsitho, bathi, indlela abathi ngayo. “Ndinesidlo esikhulu, njalo-njalo. Kwaye wonke loo madoda, ndiwabizileyo, ngamnye kubo wazicelela uxolo. ‘Andinakuyenza loo nto, ngokuba ingonakalisa imigaqo yethu. Andinakuza, ngokuba ndino. . . Nditshate inkosikazi; ayizukuvuma ukuba ndize. Umkam, ndi—nditshate nebandla elilapha ezantsi. Umama wayenguMwisile, okanye umBhaptizi, okanye umKatolika, okanye umProte- . . . Andinako nje ukumela loo Nto.’”

¹⁹³ Wathi, “Kwaye anisiyi kuza? Kwaye anisayi kuze nisingcamle isidlo saM sangokuhlwa! Ngoko phumani niye ninyanzele amahenyukazi nabaziphethe kakubi, namanxila, nantoni na eyenye. Nibangenise, kwaye Ndiyakubalungisa. Ndisenzile isidlo sam sangokuhlwa, kwaye ezaM—ezaM iindwendwe. . . Isithebe saM silungisiwe, kwaye kuyakubakho umntu apho.” Abazange beze. Wayewagweba loo maYuda.

¹⁹⁴ Yintoni ngonamhlanje? “Ndi—ndi—ndingowamaPresbhithari. A—andinako. NdingumWisile, mLuthere. Ndingowobunye. Ndingowobubini. Ndiyile. Andinako. Andinako.” Nantso ke. Awusayi kubakho phaya ngoko! Yiloo nto kanye Awayithethayo. Kulungile.

¹⁹⁵ Ngokupheleleyo ongqinelweyo, uMesiya. Ngokupheleleyo engqinelwe, iLizwi, iLizwi ledinga. UThixo owabeka idinga ngeLizwi, lokuba oku koko uMesiya ayakuba kuko, nguye Lo

efika esima ngokuchanekileyo. Wathi kubo, “Ngoku, Ndisilele phi? Ukuba aNindikholelwa njengeNdoda, kholwani yimisebenzi eNdiyenzayo; kuba zizo izinto ezixelayo ukuba NdinguBani na. Zizo ezitshoyo ukuba NdinguMesiya. Anifuni kuNdikholelwa, ngokuba nicinga ukuba—ukuba uYosefu ngaphaya. . . Kwaye Ndazalelwa ndaphaya kulaa ndlu yengca incinane, kwaye—kwaye owaM utata-mbumbulu ulapha e—engumchweli phaya ezantsi. Kwaye—kwaye nina. . .”

¹⁹⁶ Wathi Akungena eGalili apho, wona, ezakwenza. . . Bathi, “Heyi, nguBani laa Mfo? Ngubani Lo? Ke, le Ndoda, ayinguye. . . Asinguye umntakwabo Yose nabantwakwabo aba? Abanathi na oodade Wabo? Asinguye na uMariya unina Wayo, noyise waYo ebizwa ngokuba nguYosefu? Kuphi, nimfumana phi uMfo onjeya? Uphuma kwesiphi isikolo Yena? Akanakhadi labudlelane. Yena, Akanazincwadi-mvume zakushumayela. Uvelaphi uMfo onjeya. . . Nikufumene phi oku, khona?”

¹⁹⁷ Kwaye iBhayibhile yathi Yena Wa—Wakhutyekiswa. Wathi. . . Mininzi imisebenzi yamandla eNdingabanga nakuyenza; waza wajika nje umqolo waKhe wahamba wemka kubo. Wathi, “Umprofeti akakhe anganikwa mbeko ngaphandle kwaxa aphakathi kwabantu bakowabo, 'yabona, kwisiphaluka esisesakowabo,” khangela, “okanye ilizwe elilelakowabo.”

¹⁹⁸ Nguye Lowo, engqinelwe ngokukuko, uMesiya. Akazange azenzele zuko ngokwaKhe. Wathi, “Andinakwenza nto kuphela koko Ndibona uBawo ekwenza.” Kwaye Wabamema ukuba babuze ukuba yayingengoMesiya na lowo.

¹⁹⁹ Kwaye khangela kulaa mfazi mdala wayedume kakubi; wakuqonda oko. 'Yabona. Yena, wayengahlolwanga mfundiso. Isibane sasinga. . . Ngokuziphatha wayeziphethe kakubi, kakade. Akukho mntu unokuthi kulungile oko. Imithetho kaThixo yayiyigweba loo nto. Wayeziphethe kakubi ekuziphatheni. Kodwa yena. . .

²⁰⁰ 'Yabona, uThixo akakugwebi ngokwakho. . . ngento oyiyo. Uvuyela. . . Akakugwebi ngakuba umkhulu kangakanani na okanye umncinane kangakanani na. Ukugweba ngentliziyo yakho, loo nto ufuna ukuba yiyo.

²⁰¹ Kwaye wayengafuni nanto ngaloo nto. Kwaye kwathi Oku kwakubaneka phambi kwakhe, nantso iNto awayeyifuna. Akunamsebenzi nokuba wayeyintoni na ngoko, wayekulungele ukuza. 'Yabona? UThixo ugweba intliziyo. Abantu bagweba ngembonakalo yangaphandle. UThixo ujonge entliziyo. Akunamsebenzi nokuba wayeyintoni na; okwa kuKhanya kwabaneka, kwaba kuphelele ke apho. Wabamba i—i—isiseko soBomi obunguNaphakade.

²⁰² Owu, bethu, kutyebe kangakanani oku, kum, 'yabona, ukubona nokwazi ukuba oko kuyiNyaniso. Ndiya—ndiyakuma

ngakule Nto. Ndiyakuyeka... UThixo wamaZulu uyakuma, kwaye ilizwi lam liyakuba kumakhasethi okushicilela kazibuthe wexesha elikhulu likaThixo phaya ngaphesheya, laye liyakusigweba esi sizukulwana ngomhla wokugqibela. Kuba, li—likhasethi lokushicilela likazibuthe, ngoko liyakube likwikhasethi lokushicilela laNaphakade ngoko. Injalo loo nto. Ligwebe esi sizukulwana sabashumayeli banokumila kokuhlonela uthixo, bewakhanyela aMandla weLizwi nokubonakalaliswa kwaLo xa lithe Laqondakaliswa ukuba Yena usenguYesu Kristu, inguye izolo, namhla, nangonaphakade. Ndibabeka ityala, ngeLizwi likaThixo.

²⁰³ Ndizakuya kwesinye isithembiso, ngokukhawuleza, kuba sinamalunga neshumi elinesihlanu lemizuzu.

²⁰⁴ “Apho bona—apho bona...” Intoni? Owu, bethu! EKalvari! Kwaye bona “babethelela” Yena, elesithathu. BaMbethelela, hayi ngokuqonda iLizwi likaThixo lesithembiso libonakalalisiwe. Kwaye bayibethelelela ntoni laa Ndoda? Ungaqikelela nje? Mandibuyele emva okomzuzu. Kwakutheni ukuze abantu babethelele iNdoda enjeya? Njengokuba uMariya...

²⁰⁵ Njengokuba ndandifuna encwadini ngexesha elithile, ebizwa ngokuba *Inkosana yeNdlu kaDavide*. Yayibhalwe ngu-Ingrham, uGqirha Ingrham. Incwadi emangalisayo? Ingumdlalo weqonga, kuthiwa inobunyaniso ngenxenye, ngowemibhalo-ncwadi yakudala eyathatyathwa kumfazi obizwa ngokuba ngu-Adina, ukuba yena... Wawela waya ngaphesheya ePalestina, esuka—esuka ezantsi eYiphutha, eCairo, ndiyakholwa ukuba kwakulapho, ukuya kugqibezela imfundo yakhe. Kwaye wayelapho ngexesha lika—likaKristu, kwaye kuthiwa wabhalela emva kuyise. Bekuya kulunga ukuba ubunokuyichola uyifunde. Yona, ilungile ngenene, yi*Nkosana yeNdlu kaDavide*. Loo ndoda inye yabhala i*Ntsika yoMlilo*; kwaye, wakhupha apho, uCecil DeMilles *IMithetho Elishumi*.

²⁰⁶ Ngoku sifumanisa ukuba, kule ncwadi, lo-Adina wabhalela ekhaya. Waze wathi, ngomhla wokubethelelwa, uMariya waseMagadala, awayethe Wakhupha kuye iidemoni ezisixhenxe, wabhaleka phambi kweso sihlwele, wathi, “Wenze ntoni Lo? Wenze ntoni Lo? Uphilise abagulayo kuphela wazama ukukhulula abo basezintolongweni! Wenze ntoni Lo engalunganga? Makubekho umntu oyixelayo!”

²⁰⁷ Yaze indoda yambetha waya kuwa ngapha kweyadi, phantse, yathi, “Ningakholelwa kulaa mfazi usileyo, ukudlula abapriste benu?”

²⁰⁸ Nantso ke. 'Yabona? Wenze ntoni Lo? Akazange enze nto. Kwakutheni ukuze baMbethelele? Kutheni? Kutheni? Kungokuba babengaqondi ukuba Yena wayenguBani na.

209 Yinto enye namhlanje. Abashumayeli, nabantu banamhlanje, nabafundisi banamhlanje, babahlohle imfundiso kangako abantu ukuba bakholwe ukuba Oku bu “bugqwirha, okanye umtyholi, okanye ubuqhinga obuthile, okanye uhlobo oluthile lobuqhinga,” Bade abantu abaqonda ukuba kukungqinelwa kweLizwi likaThixo lalo mhla. Yimiqondiso yomhla yokugqibela.

210 Amabandla, ukuba awungowombutho wawo, bayakuthi, “Aha, ke, loo nto yinto yokuzenzisa okuthile. Bu—bubuqhinga bobuxoki. Ke, khangela apha ezantsi u*Zibani bani noZiban-bani*.” Kodwa makhe bayiqondakalise ngexesha elinye iNto eyinene ukuba bubuqhinga. Aha. Makhe baYiqondakalise ukuba ayilunganga. Abanakuyenza loo nto. Ayizange yaziwe ngakuba iyaphosisa, kwaye Ayingeke, ngokuba InguThixo. ‘Yabona? Kodwa bayakuthanda ukunyola.

211 Bacinga, “Owu, ke, ukuba ibiyindoda ethile enegama elikhulu!” Ngenxa yokuba iliqela elincinane, iqela elincinane elibulahlelwa ngaphandle, “Ke, samgxotha laa mntu ebandleni lethu.” ‘Yabona? “Bona, babedla ngokuhamba kwiqela lethu, ‘yabona, kodwa baphumela ngaphaya *koku*, baze baphumela ngaphaya *kokuya*, ke ngoku, uyabona, baphelela...Ke, khangela ukuba kuyintoni na, ngubani na.”

212 Andikhathali. Ngebathetha kwaloo nto inye ngoPetros, uYakobi, noYohane. Okanye, “Indoda engazinto engafundanga,” batsho. Kodwa kwafuneka ukuba baqaphele, kukho into eyenzekayo ukusuka ngelo xesha. Babekhe bakunye noYesu. Nantso into eyayisenza umahluko. ‘Yabona?

213 Benza loo nto ngenxa yokuba babengazi ukuba WayenguBani na. Babengazi ukuba ukungqinelwa kweLizwi likaThixo. Kwakumi apho ngaloo mhla...Ngoku, kwakungoloo mini, kwaye apho kanye; kwakunjalo, ngemini enye, beyigcinile loo mithetho nezinto ezinjalo. Kodwa loo mithetho minye yayikho, babeyigcina, yabakhombisa kwixesha apho Wayeyakuza Abe yile Ndoda Wayemelwe ukuba yiyo. Babenayo le nxenye, kodwa bengayithathi *enye* inxalenye.

214 Kwaye isekwayinto enye le bayenza ngoku. Banebandla, kwaye “bakholwa kuYesu Kristu,” baze bathi benza njalo, nezinto ezinjalo, kodwa bayikhanyele iyure esiphila kuyo! Oko kusabuyisa laa mzekelo wakudala phaya emva kwakhona: umntu uhlala emdumisa uThixo ngento Ayenzileyo, ekhangele phambili koko Ayakukwenza, kwaye, okanye azakukwenza, abe engakuhoyanga oko Akwenzayo, abe egwetywa kuko. ‘Yabona? Bacinga, “UThixo uyamangalisa. Indlela Amkhulu ngayo! Into Azakuyenza: Uzakuza, abe luXwilo, ngamhla uthile, kuyiwe eKhaya,” Babe bekhanyela kwaloo miqondiso nemimangaliso ilapha ngexesha apho iSibhalo sathi Uyakuyenza. Bayiphosa yonke loo Nto!

215 “Ukuba imfama ikhokela imfama,” uYesu watsho, “ziyakweyela zombini emhadini.” Thandaza kuThixo ukuba avule amehlo akho kule mihla yokugqibela. Kulungile.

216 Ngoku, kwaloo nto, benza kwaloo nto inye namhlanje. Bayakhanyela babethelele kwaloo Thixo mnye, namhlanje, ngokungamaMazi. Kwaye yinto enye, ngokuMala. Baze benze, ngokwala izinto abazenzayo namhlanje, abambetheleli uKristu kwakhona, ngokuchanekileyo, kodwa banyelisa uMoya oyiNgcwele. Kwaye ngokwenza loo nto, bona ba... Bamanyelisa njani uMoya oyiNgcwele? Njani?

217 BaManyelisa njani ngoko, phaya kudala? Kwakutheni, kwakutheni ukuze Unganyeliseki ngoko; Wawungekafiki. Bambiza uYesu, “Bhelezabhule,” baMbiza, “Bhelezabhule,” ngokuba Wayesazi iimfihlelo zeentliziyo zabo, nezinto ezinjalo. Bathi, “Ngumtyholi lo.” Ngamanye amazwi, “Ungumvumisi wezinto ezisezakuhla. Yiloo ndlela Enza ngayo ezi zinto, kungokuvumisa. Akukho nto ayiyo ngumtyholi.” ‘Yabona, babengazange babe namprofeti isithuba samakhulu amane eminyaka, kwaye babesebavuma kudala kuloo nto. ‘Yabona? Babenayo imithetho yabo. Bathi, “Lo nguBhelezabhule.”

218 Kwaye uYesu wathi, “Ndiyanixolela ngenxa yaloo nto, kodwa uMoya oyiNgcwele xa athe wafika,” ‘yabona, ngoku, “ukuthetha igama nje ngokuchasene naYe, kwaye anisayi kukuxolelwa.”

219 Khumbula, kuyakuba njalo, kwaye kungekhe, nakanjani na, kubekho inceba, xa unyelisa, ubize uMoya kaThixo, iLizwi likaThixo elingqinelwa ngoMoya... ‘Yabona, iLizwi litsho, uMoya bubungqina baLo, kwaye uze uWubize nge “nto engcolileyo,” uwele umda phakathi kwenceba nomgwebo, ungenakuze uxolelwe ngenxa yoko.

220 Naso isizathu sokuba ndisibeke ityala esi sizukulwana, ngokuba netyala, lokubethelela, ukunyelisa uNyana kaThixo obonakalalisiweyo njengokuba kwakunjalo ngabo bonke abaprofeti, noKristu ngokwaKhe, ukuba uyakubakho ngemihla yokugqibela; njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa, ngemihla yeSodom. Unyeliso! Ntoleyo, babethelela, ebantwini, uNyana kaThixo ngokutsha, iLizwi laKhe elingqinelweyo. Igama elinye lokuchasana naWo alinakuze lixolelwe.

221 Ngoku uyakwenza ntoni ngoko? Uyakumela ntoni? Bagwetyiwe, balindele nje iYure yomsindo kaThixo ukuba uphokoke. Uyakubacola.

222 Ukuthanda imfundiso yamahlelo enziwe ngabantu nemigaqo yemfundiso ngaphezu kokuba bethanda iLizwi elingqinelweyo likaThixo; esi sizukulwana saba bantu. Owu! Ndi—ndinqwena nje ukuba ndibe bendinethuba elide lalento. Esi sizukulwana saba bantu, esi sizukulwana sidela isityhilelo

sika*Thixo*. [UMzalwana uBranham ubhambatha iBhayibhile yakhe kambalwa!—Mhl.] Kodwa sihamba apho abapostile banyathela khona. Injalo loo nto.

“‘Thixo,’ utsho? Ke, abanye bayayithetha loo nto nabo.”
UThixo uyaYingqinela.

²²³ UYesu wathi, “Ukuba—ukuba—ukuba imisebenzi ayithethi ngaM, oko hambani nje nithi oku Ndikuthetha ngokwaM. Kodwa ukuba imisebenzi iyathetha, kungcono nikhholwe yimisebenzi, ‘yabona, kuba yiyo le iyure.” Wathi, “Niyazi ukuba ngomso ilanga liyakuvela, okanye iyakuba yimozulu embi; ngesibhakabhaka esibomvu kuzolile, ngomso iyakubantle.” Wathi, “Ninako ukucalula ubuso besibhakabhaka, kodwa imiqondiso yexesha, anazi nto ngayo. Ukuba benimazile uThixo, ngeniwazile umhla waM.”

²²⁴ Baze bathi, “UZibeka phambili kakhulu; Uzenza uThixo.”
Baza baMxhoma emnqamlezweni.”

²²⁵ Kwaye uMoya oyiNgcwele, namhlanje, akangoMntu wesithathu. UnguThixo, ngokwaKhe, ebonakalaliswe ekwinyama yomntu, ngeGazi likaYesu Kristu, ukuze angwalise ubomi ukuze Abe nokuZibonakalalisa ngabo. Kwaye babethelela kwa elo Lizwi linye libonakalalisiwe. Niyaqonda? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ukubethelelwa kukaKristu, namhlanje, ngabantu abayakwala uNyana kaThixo engqinelwe wabonakalaliswa phakathi kwabantu, ngezaKhe—ngezaKhe izinto Awathi ziyakwenzeka ngalo mhla ngeLizwi laKhe. ‘Yabona?

²²⁶ Ngoku, kwa oko kungqinelwa kunye, kumelwe ukuba kubekunye, ukuba Yena unguNyana kaThixo omnye, kuba Wathi kuYohane oNgcwele 14:12, ngoku, wathi, “Imisebenzi endiyenzayo Mna niyakuyenza nani.” AmaHebhere 13:8, “Isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.” “Ukuba nithe nahlala kuM,” uYohane 15, “ukuba nithe nahlala kuM, namazwi aM ahlala kuni, celani nje enisukuba nikuthanda kwaye niyakukwenzelwa.” Ewe, mhlekazi!

²²⁷ Khumbula, babengabantu abangabenkolo kakhulu abo benza loo nto. Yayingengabantu bangaphandle. Yayingabantu abangabenkolo baloo mhla. Kwaye yiloo nto eyenza oko namhlanje, ngabantu abakhohwayo; ubethelelo olunye, yinto enye namhlanje. Ngokukhawuleza . . .

²²⁸ “Apho bona bambethelela Yena.” Ngoko, ngoko? Ngokuqinisekileyo. Ngoko bona babesala iLizwi likaThixo elabonakalaliswayo, besamkela iinkolo zabo endaweni yeLizwi.

²²⁹ Ingaba koko bakwenzayo namhlanje? Kuko kanye, benza kwayona namhlanje. WayenguLizwi; kwaye bamala uLizwi. Yilo ndawo inye endifuna ningayiphosi, ‘yabona, andifuni

niyiphose. WayenguLizwi, kwaye, xa bona bamalayo Yena, bala iLizwi. Kwaye xa bathi bamala Yena, bona ekugqibeleni bambethelela Yena. Kwaye koko bakwenzileyo namhlanje: bala iLizwi likaThixo, baza bamkela iinkolo zabo; kwaye bambethelela, esidlangalaleni, phambi kwebandla labo, ukusebenza koMoya oyiNgcwele. Kwaye banetyala, kwaye ndibabek'ityala eGameni likaYesu Kristu.

²³⁰ Kwiminyaka elishumi elinantlanu ndambona ehamba enqumla ilizwe, yaye basabambebele kwiinkolo zabo. Banetyala! Bathabatha uLizwi owayeza kuzisa inkonzo, zonke iinkonzo zidibane, enze enamandla enkulu imbumba yobuzalwana phakathi kwamaPentekoste kunye nabo bonke; endaweni yokwenza njalo, bona balLilahla Lona, baza baLidanisa, bahlekisa ngaLo, baza balibiza ngezinto zonke ngoku.

²³¹ Kwaye ngoku, ngomanyano lwenkonzo, ngecebo likaMtyholi, ezama ukuza aze athi, “Ngoku kulungile yiza, ungathenga i-Oli.” Balahliwe. Kwaye baye ba... Banetyala ngokubethelela uYesu Kristu. Yithabatheni ngokwezika Thixo inkcazo, okanye ezenu iinkcazo azisayi kusebenza. 'Yabona?

²³² Balilahla iLizwi likaThixo elabonakalaliswayo, ngenxa yeenkolo zabo, kwaye benza kwa oko namhlanje, “WayenguLizwi,” uYohane, uYohane oNgcwele wokuqala. AmaHebhere 13:8 ithi, “Nguye izolo, namhlanje, nanganaphakade.” Ngoku bona bayaMbethelela ngokutsha.

²³³ Benisazi ukuba iBhayibhile yathi singakwenza oko? Bangaphi abangathanda ukufunda nje kancinane? Ningakhe nindinike eminye imizuzu elishumi elinantlanu yayo? [Ibandla, “Amen.”—Mhl.] Masityhile ngaphaya ngoku, umzuzu nje, u “kubethelelwa ngokutsha.” Masiye phaya kumaHebhere, isahluko sesithandathu, sifunde nje kancinane. AmaHebhere 6, size sibone ukuba asi “mbetheleli uNyana kaThixo ngokutsha na,” sibone ukuba ingenziwa na loo nto.

Uthi, “AwunakuMbethelela okwesibini.”

²³⁴ Siza kufumanisa ukuba singanako na okanye hayi. Ilizwi likaThixo liyiNyaniso. Ingaba kunjalo? [Ibandla, “Amen.”—Mhl.] NgamaHebhere 6:1

Endithi ngoko masithi siyeka elengqalo ilizwi elithetha ngoKristu, sikhubele kwelokukhula; singabuyi siseke ngele nguquko emisebenzini efileyo, nokukholwa kuThixo,

Ngelomfundiso yembaptizo, . . . neyokubekwa izandla, neyovuko lwabafileyo, neyogwebo olungunaphakade.

. . . oko ke sokwenza, ukuba angaba uthe uThixo wavuma.

235 'Yabona, uPawulos ufuna ukwazi ukuba ezi zinto zilapha ziyimfuneko ngenene; ubhaptizo, ukubekwa izandla, uvuko, uKuza kwesibini. Zonke ezi zinto zinguNaphakade. Ngokupheleleyo ziyiNyaniso.

236 Ngoku qaphela, "Kuba akunakwenzeka." Yifunde kunye nam, le ivesi. Ndifuna ukuba uyifunde kunye nam ngoku, ivesi ye-4. [UMzalwana uBranham nebandla bafunda imiqolo emithathu elandelayo kunye—Mhl.]

Kuba abo bakha bakhanyiselwa basiva isipho sasemazulwini, baba ngamadlelane ngoMoya oyiNgcwele,

Bayiva incasa yeLizwi elihle likaThixo, kwanamandla ephakade elizakubakho,

Baza babuya bakreqa, akunakwenzeka ukuba bahlaziyelwe enguqukweni; ekubeni bephinda ukuzibethelela emnqamlezweni uNyana kaThixo, bamhlaze ekuhlени.

237 Ingaba liLizwi lam elo okanye lelaKhe? "Umntu ofumene ulwazi oluthile." Khumbula, abazange babenaLo. Babengamakholwa asemdeni. "Ekubeni siyamkele inyaniso yeLizwi likaThixo," ulufumana ngolwazi, ngokufunda nokuLibona, "uze ngoko uLale, ngoko, wena, akunakwenzeka kuwe ukuba ube sasindiswa." Niyifundile loo nto ngoku? 'Yabona, "Wamkele ulwazi lweNyaniso," kuphela, niyaliqonda. Awukhange ube naLo.

238 Kunjengala makholwa aphumayo. Umzekelo wohambo. Le—Le yesithathu, le mfuduko yesithathu ingumzekelo nje wazo zonke. Khangela, khangela phaya kudala. Makhe ndinibonise into ngoku, umzuzu nje. Nindixolele ngale ngcaciso. Khangela.

239 USirayeli wakhupha amadoda alishumi elinesibini, inye kwisizwe ngasinye, iintloko zamahlelo, waze wawakhupha ayakufika ekupheleni komda, elizwe ledinga, wababonisa izinto ezilungileyo ezizayo, into ababenayo. Aze abuya, ekhalaza, ngokuba, "Sasingenakuba nakho ukuyenza loo nto."

240 Kodwa kwakukho isibini kwelo shumi linesibini, uYoshuwa noKalebhi, abathi bakhangela eLizwini. "UTHixo wathi lelethu, kwaye sasingaphaya kokuba nako ukuukulithabatha." Ingaba kunjalo? [Ibandla, "Amen."—Mhl.]

241 Yayiyintoni loo nto? Amakholwa asemdeni. 'Yabona, eneneni ayezalelwe ebandleni. Ayeziintloko zabantu. Ayengoobhishophu, basenokutsho, abahambayo behla baya kanye apho iLizwi likaThixo laliboniswa khona ukuba liyiNyaniso. "Naliya ilizwe!" Ayengazange abelapho ngaphambili. Babengazi ukuba likho. Kodwa behla bazakubona ukuba lalikho. "Yayililo elo!" Waze uKhalebhi

noYoshuwa bawelela ngaphaya, baza babuya ne—ne—nesicumba sediliya bathi mabadle kuzo. Baza bangcamla kwizinto ezilungileyo zelo lizwe, baphinda babuyela umva bathi, “Asinakuyenza loo nto. ‘Yabona? Asinakuyenza nje ngokupheleleyo.’”

²⁴² Nali kwa elo qela linye, ngexesha likaYesu Kristu. “Rabi, siyazi ukuba ungumfundisi ovela kuThixo Wena.” ‘Yabona? Umda! “Siyazi ukuba ungumfundisi ovela kuThixo Wena. Akukho mntu unakho ukuzenza ezi zinto uzenzayo Wena. Siyaqonda ukuba uThixo umele ukuba ukho apho.” Kwakutheni ukuze bangayamkeli? Kwakutheni ukuze bangayithabathi? Umda! Umda!

²⁴³ Naba bekho apha kule mfuduko yesithathu; imiqondiso eminye, ukubonakalaliswa okunye, uKristu okwamnye, nguMoya oyiNgcwele omnye, yimisebenzi ekwaminye, uThixo omnye, uMyalezo omnye, kwaye abanakuWuthabatha. Kungafuneka bancame amakhadi abo obudlelane. Yintoni na? “Babenako ukuyazi iNyaniso.” Bakhangele babona ukuba ngokupheleleyo yiNyaniso. AbanakuYiphika. Olindi-xesha bamelwe kukungqina bayibonile loo Nto. Imifanekiso, amaphepha, ubungqina, ukuvuka kwabafileyo, ingxelo zoogqirha zabagulayo, banyanzelekile ukuba bathi nguYe lo. Nokuxelwa kwezinto kwangaphambili, kungekho nanye eyakha yasilela kuyo yonke iminyaka, zonke ngazinye zenzeke ngokuchanekileyo kanye, akukho nto banokuyithetha kuba nguThixo kuphela. Kodwa abanakuYamkela.

²⁴⁴ Iqela labefundisi eChicago, amakhulu amathathu anento abo ayezakuhla abhaptizwe eGameni likaYesu Kristu. Baphi? Ixabiso likhulu kakhulu. Abanakuyenza loo nto. Yintoni na? IBhayibhile yathi, xa bathe benza loo nto, benza ntoni? Bayazahlula phakathi kweenceba nomgwebo. “Kuba akunakwenzeka kwabo bakhe bakhanyiselwa,” beziswe ukuba beze kuYikhangela, “baba nolwazi lweNyaniso, bangcamla kwiLizwi elilungileyo likaThixo, ukuba bathe bemka kuLo, apho bamelwe kukuzihlaziya kwakhona, bathi, ‘Kulungile, ngoku, ndizakuyenza loo nto, ewe, . . .’”

²⁴⁵ Nina maRhabe, nina maWisile, nani maBhaptizi, nani maLuthere, nale nto yaMadoda angooSomashishini beFull Gospel, besithi baya “ngena,” bawala uMyalezo. Inkonzo yenu iyakwenza njalo. Kuyakubakho abathile apho, ngokuqinisekileyo. Kodwa, hayi ibandla; nimelwe kukuphuma ebandleni, ukuze niWufumane. ‘Yabona? Injalo loo nto. Umntu ngamnye ulungile.

²⁴⁶ Kodwa xa ucinga ngebandla lobuPresbithari ukuba liyakwamkela uMoya oyiNgcwele, baze bonke bathathe okubhaliweyo, beze, musa ukucinga ngaloo nto. Kwaye ucinga ukuba nina maWisile niyakuphumelela? Aningekhe nenze

njalo. Nicinga ukuba nina Matrinity nilamkele iGama likaYesu Kristu nibhaptizwe nonke ngabanye e. . . Anisayi kuyenza loo nto. Aningekhe niyenze. Kodwa umntu ngamnye uyakuphuma aye kuyenza, injalo loo nto, kwaye nangu umqondiso wokuZa kwaKhe. Kodwa zona iinkonzo ezithe ziyibona iNyaniso, zaYala kumabhunga azo, “akunakwenzeka.”

²⁴⁷ Ngoko, banetyala lokubethelela uYesu Kristu. Kwaye ndibabeka ityala ngeLizwi likaThixo, kuba uThixo uthe. . . “Ubabeka njani ityala, Mzalwana Branham?” Ndiyabamangalela, ukuba uThixo uZiqondakalisile ngokucacileyo eLizwini laKhe, ngemihla yokugqibela, waZenza ukuba aziwe ukuba Yena isenguye izolo, namhlanje, nangonaphakade, kwaye bathe bayala phandle loo Nto. Kwaye ninetyala lokubethelela uYesu Kristu, ngokunyelisa uMoya oyiNgcwele. Injalo loo nto.

²⁴⁸ Sinithabatha sinise kumaHebhere 10, kwakhona, apho isixelela kwakhona eZibhalweni, ukuba a “kunakwenzeka,” koko awungeze. Uyakwahlulwa kuThixo, ngoNaphakade. Awunakuze uze eBusweni bukaThixo kwakhona, xa uthe wamala uMoya oyiNgcwele wahlekisa ngaWo.

²⁴⁹ Ngoku, 'yabona, “balingcamla iLizwi.” 'Yabona, amakholwa asemdeni!

“Owu, uthi abo bafo babengengomakholwa?”

²⁵⁰ Babengamakholwa, okanye amakholwa avuma ukuba angawo, kodwa kwathi kwakufikwa kwiLizwi. . . BabengamaSirayeli. Babephuma phantsi kwegazi. Babephuma phantsi kwemiqondiso kaMosisi. Babeyibonile lo miqondiso isebenza.

UThixo wathi, “Ndiyakuniwelisa.”

²⁵¹ Kwaze kwathi kwakuyakufika kumthetho weLizwi lesithembiso elalisiza, bathini, “Owu, asinakuphumelela.” 'Yabona?

²⁵² Baze bathi bakubuya, bephethe iidiliya nayo yonke into, ukuqondakalisa ukuba ilizwe lalilungile. ILizwi likaThixo lalinyanisile. UThixo wathi, “Ndininike lona.”

²⁵³ Kodwa iimeko, “Bethu,” bathi, “sikhangeleka njengemicikwane, xa simi ecaleni kwabo. Asinakuphumelela, nokuba sekutheni na.”

²⁵⁴ Kwiminyaka embalwa edlulileyo xa le holo indala yema njengomnquba, kwangena umntu othile, waze waphuma phaya wathetha nam, wathi, “Billy, uzakushumayela kwiipali ezine, ngolunye lwezi ntsuku, ngemiyalezo elolo hlobo.”

²⁵⁵ Ndathi, “Ndiyakuba ndishumayela kwiipali ezine, kuba uThixo unakho ukumvelisela abantwana u-Abraham kwezo pali.” Ewe, mhlekazi. YiNyaniso. Ndathi, “Ukuba unento

onokuWuphikisa ngayo, masiyifumane.” Bathanda nje ukukhonya, kodwa kuthi kwakufika kwindawo yokulibonakalalisa, kuyahluka. Ewe, nantso into eyenza umahluko. Kulungile.

²⁵⁶ Ewe, ngemigaqo yabo baMbethelela ngokutsha. Ngoku kumaHebhere isahluko se-6, size sihle. Singafunda nje sihle ke, konke ukuhla ukuphumela apha. Sinexesha elininzi. Ndiphawule iSibhalo apha esiyakuthi, kumaHebhere isahluko se-6. Nje, ndiyaqikelela, sithabathe konke. “Akunakwenzeka kwabo bakhe bakhanyiselwa, benziwa amadlelane oMoya oyiNgcwele. . .” Asinaxesha lakuhambela phambili kakhulu, kuba ndinesinye iSibhalo endifuna ukusifunda emzuzwini nje. Qaphela oku, “Bazibethelelela uNyana kaThixo ngokutsha.” Benze ntoni? Yintoni? Ngokuba bengcamle, bazi ukuba LiyiNyaniso, baze bajika baLikhanyela. Yenze ntoni loo nto? “Akunakwenzeka. . .”

²⁵⁷ Ngoko nantso into esiyenzileyo esi sizwe. Nantso into abayenzileyo aba bantu. Nantso into la mabandla ayenzileyo. BaLalile, kwaye bawubethelele uMyalezo. Bayibethelele iNyaniso, ebantwini. Bamenza njani uYesu? Bambeka ehlazweni, bamhluba impahla zaKhe zesuka kuYe, baMjingisa emnqamlezweni bambethelela apho phezulu, oyiNkosana yoBomi. Yinto enye abayenzileyo namhlanje ngemigaqo yabo! Benze kwa into enye. Bazihlubile izinto, bahlube u—ukulunga nokunxiba kweVangeli, ngokuzama ukuYibeka kwenye indawo, baze baMxhoma emnqamlezweni. Owu, bethu! Ngoba?

²⁵⁸ “Khona apho—apho bambethelela,” ngoku isicatshulwa sokugqibela, “Yena,” Yena, oyena Mntu ungcwele. Bayenzela ntoni loo nto? BabengaMazi. Bayenzela ntoni loo nto namhlanje? Abazi ukuba le yiNyaniso. Ba—bazizidenge neemfama ngakuYo. AbaYazi. Naso isizathu. Imigaqo yabo nezithethe zibasuse bakude kwiLizwi likaThixo.

²⁵⁹ Ngoku kuni balapha, ekuvaleni nje ngoku, khangelisisani. 'Yabona? Ndiyazi ukuba kushushu. Ndifa bubushushu, nam.

²⁶⁰ Kodwa, owu, mzalwana, eli Lizwi libuBomi ukuba uyakubambelela kuLo. Khangela, asiyonto ithile esinokuthetha ngayo, esenokwenzeka apha nasemva koku; yiNto esele ilapha phakathi kwethu isenzeka ngoku. Hayi into eyakubakho; into esele ikho. Asingqini, “Siyazi ukuba Yena uyenzile; siyazi ukuba Uyakwenza ntoni na,” kodwa ngoku sixela into Ayenzayo. 'Yabona, yiyo le iyure yethu.

²⁶¹ Sisenokungaphili side silubone uXwilo. Ndisenokufa namhlanje; usenokufa ngomso wena. Andazi. Kodwa uXwilo luyeza. Ngoko—ngoko, kuxa kuyakuza, siyakubalapho, ungakhathazeki; aha, bayakuba lapho bonke ukusukela emva kwizigaba zexesha, abalukholelwayo balulindela. Bahamba ekuKhanyeni komhla wabo.

²⁶² Kwaye naku ukuKhanya, uYesu Kristu inguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Shiyani imigaqo nikhohle kweli Lizwi. YiNyaniso le. [UMzalwana uBranham umbambazela iBhayibhile yakhe—Mhl.] ILizwi liyiNyaniso. UYesu wathi, “ILizwi laM linguMoya, iLizwi laM libuBomi.” Uyakubamkela njani uBomi xa usala uBomi? Uyakuyithatha njani imfundiso, ekukufa, neLizwi elibuBomi? Ukhupha iLizwi loBomi, ukuze uthabathe ukufa, uyakuthini ukwamkela izinto ezimbini ngexesha elinye? Awunakuyenza loo nto. “Malithi lonke ilizwi lomntu libe bubuxoki, iyonke imfundiso yomgaqo ibe bubuxoki.” ILizwi likaThixo lilo iNyaniso.

²⁶³ Ndicela umngeni nayiphi na indoda ukuba indibonise, nabani na... Kwaye ndiyazi ukuba eli khasethi liya kwihlabathi jikelele. Nayiphi na indoda, nawuphi na ubhishophu, oyakuza kwigumbi lam lokufundela, okanye phambi kweli bandla, aze akhombe ngomnwe kwindawo ibenye apho nabani na wakhe wabhaptizelwa eGameni lo “Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele,” kwiTestamente eNtsha. Ndiyakukubonisa apho wonke umntu wakhe wabhaptizwa... Nabo babebhaptizwa ngokwahlukileyo, kwanyanzeleka ukuba babhaptizwe kwakhona, ukuze bafumane uMoya oyiNgcwele.

²⁶⁴ Uyakuthini malunga naloo nto? Uyakuhlala apho phandle kwimigaqo yakho? Uyakuhlala apho phandle kwiimfundiso zemigaqo ufe? Unetyala! Ngezandla zabachasene nomthetho, uyithabathile iNkosana yoBomi, iLizwi loBomi, waLibethelela ebantwini.

²⁶⁵ Ngoku benza ntoni? Babengalazi. Namhlanje abantu bahamba ngokungazi. Abazi ukuba yiNyaniso leyo. Bacinga ukuba luhlobo oluthile lwe-ism. Abemi nzulu ngokwaneleyo ukuze bangene kuMoya wesityhilelo. Abathandazi ngokwaneleyo. Ababizi kuThixo ngokwaneleyo.

²⁶⁶ BaYithabatha ngokulula nje, “Owu, kulungile, ndiyakholwa ukuba ukho uThixo. Ngokuqinisekileyo!” UMtyholi ukholwa kwaloo nto. UMtyholi uyakholwa yiloo nto ngaphezu kokuba abantu abathile bebanga ukuba bayayikholwa. UMtyholi uyayikholelwa angcangcazele. Abantu bakholwa nje baqhubele phambili. Kodwa uMtyholi uyangcangcazela, esazi ukuba umgwebo uyeza, kwaye abantu bayakholwa yiloo nto bangawuhoyi uMgwebo ozayo.

²⁶⁷ Banetyala lokumbethelela! Ngokuqinisekileyo! Ndiyasimangalela esi sizukulwana, ndibafumana benetyala, kwangeloo Lizwi labafumana benetyala ekuqalekeni. Injalo loo nto. UYesu wathi, “Ngubani onokuNdigweba?” WayeliLizwi lenziwe inyama. Kwaye namhlanje kwa elo Lizwi lenziwe inyama.

²⁶⁸ UPetros wathi esimangalweni sakhe, kwiZenzo. Masisifunde nje. UPetros, wathi akubona oko kusenzeka, into

abayenzayo, uMoya . . .Khangela uPetros wayemela uKristu, into abayenzayo. Ndimela oko ikuko iVangeli. Mna . . .UPetros wayebabeka ityala ngenxa yokubulala iNdoda, uKristu, OwayeliLizwi. Ndisibeka ityala esi sizukulwana ngokuzama ukubulalala iLizwi elenziwe labonakalaliswa ebantwini. Khangela into eyathethwa nguPetros. Inokuba umsindo wobulungisa wawunyuke kakhulu. Mphulaphule kwiZenzo isahluko se-2, nokuqala komqolo wama-22.

Madoda maSirayeli, waveni la mazwi; uYesu waseNazarethe, indoda, eqondakalalisiweyo nguThixo kuni ngemisebenzi yamandla, nangezimanga, . . . nangemiqondiso, awayenzayo uThixo ngayo ngathi . . . kweni, njengokuba nisazi nani ngokweni:

269 Whowu! Cinga indlela ababeziva ngayo! Phulaphula koko.

Madoda maSirayeli, inkosana, nina madoda ecawe, nina madoda angcwele, nina bapriste, nina madoda benimelwe kukuba ningamadoda akwaThixo, waveni la mazwi; uYesu waseNazarete, indoda eqondakalalisiweyo nguThixo kuni . . .

270 Ngoku ndithi kuni sifundisi, nakuni bantu. UYesu waseNazarete, uMoya oyiNgcwele, Ulapa ekuBuntu bukaMoya oyiNgcwele, obabubuBomi babukuYe. Ulapa esenza ngabantu, eZicacisa ngemiqondiso nemimangaliso Ayenzayo. Kwaye yiyo le ijinga ezindongeni jikelele, ikukuqondakalisa kwenzululwazi. Kwaye nabantu behleli apha ababefile, babe bephila namhlanje; bedliwe ngumhlaza kananjalo, kwaye baphilile namhlanje; bezimfama, bayabona namhlanje; neziqhwala, ezihambayo namhlanje. UnguYesu waseNazarethe.

Yena lowo, ekhutshwe ngecebo elimisiweyo likaThixo nangokwazi kwakhe kwenxa engaphambili, ewunyulelwe ngenxa engaphambili umsebenzi waKhe, namthabatha, ngezandla zabachasene nomthetho nambethelela emnqamlezweni . . . namsika:

271 Ingaba—ingaba kukubeka ityala oko? [Ibandla, “Amen.”—Mhl.] Ubeka ntoni ityala? IBhunga leSanhederin.

272 Kwaye ndibeka ityala, kusanje, kumanyano lwamabandla. Ndibeka ityala abakwaMoya. Ndimangalela amaPresbhithari, amaBhaptizi, nalo lonke ihlelo lenkonzo elisehlabathini. Ngokukhohlakala, ngokunyoluka kokuzicingela nithabathe iLizwi loBomi naLibethelela phambi kwabantu, naLinyelisa, naLibiza ngokuba “kukuyibaxa,” ntoleyo uThixo athe wayivelisa phakathi kwenu ukuqondakalalisa ukuba usenguYe izolo, namhlanje, nangonaphakade. Ndisibeka ityala esi sizukulwana!

273 UThixo uZiqondakalisile ukuba uphilile. UThixo uqondakalisile ukuba eli liLizwi laKhe. Yintoni eninayo

ngaphandle kwenqumba yeemfundiso zenkolo nemigaqo! Kuphi apho ninokubonisa khona uThixo ophilileyo? Ngenxa yokuba nilalile iLizwi loBomi ebelinokunika ezi zinto. Ewe, mhlekazi! Owu, yenjani iyure esiphila kuyo ngoku. Whowu! Yinto enye! Owu, ndibiza . . .

UPetros wathi . . . nimthabathile, *ngezandla zabachasene nomthetho nambethelela emnqamlezweni namsika:*

Athe uThixo . . . wamvusa, eyikhulule inimba yokufa: ngokuba ebengenako ukubanjwa kuko.

274 Kwaye ngemigaqo yenu, nemibutho yenu, neemvaba zenu, ninokumila kokuhlonela uthixo. Nisathetha, ukumila kokuhlonela uthixo kwenu, niwakhanyele amandla ovuko lwaKhe.

275 Kodwa iyure ifikile, imihla yokugqibela yiyo le, apho uThixo wathembisayo ngokukaMalaki 4, ukuba Uyakovusa ngemihla yokugqibela, “aze abuyisele iintliziyo zabantu emva kwiintsikelelo zakuqala nakuKholo lwePentekoste loobawo.” Kwaye awunakuyikhanyela loo nto, kwaye awunakumelana nayo.

276 Ke ngoku ndiyanigweba, ninetyala, kwaye ndiyanimema, ndinibeka ityala kananjalo phambi koThixo, ukuba ngezikhohlakeleyo, ezizicingelayo, izandla zobuhlelo nilibethelele iLizwi likaThixo phambi kwabantu. Kwaye ndinibiza ngokuba ninetyala nilungele uMgwebo. Amen. Ewe, mhlekazi!

277 Ndibiza kwaloo nto inye uPetros wayibizayo. Wabiza inguquko kweso sizukulwana. Ndibiza inguquko kwesi sizukulwana, ukuguqukela kuThixo, kubuyelwe kananjalo kwiNyaniso kananjalo yeLizwi. Buyelani kuKholo loobawo bethu. Buyelani kuMoya oyiNgcwele, kuba uThixo akanakuWutshintsha.

278 Ngethuba uThixo wathi, “Nantsi imiqondiso eyakulandelana nabo bakholwayo,” Umelwe kukuba ahlale naloo nto konke ngoNaphakade. IiLizwi laKhe.

279 Xa uthi, “Bamba isandla, okanye thabatha umthendeleko,” okanye into elolo hlobo, okanye enye into kuloo mgaqo, okanye into yaloo mbono; kuba nabani na, naliphi na inxila, nawuphi na umntu ongakholwayo angayenza. Nawuphi na umlinganisi, naliphi na ihenyukazi—ihenyukazi lingayenza loo nto. Lithabathe umthendeleko, libe nokuzimilisa nezinto ezilolo hlobo, lingayenza loo nto.

280 Kodwa uYesu wathi nantsi into eyakuba bubungqina, “Nantsi imiqondiso eyakuza,” hayi ukuthi *mhlawumbi* ingenzeka, “iyakwenzeka, kuzo zonke izizukulwana, kwabo

bakholwayo! EGameni laM bayakukhupha iidemoni; bayakuthetha ngezinye iilwimi, bathethe ngeelwimi ezintsha; bathabathe iinyoka; basele izinto ezibulalayo, zingabenzakalisi; babeke izandla kwabagulayo, bayakuphiliswa.” “Baphilise abagulayo, bavuse abafileyo, bakhuphe iidemoni; njengokuba namkele ngesisa, yiphani ngesisa.”

281 Kwaye ezi nkqubo zokwenziwa kwemali nezinto ezinjalo, kugangxeleke kwizinto namhlanje, akumangalisi ukuba babe bazele ngumgwebo ngolu hlobo. Ewe, mhlekazi! Owu, bethu!

282 Masibone ngoku. Ewe, mhlekazi. Ukubizela kwinguquko, nokubeka kwam ityala ngoku.

283 Le Kalvari intsha yi—yinkonzo ebizwa ngokuba yiyo, eyona ndawo ingcwele, iipulpiti ezinkulu, isiguqo sobuKatolika, isiguqo seKatolika, sibizwa ngokuba yipulpiti yabo. AmaWisile, amaBhaptizi, amaRhabe, amaLuthere, nabakwaMoya, ezona ndawo zingcwele, [UMzalwana uBranham unkqonkqoza kathandathu epulpitini—Mhl.] Nako apho Afumana khona okona kuhlatywa kwaKhe kunzima. IKalvari entsha! Ifumaneka phi? Kwindawo ezingcwele, kwibandla.

284 Ubethelelwe phi Yena? Ngokubela kubalusi. Bahanahanisindini, nazi ngcono kunoko! Andinamsindo, kodwa into ethile ngaphakathi kwam iyazamazamiseka. UThixo uqondakalaliswe ngokupheleleyo phakathi kwenu.

285 Wawafumana phi Yena amaxeba aKhe, kwicala laKhe? Wakufumana phi Yena ukuhlatywa kwaKhe? EKalvari. Uwafumana phi Yena namhlanje? Epulpitini. Bavela phi bona? eYerusalem. Bavela phi? Kwimvaba yehlelo. Abo babanga ukuba bayaMthanda, ngabo abayenzayo loo nto. Ngabo abayenzayo nanamhlanje. IKalvari yakhe yesibini, Uwamkela phi? Amanxeba aKhe ngokuchasene neLizwi, yiloo nto eMhlabayo. Ungubani Yena? UliLizwi. Yena liLizwi. Kuphi apho Ahlatywe khona ngokunzima? Epulpitini kwiindawo ezingcwele, kanye njengokuba kwakunjalo ngoku.

286 Ndinelungelo lokusibeka ityala esi sizukulwana. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza kahlanu epulpitini—Mhl.] Ndinelungelo lokuyenza loo nto, njengomlungiseleli weendaba eZilungileyo zikaYesu Kristu, zinemiqondiso yaKhe, ziqondakalisa ukuba Yena unguThixo. Ndinelungelo lokuzisa isimangalo ngokuchasene nesi sizukulwana. Kuba, ezona ndawo zinzima zokuhlatywa kwaKhe zibe lapha ngokusuka ezipulpitini, apho bathe bagxeka bathi, “Musani ukuphuma niye kuva laa nto. Yinto yomtyholi.” Kanye kwindawo ebimele ukuba iyaMthanda!

287 Kwalaa miqondiso uYesu wathi iyakwenzeka, “ILizwi likaThixo libukhali ngaphezu kwamakrele onke antlangothi

mbini; iLizwi, umcaluli wengcinga, neengcingane zentliziyo.” Kwaye libizwa ngokuba ngumtyholi, ngokuvela phi? Ezipulpitini, kwiindawo ezingcwele.

288 Owu, Thixo, Angathini ukukhangela phantsi? Nje—nje yinceba, kuphelele apho, lubabalo. Akukho nto iyenye sinokuyenza koko kukuya emgwebeni. Sesilapho kakade. Aha.

289 Yicinge. Ukuhlatywa okukokona kunzima kuvela epulpitini. Kulapho ikhoyo iKalvari yaKhe entsha. BayaMbethelela, uLizwi, epulpitini. Kunjalo. Njani, bayenza njani loo nto? Ngokumila kwabo kokuhlonela uthixo. Injalo kanye loo nto!

290 Bamthwesa isithsaba ngokuvela kubaphulaphuli, ngabagxeki! Unesithsaba esitsha sameva, abagxeki! Uhlatywe epulpitini; wathweswa isithsaba ngabagxeki. Ingaba Uyabethelelwa kwakhona, ngokutsha? Ehlutyiwe yimigaqo eyenziwe ngabantu, abafundisi bobuhlelo ngokuchasene neLizwi laKhe. BayaLihluba ngehlazo, baLigwebe.

291 UYesu wathi, “BaNdikhonza ngelize.” *Ngelize*, “kungancedi lutho.” Bakhonza bani? Bakhonza kwaloo Thixo mnye. Babekhonza kwaloo Thixo ekubethelelweni kwaKhe kokuqala, kwaye yayilunqulo olungancedi nto. Kuyinto enye namhlanje. Bawakhela ilize la mahlelo. Bawakhela ilize lamaziko emfundo. Banale migaqo ngelize, befundisa njengemfundiso imithetho yabantu, belikhanyela iLizwi likaThixo. Banetyala lokubethelela iNkosana yoBomi, befundisa iimfundiso zabantu endaweni yeLizwi laKhe. BaNdikhonza ngelize,” bamhlabile, bamhlaba, bamthwesa isithsaba.

292 Xa ubona loo nto isihla ngesitrato, kwaye abanye benu manenekazi nineenwele ezinde; bathi, “Lilelefashoni yakudala, alinjalo?” Khumbula, ngabagxeki abo, sisithsaba osithweleyo eso. UThixo wathi yayiluzuko lwakho olo; zijingise ngokuzidla. Haleluya! [Umzalwana uBranham uqhweba izandla kathathu—Mhl.] Zijingise ngokuzidla, njengokuba ubunokusinxiba isithsaba sameva usenzela iNkosi yakho. Zijingise ngokuzidla. Musa ukuba nentloni. Watsho Yena, akunamsebenzi nokuba bathini na aba-Izebhele namhlanje. Aba balinganisi bemi epulpitini, ababetheleli bakaKristu, akunamsebenzi nokuba bathini na, yiba nazo ngokuzingca. UThixo watsho. Zigcine.

293 Uthweswe isithsaba, ngabagxeki kwakhona, ameva. Uhlatywe ngokuvela epulpitini ngemigaqo.

294 UneGolgotha entsha, apho baMthabatha bamsa kuyo: ezikwayala zineengubo, abafazi abanxibe ezimfutshane, benqothule iinwele, benobuso obuqatywe, becula ekwayaleni

njengeeNgelosi, benetalente. YiGolgotha yaKhe entsha leyo, abazihluba impahla bangoku bekhuselwe ngumthetho, njengaseSodom neGomora.

²⁹⁵ Xa ubona injakazi encinane isihla ngesitrato. Ngamaxesha athile akukho nja iyinduna iyakuze iphume iye apho ikhoyo. Makubekho into ethile eyenzekayo, kwaye zonke ziyakubaleka emva kwayo. Kukho into ethile eyenzekileyo kuyo. Niyazi ukuba kungokuba. Ma . . .

²⁹⁶ Bazikhululela ntoni impahla zabo aba bafazi, behle ngesitrato? Musa ukundixelela ukuba asiyonto inye leyo. Sisibonakaliso. Musani ukuwagxeka amadoda. Koko bona bakhuselwe ngumthetho waseSodom. Laa mthetho umelwe kukuthi akukho mthethweni ukuba babe phaya phandle.

²⁹⁷ Kwaye abashumayeli epulpitini bamelwe kukunxiba iilokhwe zangaphantsi endaweni yedyasi yobufundisi; bemi phaya phandle baze bayivumele loo nto, baze babeentloni ukuthetha ngokuchasene nayo, ngokuba ihlelo labo liyakubakhupha ngaphandle. Niyabethelela, kwi—kwibandla, iLizwi likaThixo elithi, “Kulisikizi ukuba umfazi anxibe iimpahla ezizezendoda.”

²⁹⁸ Ndi—Ndiyayigxeka loo nto. Ndi—Ndi—Ndi—Ndi—Ndi—Ndibeka ityala ngenxa yokubethelela iLizwi likaThixo phambi kwabantu. Abafazi abanqothule iinwele, benxiba ezimfutshane, nesithsaba . . . bemi phaya phezulu ekwayaleni!

²⁹⁹ Umntu othile wathi kum, ngenye imini, omnye umfazi wandibuza, wathi, “Ke, ucinga ukuba ungayifumana phi?”

³⁰⁰ Ndathi, “Ukuba iNkosi indixelele ukuba ndikhuphe ishumi elinesibini, kwihlabathi lonke, ndinga—ndingoyikela ukufa.”

³⁰¹ Ngethuba, ngocalulo loMoya, ndimi apho ndibakhangele, ndime apho ndizibone ezo zinto zikubo; ezimdaka, ezingcolileyo, eziphantsi, abancanci bezigarethe, bephaya phandle beqhubela phambili ngolo hlobo, baze bame kwikayala enezambatho bacule bekulo meko, baze abo bangabaphulaphuli bababone. Bayakuthi, “Kulungile, ukuba naye unokuyenza, ndingayenza okwam.” Ubomi boBukristu buBomi bobungewele nokusulungeka, obumsulwa!

³⁰² Ndibabeka ityala, eGameni likaYesu Kristu, ngenxa yokungcola kwabo nobumdaka. Bayizisele ihlazo iVangeli. Kwaye abo bazama ukubambelela kuYo, babizwa ngokuba “ngababaxi,” bebizwa, “Ngabefashoni yakudala yimfitshimfitshi.” Ndibabeka ityala, eGameni likaYesu Kristu.

³⁰³ Ingaba ngoku abazihluba impahla estratweni, bacule ezikwayaleni, betshaya imidiza, besenza iziqhulo ezingcolileyo, benabayeni abathathu okanye abane, besukela owesithandathu, baze bacule ekwayaleni ngokuba benelizwi

elimnandi. Nina zintsizana zeengqondi, ningamahlwempu ngokomoya, naliwe kwakwiziseko ezizezenu. Nifunda le Bhayibhile inye anokuthi nawuphi na umntu ayifunde, kodwa niwalile uMoya kaThixo, ngokokude iBhayibhile ithi niya “kunikelwa kulahlekiso olusebenza ngamandla, ukuba nikholelwe ubuxoki nigwetywe ngabo.” Eneneni nikholelwa ekubeni niyalungisa, kwaye iBhayibhile itsho ukuthi niyakuyikholelwa loo nto nigwetywe kwa ngobo buxoki bunye nikholelwa ukuba buyiNyaniso.

³⁰⁴ Ngoko ke, ndiyanimangalela ngeLizwi likaThixo. Nifundisa abantu okuphosakeleyo, nibethelela imithetho kaKristu, yobungwele noBomi baphezulu, ukuba umntu umelwe kukuhamba esiratweni abe ngumntu owahlukileyo.

³⁰⁵ Abashumayeli bemi kumabala ebhola, betshaya imidiza; bezizikhubekiso; nawo wonke omnye umbolo abazibandakanya kunye nawo. Abafazi kwiikwayala zabo, benxibe ezimfutshane, beneenwele ezinqothuliweyo, beqhubela phambili ngolo hlobo, beqabe ubuso, babe beyibiza loo nto, “Dade, *uthile nothile*,” kwaye iBhayibhile iyayigxeka loo nto. Kunjalo. Kwaye kwiipati baqhubele phambili, babe besengamalungu ebandla; nigcine ubungqina benu, niphile nangaluphi uhlobo enifuna ukuphila ngalo.

³⁰⁶ Musani ukucinga ukuba ndithetha ngamaPresbhithari. Ndithetha ngani bakwaMoya. Injalo loo nto. Naniyazi iNyaniso, kodwa nacinga ukuba aninako ukuLithatha. Anizange nikwazi ukuxhasa umfundisi wenu. U—Umfundisi wenu akazange abe nakufumana msebenzi ubalulekileyo onamakhulu amanga eedola ngeveki, nenkonzo eyakhiweyo entle ukuze abe nokushumayela, aze aqhube ngale ndlela kanye benza ngayo. Ukuba wayenokuyigxeka loo nto, umbutho ubunokumlahla ngaphandle; ngoko umelwe kukuba ahambe ngayo, umelwe kukuba athethe loo nto. Ngoko ke, uthengise ngobuzibulo bakhe, ngenxa yembutyulela yesuphu ejiyileyo yehlabathi, amanzi amdaka ka-Esawu. Kwaye yintoni ayakuyifumana ngenxa yaloo nto? Bobabini bayakuwela emhadini wokugwetywa, bagwetywe. Ndiyabamangalela, njengamahenyukazi eVangeli.

³⁰⁷ Ndandisekwayaleni, kweyona iyeyodumo, kwindawo ezinkulu, kungekudala kwixesha elidlulileyo, enye yezona ndawo ziphezulu zobuPentekoste ezikhoyo. Kwaze kwenzeka ukuba ndibe ndihleli ecaleni kwegumbi lokufundela laloo mzalwana ngethuba iikwayala ezine okanye ezintlanu zazihlangene. Kwaye kukomnye woo...omnye weyona mibutho ilungileyo yabakwaMoya. Kwaye babengazi ukuba ndilapho kwelo gumbi lokufundela laloo mlungiseleli, e-Oklahoma. Ndandihleli phantsi apho, ngezantsi, apho lo mlungiseleli afunda khona phambi kokuba aye kwiqonga lakhe. Ndathi ndakwenza njalo...

308 Kwakukho abaRicky bancinane apho; nooRicketta, bokuziqaba, kwakungekho namnye kubo oneenwele ezinde, ngamnye kubo wayeneenwele ezinqothuliweyo, ngamnye kubo eqabe i-make-up, ngamnye kubo enxibe izambatho. Waze uRicky omncinane wabe emi ngapho, ehamba *kanje*, (yaze enye indoda yabe ithabatha umnikelo wokuhanjiswa kwelizwi), wazenza ngokungathi uyindoda eyimfama ephethe ikomityi, ehamba ejikeleza ethetha zonke izinto zonyeliso malunga nokuthathwa komnikelo, nezinto ezilolo hlobo. Kodwa waphuma apho wazama ukucula u—u *The Messiah*, owu, bethu, kwaye—kwaye wayenokwenza umsebenzi omhle malunga naloo nto, kodwa ayizange ibe nantsingiselo. Hayi, yayifile, 'yabona. Owu, bethu! Nantso ke. YiGolgotha yaKhe entsha leyo.

309 Ucinga ntoni ngentombazana encinane ethile, okanye umfazi omncinane othile olapho? Kuba, ukuba ungene apho, enxibe njengokuba ebemelwe, enenwele ezinde, ukuziqaba kususwe konke, nezinto ezilolo hlobo, ngebabehlekise ngaye; ukuba wayenokuma apho, ngethuba babesenza ezo zinto banokuzenza apho, elo qela labantu abatsha, bemalunga namashumi amathathu okanye amashumi amane. Indawo ekhethiweyo yakwaMoya, besenza izinto ezilolo hlobo! Kwaye ukuba elo nenekazi lincinane lalinokuthetha into malunga noko, babenokulikhupha ekwayaleni.

310 Makathi umshumayeli weNdaba ezilungileyo eme epulpitini athethe into malunga noko, bangamkhupha ngaphandle kombutho. Nibethelela uNyana kaThixo ngokutsha, niMbeke kwihlazo elisekahleni. IVangeli yaKhe enibanga ukuba niyayishumayela, niyaMbethelela. Ndisibeka ityala esi sizukulwana sala uKristu, ngeLizwi likaThixo, nangegunya laLo lokungqinelwa kwale mihla yokugqibela kokuba usaphila Yena. Ewe. Bachasene nokubekwa ngqo, kweLizwi likaThixo elingqinelweyo. Imibutho yabo ayinakumelana naLo.

311 Iinkonzo ezinkulu neemvaba yiKalvari yaKhe entsha. Ndiyayitsho loo nto kwakhona. Oku, aba bazihluba iimpahla bangoku babo, baziikwayala zabo.

312 Umpriste omkhulu wehlelo ngalinye ukhwaza njengompriste waloo mhla, “Ngoku yihla uze kusibonisa ummangaliso.” Aha. Yayikukubethelelwa kokuqala oko.

313 Yinto enye namhlanje. Ndikhe ndabeva besithi, “Kulungile, ngoku, uvusa abafileyo, akunjalo? Kutheni ungenyuki uye phaya phezulu? Unenkosikazi esemangwabeni. Unosana oluphaya phezulu.”

314 Bathi kuYe, “Sivile ukuba Ubavusile abafileyo. Sinendawo yamangcwaba ezeleyo ngabo apha. Yiza uze kubavusa.” Owu, ukungazi kuyakuzala ukungazi. 'Yabona? Aha.

315 Iinkonzo ezinkulu, iikwayala ezinkulu, abapriste abakhulu banamhlanje, “Yihla, sibonise umqondiso elinokuthi ihlelo lethu lingabi nakuwenza.”

316 Ndandinendoda, kungekudala kwixesha elidlulileyo, eyaba nentetho nge...emva kosasazo oluncinane endandinalo eJonesporo, e-Arkansas, ndibalisa ngomfazi owayephilisiwe. Lo mfo wayengowehlelo elithile lenkonzo, waza waphakama phaya ngemva wathi, “Ndimema nayiphi na indoda ukuba indizisele indibonise umqondiso.”

317 Ndaya ndafumana ugqirha. Indoda eyayiphilisiwe, inomhlaza. Ndaya ndafumana umfazi ongowayehleli kwinqwelo yabangakwazi kuhamba isithuba samashumi amabini eminyaka; yayiphilisiwe kwisigulo samathambo, yayihleli kwinqwelo enamavili. Ndayithatha ndayisa ndathi, “Ngoku ndifuna imali, iwaka leedola.”

318 Yathi, “Kulungile, e, e, e, e, ayikho apha. Ingaphaya eWaco, eTexas, apho ikomkhulu lethu likhoyo.”

319 Ndathi, “Kulungile, sizakuya nje apho siyifumane.” Yathi, ndathi, “Ungazilungiselela siyakuya ngomso.” ‘Yabona? Ndathi, “Sizakuthumela...” Ndathi, “Nanku ugqirha otshoyo ukuthi aba bantu bebenomhlaza ngokupheleleyo. Nantsi apho ikhoyo, kuludwe lwasegesini. Nanku lo mfazi apho ubumelwane bonke baziyo ukuba wayehleli kwisitulo esinamavili amashumi amabini eminyaka, kwaye uyahamba khona ngoku. Babe oogqirha, eyile kugqirha emva kogqirha emva kogqirha emva kogqirha, nayo yonke into, kwaye nguye lo ephilile namhlanje. Ngoku, uthe ungakhupha ‘iwaka leedola.’ Ndifuna ukuyifaka kwingxowa yokuhanjiswa kweLizwi. Ndiyayifuna.” ‘Yabona? ‘Yabona?

Wathi, “Kulungile, ingaphaya eWaco, eTexas.”

Ndathi, “Sizakuya ngomso.”

320 Wathi, “Yima umzuzu. Mandikuxelele into. Ndiyakuthatha intombazana encinane ihambe nam. Ndize ndithabathe incakuba ndiyisike engalweni, uze ke uyiphilise, phambi kwabazalwana bethu. Kwaye ke bayakunikela loo mali.”

Ndathi, “Mtyholindini!”

321 “Ukuba unguYe uNyana kaThixo, yihla kulo mnqamlezo.” “Sixelele ukuba Ubethwe ngubani na,” bemthandele ngengubo eNtloko. BaMbetha, bathi, “Ngoku, ukuba Ungumprofeti, sixelele ukuba ngubani na opro-...” “Ukuba unguYe uNyana kaThixo, yihla emnqamlezweni.”

322 Bakholendini beemfama abazimfama! Baswele ukuphiliswa engqondweni, indoda enokwenza into elolo hlobo, okanye yenze intetho efana naleyo. Ngokuqinisekileyo.

323 Kukukhwaza okuqhelekileyo, phofu, “MasiKubone usenza ummangaliso. Nkosi, sinqwenela umqondiso ovela kuWe.”

Ngeli thuba, yonke imihla, yure nganye, yayisenzeka njalo, kanye njengokuba uThixo wayekhokelela ukuba yenziwe. Kodwa babengekho. Ukuba babekho, loo nto babeyibiza ngokuba “nguBhelezabhule, umtyholi.” ’Yabona? “Nkosi, siqwenela ukuba ube Ubunokwenza ngendlela esifuna ukuba Wenze ngayo.” Yiloo nto. “Kuye apho sifuna ukuba uYe khona, wenze esikufunayo.” Owu, ewe. Ah-ha. Aha babengenakuxhomekeka kuYe. Hayi, mhlekazi. Naso isizathu sokuba babe bamkhupha phakathi kwabo. Ewe, mhlekazi. Bazama ukwenza kwa into enye namhlanje. Kwaye ngomanyano lwamabandla, ekugqibeleni bakuphumezile ukukwenza oko, ’yabona, bebonke behlangene. Ukukhwaza okuqhelekileyo.

³²⁴ Naku sibona, kwakhona, eyona ndawo iyeyenkolo, eyona ingcono, izifundiswa zezakwalizwi ezilungisiweyo, ziyakhwaza kwakhona, kwaye ngokuchasene naYe, ziyamemeza. Ezona zingcono zezi fundiswa zakwalizwi, ebezifanele ukuba zazi ngokwahlukileyo; awona mabandla angaphezulu, nezona ziqeqeshiweyo izifundiswa zezakwalizwi, zaMkhupha phakathi kwazo. AbaLifuni.

Uthi, “Uyaphazama, Mzalwana Branham.”

³²⁵ Babengekho apha ukuza kubona *Izigaba EziSixhenxe ZeBandla*, okanye ukuzakuziva zishunyayelwa. Wawungekho, ngethuba, esi Sigaba seBandla laseLawodike yayisiso kuphela abathi baMkhuphela ngaphandle kwebandla kuso. Kwaye Wayengaphandle, ngaphandle, enkqonkqoza, ezama ukubuyela ngaphakathi. BaMkhuphela ngaphandle ngokuba abanamsebenzi naYe. Bambethelela ngokutsha. Amen! Sinokuhamba ithuba elingakanani?

³²⁶ Khumbula, umprofeti weLizwi likaThixo wasixelela, kuTimoti weSibini 3, ukuba uyayibhala. Asinaxesha lakuyifunda. Kodwa watsho, ukuba, “Ngemihla yokugqibela, abagxeki bayakufika. Bayakuba ngabazithandayo, abakratshi, abathandi beziyolo kunokuba bathande uThixo; abatyholi, abengenakuzeyisa, izibhoja, abangenakuthanda kulunga, abancethezi, abazithandayo, abakratshi, bezizifundiswa; benokumila kokuhlonela uthixo, kodwa bewakhanyela aMandla ako; kwabo ke khwebuka! Kuba lolo didi oluthimba abafazi, abasileyo abaphungula iinwele,” benxiba ezimfutshane, beziqabe ubuso, “bawasusa kwenye indawo ukuya kwenye, babathimbe.” Injalo kanye loo nto.

³²⁷ Wathi, “Jikani kuloo nto, ngemihla yokugqibela.” Masithobele umprofeti. Jikani kwezo zinto ngemihla yokugqibela. Zilapha. Ndibiza ndibhekisa kwiBandla ngoku. Ewe, mhlekazi. Mkani kuloo nto!

³²⁸ Banabo, bona, a—abefundisi balo mhla, bamelwe kukuzazi ezi zinto. Ngebabemazile uYesu ngemihla yaKhe. Ngebaziyo.

Kwaye nangoku bamelwe kukuyazi loo nto, kodwa abayazi. Kanye njengokuba abefundisi bamaJuda bemihla yaKhe ngebabeMazile ngomhla waKhe, kunjalo namhlanje, ngeLizwi likaThixo elingqinelwe ngokucacileyo ngoko. Yena wayeliLizwi, waze Waqondakalisa ukuba Yena wayeliLizwi. Waqondakalisa ukuba Yena wayeliLizwi lalo mhla. Ke uThixo uqondakalalisile namhlanje ukuba nguYe iLizwi lanamhlanje, ukuKhanya kwale yure. Kwaye babemelwe kukuyazi loo nto ngoko, kwaye bamelwe kukuyazi ngoko.

³²⁹ BaMbethelela ngoko, kwaye bayaMbethelela ngoko. Ndibabeka ityala ngaloo nto! Kulungile. Loo nto ihlala ibaneka nje kum, “Ndibabeka ityala, kuba uThixo uyakubenza bahlawule ngenxa yaloo nto!”

³³⁰ AmaJuda omhla wabo. UThixo kwakhona, ngemihla emhlabeni, uYesu wathi, “Yerusalem, Yerusalem, kufuthi kangakanani na ndithatha ukunihlanganisa nibe liqela elinye elikhulu, kodwa anavuma.”

³³¹ Indlela azame ngayo uThixo, kule mihla yokugqibela, ukubumba abantu baKhe bahlangane, kodwa anivumanga. Ninqwenele umgaqo wenu, ke ngoku ninikelwe kwintshabalalo. Nantso into eyayamkelayo iJerusalem; yadilizwa, yatshiswa, ayisekho. Kwaye yiloo nto kanye eyakwenzeka, ngezinye zezi ntsuku, kuzo zonke ezi zinto zinkulu zilapha. Imigaqo yenu emikhulu namahlelo iyakufa itshabalale, kodwa iLizwi likaThixo liyakuba nguNaphakade liphile ngokungapheliyo. 'Yabona?

³³² Amanxeba akhe awona nzulu avela kwindlu ebizwa ngokuba yeyabahlobo. Cinga, yicinge loo nto. Yicinge loo nto! Yima! Ndilinde umzuzu nje. Befundisi yicingeni loo nto! Ayevela phi amanxeba aKhe? Kwindlu yabo babizwa ngokuba ngabahlobo baKhe. Njengokuba kwakunjalo, kunjalo. Yicinge loo nto! EKalvari akazange angqongwe zii—ziindlavini, zamabharibhari, kodwa ngabalungiseleli ababesithi bayaMthanda. Kwaye namhlanje, xa iVangeli iqondakalalisiwe ngokupheleleyo, xa imiqondiso emikhulu yovuko lwaKhe iqondakalalisiwe phakathi kwethu, ayisositrato phaya phandle esikutsibelayo, ngaba babizwa ngokuba ngabefundisi.

³³³ Bona abo babemelwe kukuba bayaMthanda, ngabo Angqongwe ngabo namhlanje. “Asiyifuni laa Nto phakathi kwethu. Asiyikuyivumela le Ndoda isilawule. Asiyikuxhasa. Asiyi kuba nantsebenziswano ngaloo Nto, kwesi sixeko, ukuba laa Nto ikhe yeza ngapha. Akukho nto iyiyo kukunqulwa kwemimoya. Ngumtyholi.” Bengalazi iLizwi likaThixo, iimfama ezikhokela iimfama. Njengokuba kwakunjalo ngoko, cinga, kunjalo ngoko. Kanye njengokuba kwakunjalo ngoko, kunjalo ngoko. Cinga!

³³⁴ Amandla akhe okuphilisa nokukhulula amadoda nabafazi kuthando lwehlabathi langoku, kwabanqothulwe iinwele, oo-Izebhele abaziqabe ubuso abazibiza ngokuba bangaMakristu; babe bevelisa ubomi obulolo hlobo, betshaya izigarethe, iiziqhulo ezingcolileyo. Bahlale phantsi babe nombutho wokusekwa kwamabandla, nokulapha nokuthunga, nokuthetha, nokugxeka, baze—baze baphume esitratweni banxibe iibhulukhwe ezimfutshane, nayo yonke into elolo hlobo; baze bazibize ngokuba ngaMakristu, phambi kwabanye abafazi. Niyalikhumbula ibali lam malunga nekhoboka elalisazi ukuba lalingunyana wokumkani, ukuziphatha kwalo. Simelwe ukuba siyintoni? Amadoda nabafazi, baze bakhanyele. . .

³³⁵ Aba befundisi, ezi pulpiti apho Afumana khona ukuhlalywa kwaKhe, benyuse bamisela olo hlobo lwempilo phakathi kwabantu, apho baMhlabe khona. Bayawakhanyela aMandla oku—okubakhulula kuloo nto, kwaye bayayimisela ukuba ibe njalo. Ngeli thuba ichaseneyo neLizwi likaThixo, into yokuba umfazi anqothule iinwele zakhe, okanye aqabe ubuso bakhe, okanye anxibe iibhulukhwe ezimfutshane. Loo nto ichasene neLizwi likaThixo, kodwa bayayimisela, besenza enye iKalvari (evela phi? Esitratweni? Kwindlu zokuselela?) kuvela epulpitini, kuvela epulpitini.

³³⁶ Kwaye, kwakhona, yayiyintoni isililo? “UZenza uThixo.” Bayabukhanyela ubuNgangamsha baKhe. Bazama ukuMcanda benze ngaYe oothixo abathathu mhlawumbi abane. Ngeli thuba, AnguThixo; WayenguThixo; Uyakuhlala enguThixo, inguye izolo, namhlanje, nanganaphakade. Xa uthetha ngoThixo omnye, kubo, bayakuhleka. “Sikholelwa kuMtriniti ongwele.”

³³⁷ Ndikholwa kuThixo omnye ongwele, ewe, mhlekazi, aMandla aKhe okuphilisa, okukhulula, nokuthatha aba bantu ubakhuphe kuthando lwehlabathi, ubakhulule njengokuba wenzayo kubuMariya waseMagadala. Khumbula, wayengu-Izebhele omncinane oziqabileyo, naye. Wayeneedemoni ezisixhenxe kuye. Wayengozihluba iimpahla.

³³⁸ Kanye njengokuba enjalo umfazi wangoku esitratweni namhlanje; yiya naphi na apho uthanda ukuya khona ukhangele. Ukuba awukholwa ukuba abantu baqubuda kwimifanekiso eqingqiweyo yabafazi abahamba ze, khangela phaya phandle esitratweni namhlanje. Njengokuba kwakunjalo ngemihla yeSodom, kuyakubanjalo. Khangela phandle, ukuba awukholwa yiloo nto, yiya naphi na. Vula iphepha, vula ulindi-xesha, khangela kwibhodi yeendaba, ufumanisa ntoni? Khumbula into eyathethwayo, “Xa oonyana bakaThixo bazibonayo iintombi zabantu ukuba zintle, bazithabathela abafazi.” Khangela kwihlazo eNgilane, khangela kwihlazo elilapha, khangela kuyo yonke loo nto, isuke yayindlu yobuhenyukazi.

339 Kutheni kunjalo nje? Kwathini ukuze iRussia ibebubukomanisi? Ngenxa yobukrwada nokungcola, nokungabinaMandla kwebandla lobuKatolika. Kwaye yiloo nto kanye esi sizwe esithatyathwe yiyo, ubukomanisi nokumanyana kwamabandla, libe lizidibanisa nebandla lobuKatolika. Ntoleyo, ubukomanisi nobuKatolika buyakuhlangana, uyazi, kwaye naku beyenza loo nto. Kuba? Ngokuba bayalile iVangeli ebahlulayo ibenze babe ngabantu abahlukileyo! . . . ? . . . Naso kanye isizathu.

340 Kwaye abalungiseleli epulpitini bayayinyamezela loo nto, ngenxa yetikiti lokudla, ngenxa yomgaqo womanyano othile, bathi, “Ndingoka*Sibani-bani*,” betshintshisa aMandla kaThixo ngemfundo; anokubakhulula kolu hlanga luphambeneyo, nje kuMariya waseMagadala.

341 Kwaloo Mandla anokuthabatha ozihluba iimpahla omncinane esitratweni, amenze anxibe iimpahla enze ngokwenenekazi, amenza abe nguMkristu, bayawagxeka loo Mandla, baze babethelele iNdoda eyayinaWo, eKalvari.

342 Kwaye namhlanje, kwaloo Vangeli inye noMoya oyiNgcwele oyakuthabatha ozihluba iimpahla omncinane umenze anxibe njengenenekazi enze ngokoMkristu, baWabiza ngokuba “kukuyibaxa.” AbaWafuni ukuba axubane phakathi kwebandla labo, Azamazamiseke phakathi kwabo, enze abanye abafazi benze ngolo hlobo. Benza ntoni ke? BayaWagxotha aphume, kanye njengokuba benzayo ngoko. Kwaye ngoku babethelela kwa elo Lizwi baze bathi laLilelesinye isigaba sexesha. Ndibabeka ityala kwakhona, ewe, mhlekazi, kanye njengokuba babebekwe ityala ngoko.

343 Umqondiso owenza ukuba uMkhosi wakudala anxibe iimpahla zakhe. Khumbula, umntu okhulula iimpahla zakhe uphambene. 'Yabona? Kuthiwani ngomfazi? UMkhosi wayephambene; wakhulula iimpahla zakhe zesuka kuye. UThixo wathatha aMandla aKhe wamenza ukuba anxibe zakhe. Wayenxibile, esezingqondweni, ehleli ezinyaweni zikaYesu.

344 Khangela kuMandla awenza uBhatolomeyi oyimfama ukuba abone, kanye phakathi kwemigaqo yabo. Wayesemhlabeni ngethuba babesenza kuye okungangoko ukungakholwa kunjalo namhlanje, kodwa oko akuzange kumMise. Waqhubela phambili. Akazange ayekelele ngokubhekiselele kubo. Wabaxelela, “Nina, ningaboyihlo, umtyholi.” Wayigweba yonke loo nto.

345 Amandla awayenokuvusa uLazaro aphuma engcwabeni, aze anika umfazi waseNayin kwakhona unyana wakhe! Owu Thixo! AMandla awayenokwenza ezo zinto, awayenokuxela kwangaphambili izinto ezazizakwenzeka. “Kukho amabibi . . . I-esile, kukho i-esile elibotshelelweyo kwindlela ezimbini,” nazo zonke ezi zinto Wazixela kwangaphambili. Loo Ndoda

inye eyayinaloo Mandla, “MaYimke. AsiYifuni phakathi kwabantu bethu. Uyazingcolisa iimfundiso zethu,” baze ke baMbethelela.

³⁴⁶ Yinto enye namhlanje, “Mawumke uMoya oyiNgcwele,” abafuni nanto yakwenza naWo. “Uyagweba wenze zonke izinto, uze uxelele abantu bethu ezi zinto asifuni ukuba oko kuxube phakathi kwemibutho yethu. Uchasene nemigaqo yethu.” BayaMbethelela kwakhona. Owu, bethu!

Qaphela ngoku njengokuba sivala. Simelwe kukuvala.

Kwaye kwakhona, baWubiza ngokuba “kukuyibaxa.”

³⁴⁷ Kwaye baMbiza ngokuba ngo’yibaxayo.” Bathi, “Wayephambene.” Nabani na uyazi ukuba iBhayibhile yayithetha loo nto, “UYesu wayithetha,” abo baFarisi bathi, le Ndoda ingumSamariya, kwaye Iphambene.” Ngoku lithetha ntoni igama *uphambene*? “Ukungabinangqondo.” “Le Ndoda ayikho zingqondweni. Baliqela labantu abaphambeneyo abo baMlandelayo. UnguBhelezabhule.”

³⁴⁸ Kwaye, kwakhona, bathetha kwa into enye, “Luhlobo oluthile lobugqwirha. Kukuvumisa kwezinto ezizakwenzeka,” beMbeka kwakhona emnqamlezweni wehlazo. Umnqamlezo oyintoni? Ihlazo lantoni? UliLizwi elingqinelweyo; behlekisa ngaLo, bexelela abantu ukuba linguMtyholi. Besenza okuthile, baze babize . . .

³⁴⁹ Wathi, “Babiza imisebenzi engcwele kaThixo ‘ngokuba ngumoya ongcobileyo oyenzayo,’ akukho kuxolelwa ngenxa yaloo nto.”

³⁵⁰ Besenza ihlazo ngeLizwi laKhe, bezama ukuLihluba baLibize njengentsomi okanye ukuyibaxa, “Musani ukuya kuyo. Musani ukuya kwezo nkonzo.” Aha.

³⁵¹ Benza ntoni ngokwenza loo nto? Bathabatha izikhonkwane zemigaqo yabo yehlelo. Injalo loo nto. Aba bafundisi bazingela ulonwabo, bangabehlabathi, bangenathixo, bephanjaniswe bubhlelo, bathabatha izikhonkwane zobuhlelo benkonzo babethelele uNyana kaThixo ngazo, ngokutsha, ngokuphuma ezipulpitini zabo.

³⁵² Kutheni beyenza nje lento? “Bathanda ukudunyiswa ngabantu,” izidanga elinokuthi ibandla libanike zona, “ngaphezu kokuba bethanda iLizwi likaThixo.” Ndiyabagxeka. Abanakuzimilisa ngokwehlabathi, ngokuba banga . . . Abanakumilisa okweLizwi, ngokuba sebemilise okwehlabathi kakade. Sebeyenzile loo nto. Umhla wohanahanisi esiphila kuwo! Asinguwo . . .

³⁵³ Ayanelanga na iKalvari enye kwiNkosi yam? Kutheni ukuze nenze lento? Nina nimelwe kukuba niyaMthanda, nina naziyo ukuba Oku kuliLizwi laKhe, nina ninako ukufunda

iSityhilelo isahluko sama-22, nithi, “Nabani na oyakususa iLizwi elinye okanye ongeze iLizwi elinye,” niyenzela ntoni loo nto? Ingaba ayiManelanga na iKalvari enye?

³⁵⁴ Ndimele ukuMkhusela. Ndingummeli waKhe, kwaye ndiyanimangalela ngeLizwi likaThixo. Guqulani iindlela zenu kungenjalo niya kuya esihogweni. Amahlelo enu ayakubohloka. Ndiyanimangalela Phambi koMgwebo, kanye, nina, enithi ukumila kokuhlonela uthixo kwenu, nihanahanise. Kwaye kutheni niYibiza nje. . . Ayanelanga na iKalvari enye?

³⁵⁵ Njengokuba uPetros watshoyo, “Ooyihlo bemvaba zobuhlelo,” uPetros wanibeka ityala nge. . . Wathi, “Nguwuphi kooyihlo ongayenzanga lento?” KuStefano wenza kwa into enye, “Ngezandla ezichasene nomthetho nibethelele iNkosana yoBomi.” Akazange athi uYesu, ngokwaKhe athi, “Nguwuphi na uyihlo ongazange afake abaprofeti emangcwabeni? Kwaye nawahombisa nina emva koko”? Kubenjalo kwindoda elilungisa kuzo zonke izigaba zexesha!

³⁵⁶ Ngokunjalo ndilibeka ityala eli qela liphezulu ligudisiweyo labantu abahamba inkonzo abala uKristu baloo mhla. Nina ngokumila kwenu kokuhlonela uthixo nibethelela uKristu wam okwesibini, ngokuxelela abantu ukuba la Mazwi ngawomnye umhla, kwaye akangawonamhlanje. Ndiyanimangalela. Ninetyala ngenkohlakalo enye ababenalo ngemini yokubethelelwa. Guqukani nibuyeke kuThixo, kungenjalo nitshabalale.

³⁵⁷ Kwaye kwakhona ndithi, “Apha,” amabandla, “bona” isifundisi, “siyabethelela,” ngokunyelisa, “Yena,” uLizwi. Thixo yiba nenceba! Mandiyithethe loo nto kwakhona. Isenokuba ixubekile kumakhasethi. “Apha,” amabandla, “bona,” isifundisi, “siyabethelela,” ngokunyelisa, “Yena,” uLizwi. Akumangalisi ukuba kwakhona:

Phakathi kwamawa akrazukayo
 nesibhakabhaka esiba mnyama
 UMsindisi wam wathoba intloko yaKhe wafa,
 Kodwa ikhuselo elivulekayo lavula indlela
 Eya kwimivuyo yeZulu nemini engenasiphelo.

³⁵⁸ Ndikuthetha kweli khasethi, ndisenzela nesi sihlwele sabaphulaphuli. Ndikuthetha oku phantsi kwempemfumlelo kaMoya oyiNgcwele. Ngubani ongakwicala leNkosi, makeze phantsi kweli Lizwi! UThixo ngokuqinisekileyo uyakusizisa esi sizukulwana sikhohlakeleyo, sikhanyela uKristu, sala uKristu emgwebeni, ngenxa yokunyelisa, ukubethelelwa kweLizwi laKhe eliqondakalisiweyo. Beza eMgwebeni. Ndisibeka ityala! “Ngubani na ongakwicala leNkosi,” watsho uMosisi, “makeze kum,” ngethuba iNtsika yoMlilo yayijinga apho njengobungqina. Ngubani na ongakwicala leNkosi,

makathabathe iLizwi, akhanyele umgaqo wakhe, alandele uYesu Kristu yonke imihla. Kwaye ndiyakuhlangana nani xa kusayo.

Masithobe iintloko zethu ngoku sifumane ilizwi lomthandazo.

³⁵⁹ Owu Nkosi Thixo, mphi woBomi obunguNaphakade noMbhali weli Lizwi, Othe wabuyisa kwakhona kwabafileyo iNkosi uYesu, Othe ngokuqinisekileyo walingqinela phambi kwe—kwesizukulwana sabantu abangakholwayo. Ibe lixesha elide, kusanje. Baninzi abo babehleli apha. Inkonzo izalisiwe. Abantu bemi jikelele. Kwaye amakhasethi ayenziwa, ukuze aphume aye kulo lonke ihlabathi, kwindawo ezahlukeneyo. Abalungiseleli bayakukuva oku kumagumbi abo okufundela. Ndiyabathandazela, Nkosi. Makathi la mazwi angene nzulu entliziyweni, asike nzulu, asike asuse lonke ihlabathi. Ukuze bathi ngokunjalo. . .

³⁶⁰ Njengalo mlungiseleli mncinane womWisile ezantsi eKentucky, weza kum ngenye imini, wathi, “Xa ndandisiva ezo *Zigaba ZiSixhenxe Zebandla*, Ndaliva likhwaza, ‘Mkani kwezo ndonga zeBhabhilon,’” wathi, “Ndalincama ndemka. Andiyazi ukuba ndiyengaphi na okanye ndenze ntoni na, kodwa ndemka.” Mayibongwe inkuthalo yaloo mfana, nenkosikazi yakhe, nabantwana ababini okanye abathathu.

³⁶¹ Thixo, abaninzi bangangayifumana indlela yokuya kwiLizwi likaThixo, ekuphela kwendlela yoBomi, kuba Yena uliLizwi. Ndiyabathandazela ngabanye, Bawo. Ngamanye amaxesha ekuthetheni ezi zinto, akukho ngakukhohlakala; kungothando, ngokuba uthando luyalungisa. Kwaye ndiyathandaza, Thixo, ukuba abantu babenokukuqonda oku ukuba kunjalo, ukuba kujoliswe ekubeni kulungise. Wena Lowo wathi walungisa, waza wabathandazela emnqamlezweni, usithi, “Bawo, baxolele. Bona, bazimfama, aba—abakuqondi nje oko bakwenzayo.”

³⁶² Ndithandazela abo befundisi namhlanje babethelela iLizwi kwakhona, ngokuthatha imigaqo yabo yemvaba zobuhlelo neemfundiso, baze bamisele zona endaweni yeLizwi loBomi. Ukuze ngoko, phambi kwabantu, ba—bagxeke eyona Nyaniso iyiyo uThixo ayingqinela ukuba yiNyaniso yaKhe. Siyabathandazela, Bawo, ukuba Ubabize beze kwiSidlo soMsitho kwakhona. Kwaye banga bangeza ngeli thuba, langabi nakuzicelela uxolo, kuba ndiyaqonda ukuba ubizo lokugqibela lisenokuba selidlule. Kusenokuba kusemva kwexesha kakhulu ngoku. Ndiyathemba ukuba akunjalo.

³⁶³ Sikelelela eli bandla lincinane likhoyo apha, lamakhulu ambalwa abantu ahlanganisene apha kusanje, ngale mini ishushu, ehleli apha ithuba elide, mhlawumbi iyure ezimbini nangaphezulu, zeenkonzolo, aphulaphula. Abakhange bemke.

Bahleli bazola baphulaphula. Abaninzi babo belindele iidinala zabo, abafazi bemi kunye neentsana zabo, kwaye balindile. Babambebelele kulo lonke iLizwi.

³⁶⁴ Nkosi, Ndiyakuqonda okuya kwenzeka kum ngaloo Mini yoMgwebo ukuba ndibalahlekisile abo bantu. Ndinesazela, Nkosi, ndinesazela kangangoko ndinokuziva. Kukuba, ndizama ukubathabatha ndibase eLizwini, ndibenze baphile ngeLizwi, ndibaxelele ukuba Wena “isenguwe izolo, namhlanje, nangonaphakade,” laa Moya uyiNgcwele mkhulu unguYesu Kristu, nto nje ekwimo yoMoya oyiNgcwele, loo Ndoda inye. Watsho wena. “Kusaya kuba lithuba elincinane ihlabathi lingabi saNdibona; ke nina niya kuNdibona, kuba Ndiyakuba kunye nani, ndibe kuni.” Kwaye ndiyazi ukuba oku nguWe, Nkosi. Kwaye siyakholwa kuWe, kuba siKubona usenza kwa ezo zinto phakathi kwethu.

³⁶⁵ Siyazinikela iziqu zethu namhlanje, ngokukhululekileyo, senza njalo apha kweli bandla nasemakhasethini. Nkosi, kanye ngalo mzuzu, yanga yonke indoda nomfazi, inkwenkwe okanye intombazana, ethe—elapha ngoku, okanye emi ngaphandle, okanye ekuva ekhasethini oku, sanga ngalo mzuzu singenza ukuzinikela okunzulu sinikele iziqu zethu ngokupheleleyo ngokupheleleyo ekukhonzeni uThixo.

³⁶⁶ Hamba phezu kwesi sihlwele, Nkosi, ngaMandla, uphilise abagulayo. Bathe kukho inkwenkwe encinane esisiqhwala ehleli ngapha. Makathi loo Moya uyiNgcwele mkhulu... Siyazi, ukuba uhlala nje kubuKho obunjengobu, Kuyakuyenza loo nto. Ukuba Ungahamba ngonomathotholo nomabonwakude, uye kuwo wonke amazwe uphilise abagulayo, “Wathumela iLizwi laKho Laze labaphilisa,” Ungenza kwa loo nto ngalo mzuzu. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba Uphilise wonke umntu ogulayo, wonke osisiqhwala, wonke oxhwalekileyo, apha nabo bawavayo la Mazwi. Thixo, siphe oko. Umthandazo wam ungenxa yabo.

³⁶⁷ Ngo—ngothando lukaKristu entliziyweni yam nokuvakalelwa ngenxa yabasweleyo, ndiyabazisa, Nkosi, kuWe, phezu kwesibingelelo sedini, apho umzimba oneGazi waloo Mvana ulele khona njengentethelelo yezono nezifo zethu, ulele apho. Ndithandazela inceba ebantwini. Ndifuna ukuma njengokuba wenzayo uMosisi, ethubeni ngenxa yabo, Nkosi, ndithi, “Thixo, yiba nenceba kubo, ithuba elidana, ubanike elinye ithuba.” Unga—ungayenzi loo nto ngoku, Nkosi. Mayithi—mayithi iVangeli ihambe ibhekele phambilana.

³⁶⁸ Ba—bagwetyiwe, Nkosi. Ndiyathandaza ukuba inceba yaKho enkulu nobabalo lwa—lwandiselwe kumntu wokugqibela onegama lakhe elibhalwe eNcwadini. Kwaye ndiyazi ukuba bayakuza. Akuyonto inzima ukuthandaza ngokuchasene neLizwi eliNgcwele, okanye ngokuchasene—

okanye ngokuchasene ne—neLizwi eliNgewele, ndithetha ukuthi, Nkosi; iLizwi elithenjisiweyo, iLizwi elingqinelweyo, iLizwi elabamisela ngenxa engaphambili aba bantu emva phaya ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. Asiyonto—Asiyonto inzima uku—ukuthandaza ukuba Wena usindise abo bamagama aseNcwadini, ngokuba ndiyazi ukuba Uyakuyenza loo nto. UYesu wathi, “Bonke aNdinike bona uBawo bayakuza.” Kwaye akukho mntu unokuza ngaphandle kokuba ngulowo kunikelwe ngaye.

³⁶⁹ Ngoku ndiyathandaza, Thixo, ukuba kuyo yonke indawo la Mazwi ayakuwa kuyo, kokubini ekhasethini nalapha ngoku, ukuba uMoya oyiNgewele uyakubiza wonke umntu owamiselwa ngenxa engaphambili khona ngoku, ukususela ekusekweni kwehlabathi ngethuba igama lakhe labhalwayo eNcwadini yoBomi yeMvana. Banga bangeva iZwi likaThixo lithetha namhlanje, ngelo lincinane, lizolileyo, iZwi elincinci ezantsi entliziweni yabo, lisithi, “Yiyo le indlela, hamba kuYo.” Siphe oko, Bawo. Ndikucela oko eGameni likaYesu.

³⁷⁰ Kwaye ngeli thuba sisazithobileyo iintloko zethu apha kwesi sihlwele. Ukuba ayakholwa ukuba oku yiNyaniso, kwaye u—u. . .Ndibeke, isandla sam phezu kwezi tshifu zilele apha, neepasile zabagulayo nabaxhwalekileyo. Ndifuna ukukubuza umbuzo, ngokunyanisekileyo ngoku.

³⁷¹ Andihleli ukuza apha nje ukuba ndiviwe. Ndi—Ndi—ndidiniwe. Ndiphelile. Andisemtshanga njengokuba ndandinjalo, kwaye ndi—kwaye ndiyazi ukuba imihla yethu ibaliwe. Ndiyazi ukuba ndimelwe kukubeka yonke into encinane endinakho, ndisenzela uBumkumkani bukaThixo. Ndiyakushumayela lonke ixesha endinokufumana ngalo ithuba. Ndiyakuya, ndiyakuya nokuba ndiziva ndifuna na okanye hayi.

³⁷² Ndiza apha ngenxa yokuba ndi—ndiva ndinokukwenza. Ndi—ndifuna ukukwenza. Ndiyanithanda. Andizithethi ezi zinto zirhabaxa zilukhuni, kananjalo—kananjalo, ngenxa yokuba ndifuna ukwenza njalo. Kukho—kukho ukungongoza okungaphakathi kum. Le nto inye ibingqinelwe yilento indinyanzela ukuba ndenze ezi zinto. Ndiyithetha ngobubele, nothando. Andizimisele kubangxolisa abafazi bakuthi okanye amadoda akuthi. Andizimisele kuyenza loo nto, mzalwana, dade. Ndizimisele kuphela ukuzisa kuni i—indawo ebukhali, ukuze kufikelele kwindawo apho niyakubona khona ukulungiswa nesabhokhwe seNkosi, ukuze ningene ngoku. Musani ukuyibekela bucala; kungenzeka nilinde kube kudala.

³⁷³ Kwaye nina ninqwenela ukuza kwicala leNkosi, ngokuzinikela okupheleleyo entliziweni yenu, phambi kwesi sihlwele ngoku, okanye nokuba kuselizweni apho la makhasethi ayakuba khona; ningathanda, iintloko zenu

zithotyawe...Musa ukuziphakamisa izandla zakho ukuba awuzimisela kwenza njalo. Ngoku ukuba ngenene uzimisele kuloo nto, ufuna ukuza eNkosini, nobomi obunikezelwe ngokuthe chatha, awunakusiphakamisa isandla sakho khona ngoku. Wena, iNkosi ikusikelele. Unikezela isiqu sakho ngokutsha kuKristu, ukuze uzame ukulithwala ihlazo. Uthi, “Ndikulungele namhlanje ukuthabatha ihlazo.”

³⁷⁴ Ndiziphakamise zozibini izandla zam, nam. Mna, mna ndifuna ukuthabathela kum ihlazo likaYesu Kristu. Ndiluthwala ngovuyo olu phawu lokubizwa “mqengqeleki ongcewele,” nokuba yintoni na osenokulubiza ngayo. Ndiluthwala ngokuzingca, ngokuba kungenxa yeNkosi. Ndiluthwala ngokuzingca.

³⁷⁵ Anifuni kwenza kwaloo nto inye nonke? Phakamisani izandla zenu, nithi, “Ngobabalo lukaThixo, ndi—ndi—ndiyafuna...Ndi...” Abadisipile babuya, becinga ukuba yayiyimbeko enkulu ukuthwala ihlazo leGama laKhe. Okanye, ufuna ukuthwala ihlazo lenkwenkwezi ethile yaseHollywood, okanye into ethile kamabonwakude, okanye ilungu elithile lebandla, okanye into ethile? Okanye, ufuna ukuthwala ihlazo leLizwi likaYesu Kristu? “Ndinike ihlazo leLizwi, Nkosi. Ndiyazi ukuba Yena walithwala ihlazo leLizwi likaThixo. Mandilithwale, nam, Nkosi.”

Nalo mngqamlezo wokuzinikela ndiyakuwuthwala
Kude ukufa kundikhulule,
Ndize ndigoduke, ndiye kuthwala isithsaba.

³⁷⁶ Siyakuba nesithsaba ngenye imini. Siyenziwa ngoku. Xa obu bomi basemhlabeni buphelile, ngoko siyazi ukuba siyakuba silungile.

³⁷⁷ Ngoku akukho ndawo iyakuzisa abantu ngasesibingelelweni. Masithi isitulo sakho, apho ukhoyo, sibe sisiguqo. “Abo bakholwayo...” Ngeli thuba sithandazayo.

³⁷⁸ Bawo waseZulwini, kukhangeleke kum ngathi phantse sonke isandla sabatsha nabadala, besiphakamile, kwaba baphulaphuli. Ndiyathandaza ukuba, ngalo lonke ixesha ekuyakuthi ikhasethi lidlalwe, ukuba abantu bayakuphakamisa izandla zabo, baguqe egumbini; utata nomama bahambe babambane izandla, bathi, “Sthandwa, sibe ngawo amalungu enkonzo ngokwaneleyo. Masize kuKristu.” Siphe oko, Nkosi.

³⁷⁹ Sikelela aba bantu balapha. Ndiyathandaza ukuba Ubanike, Nkosi, ubomi bokuzinikezela. Abaninzi babo, Nkosi, bangabantu abalungileyo. Banga—bangabantu baKho; bebengayazi nje iNyaniso. Kwaye ndiyathandaza ukuba Ubabonise iNyaniso yaKho, Nkosi. “ILizwi laKho liyiNyaniso.”

380 Njengokuba Wena watshoyo kuYohane, ndiyacinga malunga nesahluko se-17, Wathi, “Bangcwalise, Bawo, ngayo iNyaniso. ILizwi laKho liyiNyaniso.”

381 Kwaye Lona kwakhona, iLizwi laKho, liseyiNyaniso. Lihlala liyiNyaniso, ngokuba LinguThixo. Kwaye ndiyathandaza, Thixo, ukuba Ubangcwalise ngayo iNyaniso. Oko kukuthi, bangcwalise, benze msulwa kuyo yonke imigaqo neemvaba zobuhlelo. Benze msulwa kuzo zonke izinto zehlabathi, beze kubomi bokuzinikezela kwiLizwi. Siphe oko, Nkosi. BangabaKho ngoku. Wathembisa ukuba Uyakuyenza loo nto. Kwaye njengesicaka saKho, ndinikela ngomthandazo wam ngenxa yabo. EGameni likaYesu Kristu.

382 Ngoku iintloko zethu zithotywe, masicule eli culo ngeli thuba siqhubela phambili ukuthandaza.

UYesu walihlawula lonke,
KuYe konke . . . (Yicinge nje!)
Isono . . .

383 Izolo bendikwenye i—indawo, yaze enye indoda yabe indilinganisela isuti athe umzalwana olapha enkonzweni wandithengela yona. Yathi, “Isuti yakho ikhangeleka iyeshushu, kwaye bendithenge epholileyo.”

384 Ndaze ndaya phaya ukuya kuyisikisa, yaze yathi, “Khawutsho, igxalaba lakho lasekunene lihlile. Inokuba wathwala umthwalo onzima ngamhla uthile.”

385 Ndaze ndacinga, “Ewe, umthwalo wesono. Kodwa uYesu wahlawula konke.” Phulaphula njengokuba silicula.

UYesu wahlawula . . . konke,
Ngoko konke, bonke ubomi bam, kuYe ndi . . .

Senza ntoni isono?

Isono sashiya ibala eliyinqombela,
Walihlamba lamhlophe ngokwekhephu.

386 Thixo, yiba nenceba kuthi. Njengokuba eli thuba lokucinga nzulu, malithi iLizwi lingene nzulu, Nkosi, entliziyweni. Mabathi abantu, nangona kusenokuba ixesha limkile lokufumana iidinala zabo . . . Kodwa, Nkosi, oku kungaphezulu kokudla. BuBomi obu. “ILizwi laM likukudla,” watsho Wena. Kwaye yiloo nto imiphfumlo yethu elambileyo ifumana isidlo kuyo.

387 Ngoku sithabathe, Nkosi, usibumbe. Nkosi, ndithabathe kunye nabo. Ndifuna ukuhamba nabo. Ndiya eKalvari ngoku, Nkosi, ngokholo. Ndihamba kunye neli bandla. Ngoku ndibumbe nje ngokutsha, Nkosi. Ndenza okuphosakeleyo. Amathuba amaninzi endathi . . .

388 Apha kungekudala bendizakuyeka nje ukushumayela. Abantu bebengandiva. Bahlala nje besenza into enye, ndaze

nda—ndanokutyhafa. Ndazoyikisela. Owu Thixo! Kwiicawe ezimbalwa ezidlulileyo, apho Wena undinike umqondiso phaya phandle, ndaze ndifunda iBhayibhile, ndibona into Owayixelela uMosisi, kanye njengokuba belinjalo ela phupha, lokuba kwakukho intaba, kananjalo, yaye yayiyakuba ngumqondiso kuye. Kwaze kwathi kanye ekupheleni kwayo, ukwazi ukuba nda—ndashiya uninzi lwabantu abagulayo; ulungiselelo olungekho kuphela ekuprofeteni, koko ekufundiseni iLizwi, no—nokuthandazela abagulayo. Wenza ukuba indoda iwe ife kanye apha emgangathweni, waze wayibuyisela ebomini, ukwenzela ukungqinela ukuba yayiyinyaniso leyo. Uhlala ulingqinela njalo iLizwi laKho.

³⁸⁹ Ngoku, NKosi, Lingqinele khona ngoku ngeli thuba ndiphambi kweTrone yaKho. Thabatha ngamnye kwaba bantu, Nkosi, khupha ihlabathi kuthi. Ndithabathe, Nkosi, ngeli thuba siPhambi kwaKho. Thabatha nje ihlabathi, khama iintliziyo zethu, Thixo, khona ngoku. Tsala ihlabathi nexhala lehlabathi lisuke kuthi. Masibe ngaMakristu azinikeleyo, Owu, Thixo, sibe ngabanothando abanobubele abalungileyo, sithwele isiqhamo soMoya. Awungeyenzi loo nto, Nkosi? Siphambi kweTrone yaKho. Isono sishiye ichaphaza elingqombo kuye ngamnye kuthi, kodwa iGazi laKho lingasisusa, NKosi, lisenze sibe mhlophe ngokwekhephu siphe oko, ngeli thuba silindele kuWe. Sithabathe; singabaKho; sinikezele ubomi bethu kuWe. EGameni likaYesu Kristu, siphe oko, Nkosi, sisonke ngabanye.

³⁹⁰ Khama intliziyo yam, Nkosi. Ndiyazibona iimposiso zam. Ndiyazibona iimpazamo zam zonke. Thixo, ukusukela ngeli xesha, ndizama ukuphila ngokona kungcono ndinako, ukunceda Wena. Ndifuna ukuhamba, ndifuna ukunikezela ubomi ngokutsha kuWe, kuyo yonke le ndawo ngale ntsasa.

³⁹¹ Emva kokuzisa esi simangalo ngokuchasene na—namadoda angabefundisi abahlobo bam phaya phandle, ndibe nokuthetha ezi zinto zilukhuni, kodwa Nkosi, oko ndikwenze ngempembelelo yaKho. Ndiva ukuba Undixelele ukuba ndiyenze loo nto. Ngoku isukile emagxeni am, Nkosi. Ndi—Ndiyavuya ngenxa yokuba isukile. Mayibe ngabo abanento yokwenza nantoni na abayithandayo ngaloo nto, Bawo. Ndiyathandaza ukuba babenokuyamkela. Ndiyathandaza ukuba Usindise mntu ngamnye, Nkosi.

³⁹² Kwanga kungavela imvuselelo yamalungisa, naMandla amakhulu eze phezu kweBandla kanye phambi kokuba Lihambe. Akunzimanga ukuthandaza loo nto, ngokuba Wayithembisa. Kwaye silindele, Nkosi, olo tsalo lwesithathu lwamandla saziyo ukuba luyakusenzela izinto ezinkulu phakathi kwethu.

³⁹³ NdingowaKho, Nkosi. Ndizibeka kwesi sibingelelo, ngokuzinikezela njengoko ndaziyo ukuba ndinokukwenza. Lisuse ihlabathi kum, Nkosi. Thabatha ususe izinto kum ezitshabalalayo; ndinike izinto ezingatshabalaliyo, iLizwi likaThixo. Ndanga ndinganako ukuphila ngokusendele kangako kwela Lizwi, lide iLizwi libe ngaphakathi kum, mna ndibe ngaphakathi kwiLizwi. Ndiphe oko, Nkosi. Ndanga andingephinde ndimke kuLo. Ndanga ndingalibamba elo Krele loKumkani ngokuqine kangako, ndiLiqinise ngokusondele kakhulu. Ndiphe oko, Nkosi.

³⁹⁴ Sisikelele sonke. Singabakhonzi baKho, njengokuba sinikezela iziqu zethu kuWe ngale ntsasa, ngokutsha, ezintliziyweni zethu. SingabaKho, eGameni likaYesu Kristu, ukuze sikukhonze.

UYesu . . .

UThixo anisikelele! Mzalwana uNeville.



Ukubeka Ityala, Umq. 7 Inani 2
(*The Indictment*, Vol. 3 No. 19R)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe kusasa umhla 7 kuJulayi, mgowe-1963, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-1998 ngabe:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org